Rainbow WORKBOOKS

ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 5 – BOOK 1
TERMS 1 & 2
ISBN 978-1-920458-62-1
THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.
9th Edition

ISBN 978-1-920458-62-1

a b c d e
f g h i j
k l m n o p
q r s t u
v w x y z

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE – Ibanga lesi-5 Incwadi yoku-1

ISBN 978-1-920458-62-1

Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS



Ibanga lesi- 5

Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE

Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2



UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty, uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

UXANDUVA LOLUTSHA LOMZANTSI AFRIKA

Ukulingana

Phatha wonke umntu ngokulinganayo nangendlela elungileyo. Musa ukucalucalula.



Isidima somntu

Hlonipha wonke umntu. Yiba nenceba nenkathalo.



Ubomi

Ubomi buxabisekile. Phatha yonke into ephilayo ngentlonipho.



Usapho



Bahlonele abazali bakho. Yiba nobubele nentembeko kusapho lwakowenu.

Imfundo

Yiya esikolweni, ufunde kwaye usebenze ngokuzimisela. Thobela imithetho yesikolo.



Umsebenzi

Ncedisa kwimisebenzi yasekhaya. Abantwana mabanganyanzelwa ukuba bafune umsebenzi.



Inkululeko nokhuseleko



Musa ukubavisa ubuhlungu okanye ubavuyelele abanye, kwaye sukubavumela nabanye ukuba benze njalo. Lingxwabangxwaba mazisonjululwe ngoxolo.

Ipropati

Zihlonele izinto zabanye abantu. Musa ukonakalisa ipropati kwaye musa ukuba.



Inkolo, inkolelo kunye noluvo

Zihlonele iinkolelo nezimvo zabanye abantu.



Ukhuseleko



Wukhathalele umhlaba. Musa ukuwamosha amanzi nombane. Zikhathalele izilwanyana nezityalo. Gcina ikhaya lakho kunye nendawo ohlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile.

Ubummi



Yiba ngummi woMzantsi Afrika olungileyo nothembekileyo. Yithobele imithetho kwaye uqinisekise ukuba benjenjalo nabanye abantu.

Inkululeko yokuvakalisa izimvo

Musa ukusasaza ubuxoki nentiyo. Qinisekisa ukuba abanyhukulwa okanye baviswe ubuhlungu abanye abantu.



Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Ninth edition 2019

ISBN 978-1-920458-62-1

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

This book may not be sold.

Ibanga lesi- 5

Rainbow WORKBOOKS

ulwimi lweenkobe

NGESIXHOSA



Le ncwadi yeka-:

ISIXHOSA

Incwadi yoku-

1

IZIKHOKELO ZOKUSEBENZISA LE NCWADI YOKUSEBENZELA

Le ncwadi yisebenzise kunye namanye amancedo/nabanye oovimba. Funda uxwebhu lwe-CAPS lwesigaba sabaphakathi lolwimi lweenkobe.

Siyanamkela kule Ncwadi yokusebenzela yoLwimi Lweenkobe yesigaba sabaphakathi. Umgangatho woLwimi Lweenkobe wesigaba sabaphakathi ujolise ekuphuhliseni izakhono zolwimi zabafundi ukuze bakwazi ukunxibelelana kwiimeko zentlalo, kananjalo nasekuphuhliseni izakhono zengqiqo zokufunda ezingundoqo ekufundeni kwikharityhulam yonke. Sinethemba lokuba uya kuyifumana iluncedo le ncwadi ekuncedeni abafundi baphucule izakhono zabo.

Le Ncwadi yokusebenzela ilungelelaniswe nemijikelo yeeveki ezimbini zika-CAPS. Isishwankathelo sokuya kufundiswa kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini ufumaneka kumaphepha 1, 35, 69 nakwele-103 kule ncwadi yokusebenzela. Umjikelo ngamnye weeveki ezi-2 uqulethe izakhono ezine zolwimi:



1 Ukumamela nokuthetha (Ezomlomo) – Iiyure ezimbini kumjikelo weeveki ezi-2

Kufuneka abafundi bafumane rhoqo amathuba okuphuhlisa izakhono zabo zokumamela nokuthetha ukuze bakwazi ukuqokelela ulwazi, ukusombulula iingxaki nokuvakalisa izimvo zabo. Ezi ncwadi zinemisebenzi eliqela yokuthetha nokumamela onokuyongeza ukuze uqinisekise ukuba banamathuba okuziqhelisa ukuthetha.



2 Ukufunda nokubona – iiyure ezi-5 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS igunyazisa ukuba abafundi bafunde kwaye babone izicatshulwa nokunye okubhaliweyo kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Oku kuquka ukufunda: amabali amafutshane, iintsomi, amabali angamava abantu, iileta, ii-imeyile, ukubhala kwiidayari, amanqaku eemagazini, udliwano-ndlebe lukanomathotholo/lwerediyo, imibongo, izicatshulwa ezithundezayo, izibhengezo/iintengiso, imiyalelo, iinkqubo neendlela zokwenza. Ukongeza, i-CAPS ikwafuna ukuba abafundi bafunde izicatshulwa zolwazi ezinemifanekiso: iimephu, iitshathi, iitheyibhile, imizobo, izazobe zokucinga, iitshathi zemozulu, iipowusta, izaziso, imifanekiso kunye neegrafu.

Uya kuzifumana ziliqela ezi ntlobo zezicatshulwa kule ncwadi yokusebenzela. I-CAPS ikwachaza nenkqubo yokufunda ebandakanya amanqanaba okufunda kwangaphambili, ukufunda kwanokufunda kwakamva. Uya kufumana inkcazelo yemifanekiso eluncedo yenkqubo yokufunda kuqweqwe lwangaphakathi lwale ncwadi.



3 Ukubhala nokubonisa – Iiyure ezi-4 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS ifuna abafundi banikwe rhoqo amathuba okuziqhelisa ukubhala kwiimeko ezahlukeneyo. Ezi Ncwadi zokusebenzela zinika izakhelo eziliqela zokubhala eziza kuba luncedo kubafundi ekucwangciseni nasekuboniseni izicatshulwa zabo ezibhalwayo, ezibonwayo nezinye iindlela zosasazo. Uya kufumana inkcazelo yegrafu yenkqubo yokubhala kuqweqwe lwangaphakathi olungasemva lwale ncwadi.



4 Izakhiwo zolwimi ezi-4 – Iyure e-1 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS inika uluhlu lwezakhiwo zolwimi nemisebenzi efanele ukwenziwa kwibanga ngalinye. Le Ncwadi iquka imisebenzi ethile kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Le misebenzi idla ngokuba nenqaku elichaza umsebenzi wolwimi.

ULWIMI



Ukuze ufumane isikhokelo ngokubanzi, funda incwadana yoqeqesho yale Ncwadi yokusebenzela.

Umhla:

Izi qulathoUmxholo 1: Masibaliselane

Amabali
Ikota 1: liveki 1 - 2

1 UPele – udumbe intloko yibhola ekhatywayo 2

Uthetha ngomfanekiso omalunga nebali
Ufunda isicatshulwa ngoPele, umdlali webhola ekhatywayo.
Uphendula imibuzo enxulumene nesicatshulwa.
Uchaza imibuzo aze ayiphendule.
Uchaza iimvakalelo nezimvo malunga noPele.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.

2 Okunye ngoPele 4

Uxoxa ngemibuzo emaqeleni.
Uphendula imibuzo ngabalinganiswa, ngendawo nangoluvo oluyingxam yebali.
Wenza isicwangciso sesishwankathelo ngokusebenzisa isazobe seengcinga.
Ubhala isishwankathelo.

3 UPortia uphengulula ibali lebhola ekhatywayo 6

Ufunda uphengululo lwencwadi
Uphendula imibuzo ngophengululo
Uchaza umbhali, isihloko nesiqulatho sophengululo lwencwadi.
Unika isizathu sokuba abantwana beza kulithanda ibali.
Ugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa izenzi zexesha eladlulayo.
Uguqula izivakalisi ukusuka kwixesha elidlulileyo ukuya kwelangoku.

4 Ukubhala uphengululo 8

Ulandelelanisa izivakalisi.
Usebenzisa isazobe sesigcawu ukwenza isicwangciso sophengululo.
Ubhala uphengululo phantsi kwezihloko ezimiselweyo.
Uzoba umfanekiso obonisa ukuba incwadi ithetha ngantoni.

5 Ukutshintsha kwendlela yokucinga 10

Uxoxa ngomfanekiso.
Ufunda ibali ngenkwenkwana efunda ukonwabela imidlalo.
Uphendula imibuzo ngebali.
Uvakalisa iimvakalelo nezimvo malunga nebali.
Ubhala umhlathi.
Unika isihloko sebali.
Uchaza izibizo ngokwamahlelo azo.

6 Ukubhala kuyaqhutywa 12

Usebenza eqeleni.
Usebenzisa isakhiwo sebali ukwenza isicwangciso sebali.
Unika isihloko sebali.
Ubhala intshayelelo yebali.
Uchaza isimo sentlalo sebali.
Uchaza abalinganiswa ebalini.
Uchaza isakhiwo sebali.
Uqhubela ibali phambili kuvuthondaba.
Usebenzisa izimaphambili ukwakha amagama amatsha.
Usebenzisa izimamva ukwakha amagama amatsha.
Ubhala izivakalisi ngokutsha esebenzisa iikoma ngendlela echanekileyo.

7 Umdlalo kaPele wokugqibela 14

Wenza intetho ngesihloko esithi "Kutheni ibalulekile nje imidlalo".
Uhlola intetho eyenziwe liqela.
Ufunda isicatshulwa esimalunga nomdlalo kaPele wokugqibela.
Uphendula imibuzo ngesicatshulwa
Uchaza izifanokuthi kwizivakalisi.

8 Masikhumbule konke 16

Ubhala umdlalo ngoPele.
Ucacisa umdlalo eklasini.
Ubhala uphengululo lwebali ephawula ngokuthethwa ebalini, ukuba ngoobani abalinganiswa, uhlobo lolwimi olusetyenziswayo, isizathu sokuba abanye kufuneke okanye kungafuneki ukuba bawubone umdlalo.
Usebenzisa izingxi, oonobumba abakhulu, iikoma, iimpawu zemibuzo nezocaphulo kwisicatshulwa esinikiweyo.
Wenza uludwe ngokusebenzisa ixesha langoku.
Ubhala izivakalisi kwixesha eladlulayo.

Izicatshulwa zolwazi
Ikota yoku-1: liveki 3 - 4

9 Umvundla wohlobo olulodwa 18

Uchaza umahluko phakathi kwemifanekiso emibini.
Ufunda isicatshulwa ngoMvundla womlambo.
Uphendula imibuzo engesicatshulwa.

10 Okunye ngomvundla womlambo 20

Uchaza isihloko nezivakalisi ezixhasayo.
Ugqibezela isazobe sesigcawu ngoMvundla womlambo.
Ubhala isishwankathelo ngesicatshulwa esingoMvundla womlambo.

11 Amanani abalisa ibali elilusizi 22

Ufunda igrafu ngoMvundla womlambo.
Uyaqonda aze abhale ngegrafu yoMvundla womlambo.
Uchaza iintsingiselo zamagama
Uchonga izifanokuthi.
Ubhala amagama kwisichazi-magama.
Udibanisa izivakalisi ngokusebenzisa ezi zihlanganisi *kwaye, kodwa, kuba, ukuba, ngoko ke, no-xa.*

12 Sifunda ngemivundla 24

Ubhala izivakalisi ngolandelelwaniso olufanelekileyo ukuze zenze umhlathi ochanekileyo ovakalayo.
Uchaza isivakalisi esiyintloko somhlathi
Usebenzisa izihlanganisi ukuze adibanise izivakalisi: *okokuqala, kwaza, okulandelayo, emva koko, ekugqibeleni.*
Ubhala umhlathi oyondeleleneyo.

13 Imivundla yasendle nelulamileyo 26

Ufunda isicatshulwa ngemivundla elulamileyo neyasendle.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Ubhala isihloko sesicatshulwa
Udwelisa iiyantlukwano phakathi kwemivundla yasendle nelulamileyo
Uchaza imiba eyinyaniso.
Usebenzisa uhlobo lokukhankanya lwesenzi.

14 Masiqwalasele imivundla elulamileyo neyasendle 28

Ubhala umhlathi axele indlela umvundla wasendle owajonga ngayo amantshontsho.
Ulungisa izivakalisi ngokusebenzisa isinye nesininzi.
Uchaza izenzi zoqobo nezohlobo lokukhankanya kwizivakalisi.
Ubhala isishwankathelo sesicatshulwa esithi *Iintlobo ezahlukeneyo zemivundla*.

15 Ukujonga izafobe zokuthetha 30

Ufunda isicatshulwa ngesirhubuluzi esikwingqikelelo.
Uchaza izikweko kwisicatshulwa.
Utshatisa izaci neentsingiselo zazo.
Uchaza izaci kwizivakalisi.
Uphawula isimntwiso.
Utshatisa amaqhalo neentsingiselo zawo.

16 Ukubhala kuyaqhutywa 32

Uxoxa ngesincoko esimalunga nesilwanyana.
Wenza isicwangciso sesincoko ngesilwanyana kwisazobe sesigcawu.
Ubhala isincoko axele ukuba sihlala phi isilwanyana, ukumila nobukhulu baso, indlela esinxibelelana ngayo, siphila ithuba elingakanani nokuba ngaba sisemngciphekweni wokuphela na okanye akunjalo.

1 UPele – udumbe intloko yibhola ekhatywayo



Thetha ngomfanekiso.



Ibhola ekhatywayo ngomnye wemidlalo ethandwayo ehlabathini. Uyayithanda wena? Ngowuphi umdlali omthanda kakhulu? Umthanda ngazizathu zini? Ungumzekelo kuwe? Kutheni?



"Xa ndimamele uMhobe weSizwe waseBrazil, ndiba ngathi ndiyaphupha. Ndizama ukuzikisa ingqondo kwindlela endiza kudlala ngayo kodwa iingcinga zisuka zimke: ndifike njani apha, kwiqela laseBrazil, eSweden, ukuza kudlalela ilizwe lam ibhola ekhatywayo? Ndiqinisekile ndiyaphupha!"



Lo nguPele, ngoko wayeneminyaka eli-17, kumdlalo wakhe wokuqala kukhuphiswano lokugqibela lwebhola ekhatywayo kwiNdebe yeHlabathi ngowe-1962. Ngubani le nkwenkwe? Ifekelele njani kwiNdebe yeHlabathi? Ifikelele njani ngebhola ekhatywayo, umdlalo owayinika **udumo**?

UPele wayehlala kwidolophana encinane eBrazil. Usapho lwakhe lwaluhlupheka kakhulu. UPele wayeloluya hlobo lwenkwenkwana olwaludlala ibhola ngexesha afanele ukuba usesikolweni ngalo. Wayenethamsanqa kuba notata wakhe wayengumdlali webhola ekhatywayo kwaye wamfundisa ukuba ukusela nokutshaya akumlungelanga.

UPele uthi, "Abantu baseBrazil bathe phithi yibhola ekhatywayo. Bafunda ukukhaba besaqala nje ukuma. Ukuhamba kulandela mva."

Wasungula iqela lakhe lokuqala lebhola ekhatywayo, iShoeless Ones, eneminyaka eli-10 ubudala. Wayeyintshatsheli. Uthe esiba neminyaka eli-14 ubudala wabe sedlalela iqela lasekuhlaleni lesoka.

Ngeli xesha wayeqhuba kakubi mpela esikolweni. **Wayenomdla** wokudlala ibhola ekhatywayo kakhulu. Waye akaphumelela komnye unyaka. Wasiyeka isikolo eneminyaka eli-14 ubudala waza waqalisa ukusebenza kumzi-mveliso wezihlangu. Akuba emdala, waqala wazisola ngokuyeka isikolo. Waphindela esikolweni waza wagqithela eyunivesithi emva kokuba etshatile selenaye nomntwana.

Wathi eneminyaka eli-15 waya kudlalela iqela elaziwayo elibizwa ngokuba yiSantos. Kwiminyaka emibini emva koko wadlalela iBrazil kwiNdebe yeHlabathi yowe-1958 eSweden. Wafaka amanqaku alishumi **kwezobuntshatsheli**, apho kwaphumelela khona iBrazil.

Emva koko wadlala kwimidlalo emininzi yokhuphiswano waze wafaka amanqaku angaphezu kwe-1 300.

Kwakutheni ukuze uPele **aphumelele** kangaka? Zininzi izizathu. Okokuqala, wayeyithanda ibhola ekhatywayo. Okwesibini, wayewudlala ngobulumko obukhulu lo mdlalo, kanti okokugqibela, wayengadlaleli isiqu sakhe kuphela, wayedlalela iqela.

UPele wayengaphelelanga nje ekubeni ngumdlali obalaseleyo webhola ekhatywayo. Wayewalwela ngakumbi amalungelo abadlali bebhola ekhatywayo. Wayeqinisekisa ukuba xa begula okanye benzakele, bayayifumana imivuzo yabo.

Umhla: _____



Masibhale



Waziva njani uPele kumdlalo wakhe wokuqala edlalela ilizwe lakhe?

UPele wayekholelwa ekuzigcineni esempilweni. Ukwazi njani oku?

UPele waphindela esikolweni akuba etshatile. Ucinga ukuba oku kwaba lula okanye kwaba nzima kuye? Nika isizathu.

Ucinga ukuba kutheni uPele wayengumdlali wodumo webhola ekhatywayo?

Ngubani othethayo kumhlathi wokuqala?

Ucinga ukuba uPele wayezingca ngokudlalela iBrazil? Uyazi njani loo nto?

Abantwana bayakhasa phambi kokuba bahambe. Uthini uPele ngabantwana baseBrazil?

Kubuzwe imibuzo emithathu kumhlathi wesibini weli bali. Yibhale phantsi.

Wakugqiba bhala iimpendulo zale mibuzo mithathu.

Umbuzo woku-1	
Impendulo	
Umbuzo wesi-2	
Impendulo	
Umbuzo wesi-3	
Impendulo	



Masibhale

Tshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Krwela umgca odibanisa igama ngalinye elisekhohlo nentsingiselo yalo esekunene.

ezikisa	owaziwayo
odumileyo	ezibandakanya
enomdla	owokugqibela
owobuntshatsheli	enoloyiso
enempumelelo	ezinzisa

2

Okunye ngoPele





Masibhale

Qalani ngokuxoxa ngale mibuzo emaqeleni enu.
Emva koko bhalani iimpendulo.

Ngubani umlinganiswa ophambili kweli bali?

Kutheni ucinga ukuba ngumlinganiswa ophambili?

Ngamagama akho, bhala indawo elenzeka kuyo ibali.

Sebenzisa amagama akho ubhale ocinga ukuba luluvo oluphambili lweli bali.



Masibhale

Uza kubhala isishwankathelo sebali likaPele.

Sebenzisa isazobe sokucinga wenze isicwangciso sesishwankathelo sakho.

Kwibloko nganye bhala uluvo oluphambili okanye isivakalisi esiyintloko.

Sebenzisa ezinye zezi zimvo neenkcukacha ezikwiphepha elingaphambili njengezimvo zakho eziphambili.



umdlalo awayewuthanda

usapho lwakhe

apho wayehlala khona uPele

iqela awalisungulayo

ukuhamba isikolo

izizathu zempumelelo yakhe

imidlalo yeeOlimpiki

iqela lokuqala awalidlalelayo

Umhla:



- Yenza isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni isincoko sakho
- Bhala ilinge lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Phinda ubhale isincoko sakho ulungise iimpazamo
- Wakugqiba sibhale ngononophelo encwadini yakho







Masibhale

Xoxa ngesishwankathelo sakho neqela lakho.
Bhala isishwankathelo sakho.



INTSAYINO: Gama Umhla

3 UPortia uphengulula ibali lebhola ekhatywayo



Masifunde Funda olu phengululo lwencwadi ngebali elibhalwe ngumzala kaPele, uSam.

USam neBhola eKhatywayo

NguPortia Nchabeleng

Ekuqaleni kwebali uSam usendleleni eya kuhlangabeza umzala wakhe uPele ovela eBrazil. Esikolweni uPele akakwazi ukudlala ibhola yeqakamba, eyombhoxo okanye eyentenetya. Kanti akakuthandi nokufunda kakhulu. Unothando lomdlalo omnye kuphela: ibhola ekhatywayo! UPele ufundisa abahlobo bakhe bebanga lesine indlela yokudlala ibhola ekhatywayo. Funda le ncwadi ukuze ufumanise ukuba ngaba bangababetha na abebanga lesihlanu.

Ndiyayithanda le ncwadi kuba ndithanda ibhola ekhatywayo. Mihle imifanekiso kwaye imabala-bala kanti nabalinganiswa babonakala ngathi badlala ibhola ekhatywayo ngenene. Ndiyayithanda indlela abhale ngayo umbhali kuba uyenza ngathi iyaphila ibhola ekhatywayo.

Ndicinga ukuba abantu abathanda ibhola ekhatywayo kufuneka bayifunde le ncwadi njengoko ndicinga ukuba ibhalwe ngobuchule kwaye ibali liyachwayitisa.



Masibhale Phendula le mibuzo malunga nokuphengululwa kwencwadi.

Sithini isihloko sencwadi?

Ngubani obhale uphengululo lwencwadi?

Ithetha ngantoni incwadi?

Kutheni uPortia elithanda nje eli bali?

Ngaba ucinga ukuba abanye abantwana baza kulithanda? Xela isizathu.

Umhla:



Guqula izivakalisi ezikwixesha eladlulayo zibe kwixesha langoku, uze ubhale izivakalisi ezitsha.



Umzekelo

UPele wayehlala kwidolophana encinane eBrazil.

UPele uhlala kwidolophana encinane eBrazil.



Yintoni eyayisenza ukuba uPele ahlale enoloyiso?

Waqalisa iqela lakhe lebhola ekhatywayo.

Washiya isikolo ukuze adlale ibhola ekhatywayo.

Wanceda abadlali abaninzi bebhola ekhatywayo.

UPele wayengumdlali odumileyo webhola ekhatywayo.



4 Ukubhala uphengululo



Ezi zivakalisi azilandelelani kakuhle. Zibhale zilandelelane kakuhle uze uzifake iinombolo.



	Ndicinga ukuba abantwana abathanda ibhola ekhatywayo bafanele ukuyifunda le ncwadi.
	Funda le ncwadi ukuze ufumanise ukuba ngaba bangababetha na abebanga lesihlanu.
	Mnye umdlalo awuthandayo: yibhola ekhatywayo!
	Esikolweni uPele akakwazi ukudlala ibhola yeqakamba, eyombhoxo okanye eyentenetya.
	Ndiyayithanda le ncwadi kuba ndithanda ibhola ekhatywayo.
	Ndiyayithanda indlela abhale ngayo umbhali kuba uyenza iphile ibhola ekhatywayo.
	Ndicinga ukuba ibhalwe ngobuchule kwaye ibali liyachwayitisa.



Uza kubhala uphengululo lwebali likaPele. Okokuqala, yenza isicwangciso sophengululo lwakho. Sebenzisa esi sazobe sokucinga wenze isicwangciso sophengululo lwakho.

Umhla: _____



Masibhale

Bhala ke ngoku uphengululo lwakho.

Bhala izivakalisi ezine phantsi kwesihloko ngasinye.

Ibali limalunga

UPele ngumzekelo omhle kulutsha kuba

Ndilithandile/andilithandanga eli bali kuba

Lifunde/ungalifundi eli bali kuba

Zoba umfanekiso ubonise ukuba lingantoni ibali. Umfanekiso wakho wunike isihloko.



Masonwabe



5 Ukutshintsha kwendlela yokucinga



Masithethe Xoxa ngomfanekiso kwiq o.

Ucinga ukuba uphi umdla wenkwenkwe?
Ucinga ukuba iyathanda ukudlala imidlalo?
Ukwazi njani oko?
Ukuba ubungumhlobo wakhe, ubuza kumkhuth
ukuba enze ntoni? Xelela abahlobo bakho kwiqel



Masifunde Zange ndayithanda ibhola ekhatywayo. Asikuko nokuba bendingenamdla wayo koko zange ndiwuqonde lo mdlalo. Ungandibuzi torho! Nanga amaqela amabini ekhabela ibhola kwinethi enkulukazi. Kuphela imizuzu engama-90 besenza oku, kaloku ndingafunda incwadi emnandi ndiyigqibe!

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ndamdanisa kakhulu utata wam. Wada wandithengela ibhola ekhatywayo enegama likaPele ngosuku lwam lokuzalwa. Iyahlekisa Yayisongelwe ngephepha lezipho kukho nekhadi elalifundeka ngale abele usuku lokuzalwa kwakho Xolisa, siyakuthanda ivela kuMama noTata". Ndayibeka phaya etafileni yam yokufundela loo bhola, andalisusa nelo phepha lihle yayisongelwe ngalo – ndanela nje kukuyibuka.

Ngenye imini, umhlobo wam omtsha weza kundityelela. "Akufuni kuya kudlala phandle?" "Hayi!" Ndiphendule msinyane kangangoko bendinako. Wabhedulula amehlo akhe ethe ntshoo kuloo bhola yayiphezu kwetafile yam yokufundela. "Yekabani le nto?" wabuza echwayitile. "Yeyam", ndatsho. Wayibamba. Wasusa iphepha elaliyisongele waqakathisa ibhola kuyo yonke indawo. "Yiza, kaloku. Masiye kudlala phandle ngayo!" Ndanqwala nje ngentloko. Ndafane ndamlandela kuba iyibhola yam! Incwadi yam ndayishiya phezu kwebhedi.

Ndandingayazi nento endiza kufika ndiyenze ebaleni. Ndasuka ndema ndabukela umhlobo wam omtsha edlala ngebhola yam ngolonwabo. Wakhabela ibhola ngakum. Yayintsha le nto ndasuka ndaxakeka. Ndayithatha ibhola ndabaleka nayo. "Yikhabele ngakum!" wakhwaza ekwelinye icala lebala. Ndayibeka ngasezinyaweni zam ibhola ndayikhaba kakhulu kangangoko ndandinako. Yasuka yabetha intombazana eyayiphambi kwam. Iintloni endandinazo! Ngethamsanqa zange yenzakale!

Kwangoko, bangenelela abanye abantwana. Kungekudala wonke umntu wangena eqeleni elithile kumaqela amabini. Ndandingekayazi imithetho ngoko, kodwa ngokubukela abanye futhi ndibaleke kuba kubalekwa ukuze uqhube umdlalo, ndakhawuleza ndawufunda. Naxa ndingazange ndikore, oko kwakungenamsebenzi.

Okwandimangalisayo kukusuka ndiwathande la mava am matsha – nditsho nokubila oku kunye nodaka. Emva koko, ndayikhaba-khaba ibhola ndigoduka. UMama wakhe wangathi akakwazi nokuthetha kukumangaliswa. "Mnumzana, khulula ezo zihlangu. Andifuni daka apha kule ndlu yam!" Ndabaleka ukungena endlwini ndingcileza ukuya egumbini lokuhlambela.

Ukususela ngaloo mini ndakuthanda ukudlala ibhola ekhatywayo kanti ngamanye amaxesha ndiziqhelanisa nayo nasegumbini lam.

Umhla:









Masibhale Phendula le mibuzo.

Ucinga ukuba uXolisa wamdanisa ngantoni utata wakhe?

Ngaba le nkwenkwe yayiyithanda imidlalo? Xela isizathu.

Wayenomdla wantoni?

Bhala umhlathi ngamazwi akho uxele okwenzeka mhla watyelelwa ngumhlobo wakho omtsha.

Waziva njani umama wakhe xa efika ekhaya ngeenyawo ezinodaka?



Nika eli bali isihloko.



Masibhale Funda isicatshulwa esilandelayo esithathwe ebalini. Krwela umgca ngaphantsi kwazo zonke izibizo unike namahlelo azo.

Zange ndayithanda ibhola ekhatywayo. Asikuko nokuba bendingenamdla wayo koko zange ndiwuqonde lo mdlalo. Ungandibuzi torho! Nanga amaqela amabini ekhabela ibhola kwinethi enkulukazi. Kuphela imizuzu engama-90 besenza oku, kaloku ndingafunda incwadi emnandi ndiyigqibe!

Ndamdanisa kakhulu utata wam. Wada wandithengela ibhola ekhatywayo enegama likaPele ngosuku lwam lokuzalwa. Iyahlekisa xa uyijongile. Yayisongelwe ngephepha lezipho kukho nekhadi elalifundeka ngale ndlela "Ulonwabele usuku lokuzalwa kwakho Xolisa, siyakuthanda, ivela kuMama noTata". Ndayibeka phaya etafileni yam yokufundela loo bhola, andalisusa nephepha eyayisongelwe ngalo – ndanela nje kukuyibuka.

6 Ukubhala kuyaqhutywa



Masibhale Sebenzani ngokwamaqela.



- Yenza isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni isincoko sakho
- Bhala ilinge lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Phinda ubhale isincoko sakho ulungise iimpazamo
- Wakugqiba sibhale ngononophelo encwadini yakho



Isakhiwo sebali sisishwankathelo sento eyenzeka ebalini.

Sebenzisani esi sakhiwo sebali ukwenza isicwangciso sebali. Kukho intombazana nokuba yinkwenkwe evela kwindawo yabantu abasweleyo; yimbalasane yembaleki; nantso loo nkwenkwe okanye intombazana igqwesa kugqatso lwehlabathi emva koko ibe sisityebi kwaye idume.

Nika ibali lakho isihloko.

Bhala intshayelelo okanye isiqalo esenza ihlombe.

Yintoni isimo sentlalo? Ibali lenzeke phi kwaye nini?

Ngoobani abalinganiswa?

Ibali liphela njani?

Umhla: _____



Nazi ezinye izimaphambili namaceba azo.

IZIMAPHAMBILI

Kufakelwa izimaphambili kwingcambu yegama ukuze kwakhiwe elinye igama.



u (lu)	hambo
aba	sebenzi
imi	sebenzi

ili	zwe
isi	zwe
ubu	zwe

Ngoku bhala isimaphambili esichanekileyo ecaleni kwengcambu yegama ngalinye uze wakhe igama elichanekileyo. Amabinzana asecaleni aza kukukhokela.

	dlala	uza kudlala khona
	hlaba	unamagade ahlabayo
	thembeka	siyamthanda kuba uthembekile
	funda	ibalulekile kulutsha
	cinga	zam zezokuba masiye edolophini
	gorha	buxatyisiwe ngabantu



Nazi izimamva eziqhelekileyo.

IZIMAMVA

Ufakela izimamva ekupheleni kwengcambu yegama ukuze wakhe elinye igama.

yo | ile | azana | kazi | eka

Khetha isimamva esichanekileyo uze usifakele kula magama ukuze wakhe amagama amatsha.

bahamba _____ iyafunda _____ indlu _____

intombi _____ ababhala _____



Bhala izivakalisi ngokutsha. Fakela iikoma kwiindawo ezifanelekileyo.

Ikoma isetyenziselwa ukwahlukanisa izinto ezidwelisiweyo, ngaphandle kokuba igama elilandelayo sisihlanganisi njengo "kwaye".

Mna notata wam siyathanda ukuya kuloba intlanzi ukuqubha nokuya emidlalweni ngempelaveki.

Ndiyathanda ukubukela umabonakude ndifunde amabali kwaye ndipheke.

Akukho nto ingako yaziwa nguXolisa ngebhola yeqakamba ekhatywayo kunye neyombhoxo.

7 Umdlalo kaPele wokugqibela



Phinda ufunde izicatshulwa ezingoPele kwakhona, ukuze eqeleni lakho, nithethe ngokubaluleka kwemidlalo. Ngoku yenza intetho kwiqela lakho malunga nokuba **Kutheni ibalulekile nje imidlalo**.

Vavanya iintetho zabanye ngokusebenzisa itheyibhile engezantsi: u-5 uthi ilunge kakhulu; u-4 uthi ilungile aze u-3 athi ifuna ukuphuculwa.

	5	4	3
Umyalezo uphelele kwaye ucacile.			
Usebenzisa iinkcukacha ezivakalayo ezinika inkxaso.			
Uthetha ngokucacileyo kwaye uyabajonga abaphulaphuli.			
Uthetha ngelizwi lesiqhelo eliphezulu ukuze livakale.			
Uthetha ngokuchebeleza akaxinga-xingi okanye aka-e-ezi kaninzi.			
Kulula ukuwulandela umyalezo kwaye ugcina abaphulaphuli benomdla.			
Unesiqalo, isiqu nesiphelo eziyondeleleneyo.			
Usebenzisa amagama ahluka-hlukileyo atsala umdla.			
Izivakalisi zakhe zichanekile kwaye kulula ukuziqonda.			



Kuthiwa zonke izinto ezilungileyo mazifikelele esiphelweni kwaye oko kwaba yinyaniso ngowe-1977 mhla kwafikelela esiphelweni ikhondo lomdlali webhola ekhatywayo wodumo olukhulu wehlabathi. Kwakumhla uPele umdlali wasezimbalini waseBrazil wayedlala kukhuphiswano lwakhe lokugqibela kwiSitediyam saseGiants eNew York.



UMongameli waseMelika, uJimmy Carter, wenza intetho ngoPele kwaza kwangenelela noMuhammad Ali, owathi, “Andiqinisekanga ukuba ungumdlali onobuchule, kodwa ngokuqinisekileyo ndimhle kunaye.” Ethubeni uAli uvumile wathi “ngoku kukho amadoda amabini kwezemidlalo angawona adumileyo”, enika ubungqina bokuba yena noPele baziintshatsheli zeplanethi ezigqwesileyo kwezemidlalo.

UPele wafaka inqaku lakhe yokugqibela ekude kangangeeyadi ezingamashumi amathathu xa wayenikwe ithuba lokukora, izihlwele zimemeza, “UPele nguKumkani!” Ngexesha lekhefu emva kwesiqingatha sokuqala ihempe kaPele enenombolo yeshumi yayithatha umhlala-phantsi wathi uphela umdlalo zabe zisiwa ngokuwa iintetho kanti iflegi yayijiwuziswa phezulu ukuze kuqukunjelwe ubuyokoyoko nemibhiyozo yosuku.

Okwakungaginyeki kakuhle zizandyondyo zemvula eyagalela ngamandla ekupheleni komdlalo, kodwa amaphephandaba aseBrazil ayesithi kwakungenxa yokuba “nesibhakabhaka sasilila.”

Umhla:

IZIFANOKUTHI

Izifanokuthi ngamagama athetha into enye okanye ephantse yafana kakhulu.



Kwakutheni ukuze unyaka we-1977 ube ngunyaka owodwa kuPele?

UMuhammad Ali wayeyimbethi-manqindi. Ucinga ukuba kutheni wayezibona “emhle”?

UAli wathi yena noPele babengamadoda amabini adume kakhulu kwezemidlalo kwiplanethi. Yeyiphi le planethi wayethetha ngayo?

“Izibhakabhaka zazililiswa” yintoni?



Khetha igama eliphantse lathetha into enye namagama abhalwe ngqindilili. Libhale ecaleni kwesivakalisi esichanekileyo.

okwakungathandeki | yayisina | itheko | yaphumla | ekuggibeleni

Kuthiwa zonke izinto ezilungileyo mazifikelele **esiphelweni**.

Ihempe kaPele enenombolo yeshumi **yayithatha umhlala-phantsi**

Wathi uphela umdlalo zabe zisiwa ngokuwa iintetho kanti iflegi yayijiwuziswa phezulu ukuze kuqukunjelwe **ubuyokoyoko nemibhiyozo** yosuku

Yayidyudyuza.

Okwakungaginyeki kakuhle kukuba …

8 Masikhumbule konke



Masonwabe

Masenze umdlalo

Dibanani ngokwamaqela enu. Yenzani umdlalo ngoPele. Yibani nabalinganiswa abane obona buncinane emdlalweni wenu.

Emva kokuba niziqhelisile umdlalo wenu, wuboniseni iklasi yenu.



Masibhale

Bhala ke ngoku uphengululo lomdlalo. Sebenzisa esi sishwankathelo ubhale uphengululo lwakho.



- Yenza isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni isincoko sakho
- Bhala ilinge lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Phinda ubhale isincoko sakho ulungise iimpazamo
- Wakugqiba sibhale ngononophelo encwadini yakho

Ungantoni umdlalo:

Abadlali: Ngaba bebekholeleka njengabantu? Ngaba bebethetha ngokucacileyo bevakala ngokwaneleyo? Ngaba izangotshe nentshukumo yabo yomzimba ibinxulumene nomlinganiswa? Ngubani obebalasele kakhulu kwaye kutheni?

Ulwimi: Ngaba ibali belicacile? Nikuqondile obekuthethwa ngabalinganiswa? Ngaba ulwimi belusetyenziswa ngendlela enomdla? Ngaba ubuthanda ukubamamela abadlali?

Kutheni ufanele/ungafanelanga kuwubona lo mdlalo:

Umhla:



Masibhale

Fakela izingxi, oonobumba abakhulu, iikoma, iimpawu zemibuzo neempawu zocaphulo.

Sebenzisa iimpawu zocaphulo phambi nasemva kwawona mazwi esithethi okanye ombhali.

Imizekelo: Utitshala wathi, "Uwenzile umsebenzi wakho wasekhaya?" "Ndiyayazi impendulo," watsho.

xa ndidlala ibhola ekhatywayo ndiziva ndingenakoyiswa kwaye ingqondo yam icinga kakuhle ndiyonwaba kuhambe zonke iinkxalabo ebendinazo kanti ndiyakuthanda nokubhala kuba ngenxa yengqikelelo ndifikelwa ziimvakalelo ezahluka-hlukileyo ndize ndibhale xa zifika kanti izinto endizibhalayo zikholisa ukuba nzima ukuzithetha ebantwini ngoko ke ndibhala amabali ngazo ndiyathemba ukuba ngenye imini ndiza kubonwa ndingumdlali okanye ndifunda ngovuyo elinye lamabali am ndithanda ukuxelela umama ukuba ndikuthanda kakhulu endikwenzayo



Masibhale

Bhala uludwe lwezinto ozenza yonke imihla. Sebenzisa ixesha langoku. *Imizekelo:* Ndiyavuka. Ndiya esikolweni.

Usebenzisa ixesha langoku xa ufuna ukuthetha ngento oyenza rhoqo. “Ndikholisa ukuhamba ngebhasi.” Kwakhona uyalisebenzisa xa uthetha ngezinto ezaziwa ziziinyaniso ngokubanzi.

Bhala ngento oyenzileyo xa ubusenza umdlalo wakho. Bhala izivakalisi zakho kwixesha eladlulayo.

Imizekelo: Ndiziqhelanise nemigca. Ndithethe kakhulu nangokucacileyo.



9 Umvundla wohlobo olulodwa



Masithethe

Jonga imifanekiso.

Jonga umfanekiso osekhohlo. Ubona ntoni? Jonga umfanekiso osekunene. Ubona ntoni? Ngaba yahlukile imifanekiso? Yintoni umahluko?





Masifunde

Imivundla yomlambo ifunyanwa kuphela eMzantsi Afrika, kummandla weKaroo. Ngelishwa iphantse yaba zizilwanyana ezincancisayo esezinqabile. Isengozini yokunyamalala unaphakade.

Imivundla yomlambo iphila ngasemilanjeni kwiKaroo. Umhlaba apho uyayivumela ukuba yembe imingxuma. Imivundla yomlambo ifuna imingxuma apho ikhulisela iintsana zayo khona, ezo ntsana zizalwa zincinane kakhulu – ziba nkudlwana nje kancinane kunebhokisi yematshisi. Iintsana zazo kuthiwa ziikatana.

Abanye abalimi banamasimi asecaleni kwemilambo. Ngoko ke amatyholo nemithana emifutshane efunwa yimivundla yomlambo itshatyalalisiwe. Sezimbalwa kakhulu iindawo enokuhlala kuzo le mivundla yomlambo ukuze ikhulise amantshontsho ayo.

Umbutho i-South African Wildlife Society uyazama ukuyilondoloza imivundla yomlambo. Abanye abalimi baseKaroo bavumile ukukhusela le mivundla kwiifama zabo. Kanti ikhona nenkqubo yokuyikhulisa kwiZiko Londolozo lweNdalo i-De Wildt. Kulapho imivundla ikhuliswa khona phantsi kokhuseleko. Injongo yeli ziko kukubuyisela le mivundla kwiKaroo, kwindawo yayo kakade.



Umhla:



Masiqonde

Phinda ufunde umhlathi omalunga nomvundla womlambo.



Esi sicatshulwa sisinika ulwazi. Loluphi ulwazi esilufumana kuso?

Ngaba imivundla yomlambo ifana nemivundla eqhelekileyo?

Ucinga ukuba kutheni kusithiwa yimivundla yomlambo?

Ngaba umvundla womlambo usengozini? Xela isizathu.

Ucinga ukuba singenza ntoni ukuze silondoloze umvundla womlambo? Bhala izivakalisi ezibini.



Ufumaneka phi umvundla womlambo?

Azalwa emakhulu kangakanani amantshontsho?

Kutheni imbalwa kangaka imivundla yomlambo eseleyo? Bhala izivakalisi zibe zibini.

Benza ntoni abalimi ukuzama ukulondoloza umvundla womlambo? Bhala izinto ezimbini.



Inkqubo yokukhulisa inethemba lokuphumeza eyiphi injongo?

10 Okunye ngomvundla womlambo



Biyela isivakalisi esiyintloko somhlathi ngamnye ngesangqa esizuba; krwela umgca ngaphantsi kwezivakalisi ezinika inkxaso ngombala obomvu.

Isivakalisi esiyintloko sishwankathela uluvo oluphambili kumhlathi ngamnye.

Imivundla yomlambo ifumaneka eMzantsi Afrika kuphela, kwiKaroo. Ngelishwa zizilwanyana zethu **ezincancisayo ezizezona zisemngciphekweni**. Zisengozini **yokunyamalala** unaphakade. Imivundla yomlambo iphila ngasemilanjeni eKaroo. Umhlaba walapho uyayivumela ukuba yembe imingxuma. Imivundla yomlambo ifuna **imingxuma** ukuze ikhulise amantshontsho ayo, la mantshontsho azalwa emancinane – makhudlwana nje kancinane kunebhokisi yematshisi. La mantshontsho kuthiwa ziikatana.

Abanye abalimi bayilimile imihlaba ekufuphi nemilambo. Ngoko ke amatyholwana nemithana efunwa yimivundla yomlambo yatshatyalaliswa. Ziba mbalwa ngokuba mbalwa iindawo ezinokuhlala kuyo le mivundla ukuze ikwazi ukukhulisa amantshontsho ayo.

Umbutho i-South African Wildlife Society uyazama ukuyilondoloza imivundla yomlambo. Abanye abalimi baseKaroo bavumile ukukhusela le mivundla kwiifama zabo. Kanti ikhona nenkqubo yokuyikhulisa kwiZiko Londolozo lweNdalo iDe Wildt. Kulapho imivundla ikhuliswa phantsi kokhuseleko khona. Injongo yeli ziko kukubuyisela le mivundla kwiKaroo, kwindawo yayo.



Izivakalisi ezisixhenxe ezingezantsi zimalunga nomvundla womlambo. Ezihlanu kuzo zimalunga nesi sihloko kodwa ezibini izivakalisi ziphume ecaleni kuba zithetha ngenye into. Zeziphi izivakalisi eziphume ecaleni? Krwela umgca ngezantsi kwazo.

Imivundla yomlambo ihlala ngasezintseleni zemilambo eKaroo.

Umhlaba okwiKaroo ukulungele ukwembiwa kwemingxuma.

Itya izityalo ezikhula ngasemlanjeni.

Intshontsho lilingana nebhokisi yematshisi.

Isengozini yokunyamalala.

Abalimi balima ngasemilanjeni baze batshabalalise imingxuma yayo.

Ezi katana zincinane kakhulu.



Umhla: _____

Ngoku gqibezela esi sazobe sokucinga esimalunga nomvundla womlambo.

Umvundla womlambo

Ukutya

Iimpawu (ikhangeleka njani kwaye ithanda ntoni)

Indawo yokuhlala (indawo efunyanwa kuyo)



Masibhale

Sebenzisa izivakalisi eziziintloko ozibiyele ngesangqa kwisicatshulwa sokuqala ukuze ubhale isishwankathelo ngokuthethwa zizo malunga nomvundla womlambo.



Iingcebiso ngokubhalwa kwesishwankathelo:

Funda isicatshulwa ngokukhawulezisa ukuze ufumanise izimvo eziphambili (ungafundi ngocoselelo). Qiniseka ukuba uzifumene zonke iingcinga eziphambili. (uhluzile). Krwela umgca ngaphantsi kwamagama abalulekileyo. Bhala amagama abalulekileyo. La magama wasebenzise ekwakheni izivakalisi ezilula. Dibanisa izivakalisi ezilula ngokusebenzisa izihlanganisi. Thelekisa nesakuqala.

11 Amanani abalisa ibali elilusizi



Masifunde

Jonga igrafu. Funda amanani angasekhohlo, nemihla engasezantsi.





Masiqonde

Fumanisa ukuba igrafu isixelela ntoni. Emva koko phendula imibuzo.

Igrafu ibonisa ntoni?

Ibimingaphi imivundla yomlambo ngowe-1995?

Inani elilelona liphantsi lemivundla yomlambo belingowuphi unyaka?

Ngaba inani lemivundla yomlambo liye lakhula phakathi konyaka wama-2005 nowama-2010? Kutheni?

Imivundla iludidi lwezilwanyana ezisengozini. Kuthetha ukuthini oku?

Khetha impendulo ibe nye kwezi zintathu zingezantsi.

1. Zisengozini yokunyamalala unaphakade.

2. Isiwe kwenye indawo yaseMzantsi Afrika.

3. Isiwe kwiifama ezingaphandle kweKaroo.



Umhla: _____

AMAGAMA MATSHA



Masibhale

Kumqolo ngamnye, tshatisa igama lokuqala, elibhalwe ngqindilili, nentsingiselo yalo ekuludwe. Amanye amagama akuludwe athetha into ephantse yafana namanye. Khetha elona gama lifanelekileyo.

Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

shwaka	imke	umngcipheko	ihambe	nyamalala
umvundla	entseleni	enyeleni	izilwanyana	unogwaja
iyaphela	iyancipha	iyacutheka	iyanda	iyafana
abalimi	amafama	amaxoxo	amasele	iyakhula
itshabalale	iyoyika	ukukhathazeka	yonakalisiwe	isuswe



Masibhale

Hlanganisa isibini ngasinye sezivakalisi wenze isivakalisi esinye. Sebenzisa amanye ala magama uhlanganise ngawo:

xa

ukuba

kuba

kodwa

kwaye

ngenxa yoko/ngoko ke



Umzekelo:

Imivundla yomlambo isengozini yokuphela.

Umbutho wobomi basendle uzama ukuyisindisa.

Imivundla yomlambo isengozini yokuphela ngenxa yoko umbutho wobomi basendle uzama ukuyisindisa.



Imivundla yomlambo ifuna ukwenza imingxuma ecaleni kwemilambo. Abalimi balima umhlaba ongasemilanjeni.

Kukho inkqubo yokukhulisa. Bayikhulisa ngempumelelo imivundla.



Banethemba lokuyibuyisela emilanjeni imivundla. Imivundla ikulungele oko.

Imivundla ayisayi kuba sengozini. Inkqubo inempumelelo.

12 Sifunda ngemivundla



Bhala ezi zivakalisi ngolandelelwano oluchanekileyo ukuze umhlathi wakho uvakale kwaye ucace.

Masibhale

Emva kokufunda le ncwadi, abafundi abazi kukwazi kuphela indlela ephila ngayo imivundla, kodwa baya kusazi nesizathu sokwenza njalo.

Iyashiyana ngokobukhulu kwaye inemibala nezikhumba ezahlukileyo.

Le ncwadi yolwazi ifundisa abafundi indlela yokukhathalela imivundla yabo, nokuba loluphi uhlobo.

Zingaphaya kwamashumi amane iindidi ezahlukeneyo zemivundla ehlabathini.

Kukho iingcebiso ezingokuyondla imihla ngemihla, ngokunjalo nolwazi ngokuyicoca nangokwenza imithambo.





Bhala isivakalisi esiyintloko somhlathi wakho.

Umhla:



Masibhale

Sebenzisa izihlanganisi udibanise izivakalisi ezingezantsi uze ubhale umhlathi ocacileyo.

okokuqala

okulandelayo

ekuqqibeleni

wakuqqiba

emva koko



Indlela yokucoca indlwana yomvundla

Khupha umvundla wakho endlwaneni. Wufake ehokweni okanye ebhokisini yamaplanga.

Butha zonke iinkcwela ezingcolileyo uzifake engxoweni yenkunkuma. Hlamba ukhucule konke ukungcola neentsholongwane emgangathweni wendlwana. Yomisa umgangatho ngetawuli endala. Beka iinkcwela ezintsha ezicocekileyo. Qiniseka ukuba kukho amanzi nokutya okucocekileyo.



Masibhale

Bhala umhlathi ngokuncipha kwemivundla yomlambo phakathi konyaka we-1995 nowama-2010. Umhlathi wakho mawungabi mde kunemigca esibhozo. Igrafu ekwiphepha lokusebenzela le-11 ineenkcukacha eziza kukunceda xa ubhala umhlathi wakho.



13 Imivundla yasendle nelulamileyo





Phambi kokuba ufunde

- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Kukho imivundla yasendle nemivundla elulamileyo. Imivundla elulamileyo izolile kwaye izizilo-maqabane ezinothando. Imivundla yasendle iphila kuwo onke amazwekazi ngaphandle kwe-Antartica. Yonke imivundla elulamileyo iyinzala yemivundla yaseYurophu, ekwabizwa ngokuba yimivundla eqhelekileyo.

Eminye imivundla mikhulu kanti eminye mincinane. Eminye imivundla ineentloko ezincinane ezitsolo kanti eminye ineentloko ezinkulu ezimcaba. Imivundla eyahlukeneyo inemibala yoboya eyahlukileyo: imivundla yasendle inoboya obuntsundu kodwa imivundla yasekhaya inoboya obufutshane obukhe bube mhlophe, mnyama okanye ngwevu. Uboya buyigcina ifudumele.



Imivundla inemilenze eyomeleleyo yangasemva eyisebenzisela ukungcileza. Iyakwazi ukubaleka kangangeekhilomitha ezingama-23 ngeyure, kanti eminye iyakwazi ukuxhumela phezulu ngaphezu kweemitha ezi-5.

Umvundla uxhomekeka kubukhali beendlebe zawo obufezekileyo ukuze uve naziphi izandi nokuba zivela kweliphi icala. Amehlo omvundla asemacaleni entloko yayo. Ngenxa yoku, ubona emacaleni, phambili nasemva. Imivundla iyabona nasebumnyameni. Umvundla uneempumlo ezibukhali, ngokunjalo.

Imivundla itya izityalo ezinamagqabi. Amazinyo ayo angaphambili awayeki ukukhula, kanti ukuluma nokuhlafuna kuyanceda ekunqandeni la mazinyo ekubeni abe made kakhulu. Ngeenyanga zasebusika, itya amaxolo emithi, iintsasa neziqhamo ezidala zamatyholo nemithi.

Imivundla zizilwanyana zasebusuku. Kwinkoliso yobusuku ziyatya zidlale ukususela ukutshona kwelanga kude kube sekuseni. Emini iyaphumla kwaye ilale.

Umvundla osisilo-qabane ophethwe kakuhle unako ukuphila iminyaka esibhozo ukuya kwelishumi elinesibini. Umvundla ohlala endle uphila malunga neminyaka emihlanu.

Umvundla oliduna ubizwa ngokuba yinkunzi ukuze olikhomokazi kuthiwe yimazi kanti amantshontsho ayo kuthiwa ziikati. Amantshontsho azalwa ecimele kwaye engenaboya.

Ukuze agcine amantshontsho akhe efudumele, umama uwagquma ngengca nangeentwana zoboya bakhe kwindlwane ayigrumbela emhlabeni. Xa seleneveki ubudala, amantshontsho avula amehlo akhule noboya obuthambileyo. Xa selegqibe iiveki ezimbini, ayaphuma endlwaneni amantshontsho. Unina uwagcina kuphela kwiiveki ezimbalwa zokuqala kobomi bawo. Emva koko aqala azifunele ukutya ngokwawo. Xa eneenyanga ezimalunga nezintandathu ubudala aqalisa ukukhulisa awawo amantshontsho.

Umhla:



AMAGAMA MATSHA



Masibhale

Simalunga nantoni esi sicatshulwa?

Nika esi sicatshulwa isihloko.

Kwitheyibhile engezantsi bhala iiyantlukwano ezintlanu phakathi kwemivundla elulamileyo neyasendle.

Imivundla elulamileyo	Imivundla yasendle

Bhala iinyaniso ezintlanu ezikwesi sicatshulwa.

Gqibezela ezi zivakalisi ngokusebenzisa uhlobo lokukhankanya lwesenzi esinikwe kwizibiyeli.

Uyafuna _____ (coca) nam indlwana yemivundla?

Ungakungxameli _____ (hamba) – alikakushiyi ixesha.

Ungalibali _____ (thatha) ifula nesitroyi esicocekileyo sokulungiselela umvundla wakho.

Ndifuna ukuya _____ (bona) imivundla yomhlobo wam ngeCawa.

Umvundla ukwazi (phila) _____ ixesha elingakanani?

Zonke izenzi zinohlobo lokukhankanya. “Ukubona”, “ukuthetha” “ukuxhentsa” yimizekelo yezenzi ezikuhlobo lokukhankanya. Olu hlobo lwesenzi alunalo ixesha. Ngokunjalo alubinayo nentloko yesivakalisi. Ngamanye amazwi, akunakuthi “Ndikubona imoto”, endaweni yokuthi “Ndibona imoto”.

14 Masiqwalasele imivundla elulamileyo neyasendle



Masibhale Jonga isicatshulwa esimalunga nemivundla elulamileyo kunye neyasendle.

Bhala umhlathi uchaze indlela umvundla wasendle ogcina ngayo amantshontsho awo.





Masibhale Phinda ubhale izivakalisi ezingezantsi ngokusebenzisa isenzi esichanekileyo.

Kukho/Bakho imivundla yomlambo emininzi eKaroo.

Amantshontsho emivundla yomlambo azalwa/izalwa minyaka le.

Abalimi balima/ulima amasimi ngasemilanjeni.

Bawasusile/Bayisusile amatyholo ngasemilanjeni.





Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwezenzi ezikuhlobo lokukhankanya kwezi zivakalisi.



Ndinqwenela ukufuya umvundla njengesilo-qabane sam.

Nangona ndiyithanda nje imivundla, ndifuna ukugcina imali phambi kokuba ndiwuthenge.

Kunzima kum ukubeka imali kuba ndithanda impahla entle.

Ndiyoyika ukuya ezivenkileni kuba ndiyazi ukuba ndiza kuyichitha yonke imali yam.

Ukuba ndifuna ukugcina imali yam ukuze ndithenge umvundla, ndinyanzelekile ukuba ndizinqande ekuthengeni.

Umama wam uthe mandimgcinise imali yam kodwa ndimxelele ukuba kufuneka ndifunde ukuzigcinela ngokwam imali yam.





Masibhale

Phinda ufunde umhlathi othi *lintlobo ezahlukileyo zemivundla*. Wakugqiba bhala isishwankathelo sesicatshulwa

Qiniseka ukuba wenza okulandelayo:

• Shwankathela isicatshulwa sakuqala sibe side kangangesinye esithathwini.	• Khankanya izimvo eziphambili kuphela.
• Dibanisa iinkcazo ezingqalileyo ukuze wakhe iinkcazo ezingangqalanga.	• Guqula iintetho ezithe ngqo zibe ziingxelo-ntetho.

Ukujonga izafobe zokuthetha



Masifunde Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo.

Ifike inkulu, inyinyitheka, igxanya. Izixhome phezulu kangangobude beenyawo ezingamashumi amathathu ngaphezu komthi okwesigebenga, igobela iinzipho zayo kufutshane nesifuba sayo esinyinyithekayo. Umlenze ngamnye ongezantsi wawunjengentsimbi eyipistini, ubunzima obungangeeponti eziliwaka bethambo elimhlophe, buzinze ezintanjeni ezityebileyo zezihlunu, ngathi zizikrweqe zejoni. Ithanga ngalinye laliyitoni yenyama, uphondo lwendlovu nesinyithi esicoliweyo, kanti kwelo gobhogobho likhulu lokuphefumla lomzimba wangasentla kwakujinga ngaphambili iingalo ezimbini ezi-ethe-ethe, iingalo ezinezandla ezinokuphakamisa amadoda ziwahlole njengezinto zokudlalisa.

NguRay Bradbury



Masibhale

Ucinga ukuba sesiphi esi sidalwa?

Leliphi igama elikuxelela ukuba sasisikhulu?

Umbhali uyifanisa nantoni imilenze yaso?

Sesiphi isafobe asisebenzisa xa esenza olu thelekiso?

Umbhali uthi ithanga ngalinye laliyitoni yenyama. Sesiphi esi safobe?



Masibhale Tshatisa izaci ezingasekhohlo neentsingiselo zazo ezingasekunene.



Isaci
ukuba sisidlakudla
ukuba lilulwane
umtshotsho wamasele
ukuba nentaka

Intsingiselo
into engenasidima
ukunkwantya
ukutya kakhulu
ukungabi nacala





Umhla:

Usebenzisa isimntwiso ukunika into engengomntu iimpawu zomntu ezifana nokuva, ukuvakalelwa okanye ukuthetha. Ababhali basebenzisa isimntwiso ukwenza into ukuba icace gca.

Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwesaci kwisivakalisi ngasinye esingezantsi. Emva koko xela ukuba iseso sithetha ukuthini.

Watsho kwakanye ngenduku entloko, yatsho yawa isiqaqa loo ndoda.

Uloliwe wayehamba okonwabu ukuya kufika eQonce.

Ema emqaleni kudadewethu omncinane.

Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwento engengomntu uze ubiyele ngesangqa uphawu lomntu kwezi zivakalisi.



INtaba yeTafile yambethe ikhephu kulo nyaka eKapa.

Le moto iyakhohlela endaweni yokuhamba.

Ndaphathwa luloyiko ndakuva izingqi emva kwam.

Lacimela ilanga lehlobo ngaloo mini bamangaliswa abantu.

Kumnandi ukuvuka kusasa uculelwa yimilonji phandle.

Uyakholisa ukucula umoya kwiindawo ezingaselunxwemeni.

Masibhale

Tshatisa amaqhalo neentsingiselo zawo.

Krwela umgca odibanisa iqhalo nentsingiselo yalo.

Iqhalo
Ingcibi yamanzi ifa ngamanzi.
Akukho ndlela ingayi khaya.
Ungayiphath'inyoka emsileni.

Intsingiselo
Zininzi iindlela zokwenza into enye.
Musa ukuqhwaya inkathazo.
Umntu ufela kuloo nto alikroti kuyo.

Ukubhala kuyaqhutywa



Masibhale

Uza kubhala isincoko ngesilwanyana, kodwa kuqala kufuneka wenze isicwangciso sesincoko. Isincoko sakho masibe nemihlathi emine ngobude.

Cinga uxoxe ngesincoko sakho. Bhala amanqaku amaninzi kangangoko ucinga.



- Yenza isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni isincoko sakho
- Bhala ilinge lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Phinda ubhale isincoko sakho ulungise iimpazamo
- Wakugqiba sibhale ngononophelo encwadini yakho



Umhla:



Bhala isincoko sakho.

- Kumhlathi wakho wokuqala xela ukuba isilwanyana sihlala phi nokuba ngaba siphila sodwa na okanye eqeleni.
- Kumhlathi wakho wesibini chaza isilwanyana sakho: sikhulu kangakanani, kwaye sikhangeleka njani.
- Kumhlathi wakho wesithathu chaza indlela esinxibelelana ngayo isilwanyana sakho: senza eziphi izandi.
- Okokugqibela, xela ukuba siphila ithuba elide kangakanani isilwanyana sakho uxele nokuba ngaba sisengozini yokuphela na okanye akunjalo.

Zihlole



Ndiyakwazi		
Ukufunda isicatshulwa		
ukuphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa		
ukutshatisa amagama neentsingiselo zawo		
ukwenza isicwangciso nokubhala isishwankathelo		
ukugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa izenzi zexesha eladlulayo		
ukuguqula izivakalisi ezikwixesha eladlulayo zibe kwelangoku		
ukulandelelanisa izivakalisi		
ukwenza isazobe sokucinga		
ukubhala uphengululo		
ukuzoba incwadi		
ukuthetha ngomfanekiso		
ukubhala umhlathi		
ukuchaza izibizo ngokwamahlelo azo		
ukusebenzisa izimaphambili nezimamva ukwakha amagama amatsha		
ukufaka iziphumlisi kwisicatshulwa		
ukwenza intetho		
ukubhala nokubonisa umdlalo		
ukubhala uludwe		
ukuthetha ngemifanekiso		
ukuchaza isivakalisi esiyintloko nezivakalisi ezixhasayo		
ukufunda igrafu		
ukuchaza izifanokuthi		
ukusebenzisa izihlanganisi		
ukudwelisa iiyantlukwano		
ukuchaza iinyaniso		
ukusebenzisa isinye nesininzi		
ukuchaza nokusebenzisa izikhankanyi		
ukuqonda nokusebenzisa izikweko nesimntwiso		
ukusebenzisa izaci		
ukutshatisa amaqhalo neentsingiselo zawo		
ukwenza isicwangciso nokubhala isincoko		

Umhla:

Izi qulatho

Umxholo 2: Amanqaku Amaphepha-ndaba



Amabhinqa asezindabeni
Ikota yoku-1: liveki 5 - 6

17 UNothembi – imvumi enomahluko 36

Funda inqaku lephepha-ndaba elingoNothembi.
Uphendula imibuzo malunga nenqaku lephepha-ndaba.
Chaza intsingiselo yamagama.
Bhala izivakalisi usebenzise ixesha eladlulayo.
Gqibezela izivakalisi ngokusebenzisa izalathandawo.

18 Okunye ngoNothembi 38

Usebenzisa izihlanganisi agqibezele izivakalisi aze akhe ezakhe izivakalisi.
Ubhala izivakalisi ezikwimo echazayo.
Uthetha ngomfanekiso.
Ubhala amagama akwixesha eladlulayo nelangoku.



19 Ezinye iindaba malunga noNothembi 40

Ufunda ezinye iinkcukacha ezongeziweyo ngoNothembi.
Uphendula imibuzo malunga nakufundileyo.
Unika ezakhe izimvo.
Ukhangela izichasi kwisicatshulwa.
Ubhala izivakalisi ezikwixesha elizayo.

20 Iindaba malunga noNothembi 42

Chaza isihloko, umbhali, amanqaku aphambili nezithethi.
Uchaza umfanekiso nesihloko senqaku.
Ubhala inqaku.
Uzoba umfanekiso aze abhale isihloko sawo.

21 Ubhabha emoyeni 44

Usebenza neqela.
Uthetha ngomfanekiso.
Ufunda inqaku elimalunga nethamba.
Uphendula imibuzo malunga neli nqaku.
Uxoxa ngesihloko senqaku.
Uchaza uhlobo lwembalo.

22 Okunye ngoEdith 46

Ubhala umhlathi malunga noEdith Moetsi.
Utshatisa isihloko nomdlalo.
Ubhala izivakalisi ezingundoqo kwinqaku.
Uchaza izenzi kwizihloko.
Ubhala izihloko ngokutsha esebenzisa izenzi ezikwixesha eladlulayo.

23 Lithuba lakho lokuba yintatheli 48

Uthetha ngeentlobo zamanqaku ezahlukeneyo ezivela kwiphephandaba lasekuhlaleni.
Ufunda inqaku elingoEdith.
Uphendula imibuzo emalunga nenqaku.
Uchonga isivakalisi esingundoqo.
Ucacisa intsingiselo yesihloko.
Usebenzisa amagama abuzayo.

24 Ukubhala 50

Wenza isicwangciso senqaku esebenzisa isazobe sokucinga.
Uyaxoxa aze abhale inqaku aqinisekise ukuba linesihloko, intshayelelo kunye nomhlathi oqukumbelayo, intetho-ngqo, umfanekiso kunye nesihloko sawo.
Jika iingxelo zibe yimibuzo.
Ugqibezela izivakalisi esebenzisa izalathisi.
Ugqibezela izivakalisi esebenzisa izimelabizo zoquko: abanye, abekho, bonke, omnye, akukho mntu.

Iintsomi namabali
Ikota yoku-1: liveki 7 - 8

25 *Imbovane nehobe* 52

Uxoxa ngeempawu zentsomi.
Ufunda intsomi.
Uphendula imibuzo emalunga nentsomi.
Uchaza umahluko phakathi kwebali lokwenyani nentsomi.
Unika uluvo.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.

26 Sicinga ngembovane nehobe 54

Ubhala izivakalisi ezithathu ezikwimo echazayo.
Ugqibezela izivakalisi.
Uyachaza aze agqibezele iimpawu zentsomi: Isihloko, indawo, abadlali, imbambano, isisombululo kunye nemfundiso.
Utshatisa izilwanyana neempawu zazo.
Uchaza iimfundiso zentsomi ezinokubakho.

27 Imbovane esebenzayo 56

Usebenza neqela.
Uxoxa ngemibuzo malunga nembovane.
Ufunda ngeembovane.
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Usebenzisa izimelabizo kwizivakalisi.
Ubhala izivakalisi ezineziphawuli, izibaluli kunye nezihlomelo.

28 Ukuhlela intsomi 58

Ubhala inkcazo esebenzisa iimpawu zezilwanyana.
Uyaxoxa aze abhale phantsi ukubaluleka kokunika iingcebiso.
Uhlanganisa izivakalisi ngezihlanganisi: kunye, kodwa, kuba.
Uhlela ulwazi ukuze akhe umhlathi ovakalayo.

29 *Ingonyama neMpuku* 60

Uxoxa imibuzo eqeleni.
Ufunda intsomi ethi *INgonyama neMpuku.*
Uphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa.
Uxoxa ngeentsingiselo zamaqhalo.

30 Sicinga ngengonyama nempuku 62

Udibanisa izivakalisi.
Ufunda isicatshulwa ngokukhawuleza.
Wenza isicwangciso sentsomi esebenzisa itshathi.

31 UMegan uphengulula intsomi 64

Ufunda uphengululo lwentsomi ethi *INgonyama neMpuku*.
Uphendula imibuzo esekelwe kuphengululo.
Uzoba umfanekiso ohambelana nophengululo.
Usebenza ngamaqhalo.
Ukhetha izibizo ezikwisinye okanye kwisininzi.

32 Intsomi yokuphetha zonke iintsomi 66

Ubhala ulwazi kwingxelo-ntetho.
Ubhala intsomi emalunga nempuku eyanceda ingonyama esebenzisa izihloko.



17 Nothembi – imvumi enomahluko



Masithethe

Yiza nephepha-ndaba esikolweni. Akho amaphepha-ndaba asekuhlaleni angahlawulewayo. Qinisekisa ukuba inqaku oza nalo limalunga nento ekunika umdla.

Funda inqaku uze uxoxe ngeempendulo zale mibuzo neqela lakho.

- Sithini isihloko seli nqaku?
- Mangaphi amagama akwesi sihloko?
- Ngubani obhale eli nqaku?
- Lithetha ngabani eli nqaku?
- Kwenzeke ntoni?
- Yenzeke nini?
- Yenzeke phi?
- Yintoni enye oyixelelweyo?

- Ingaba inqaku lakho linazo iintetho ezicatshuliweyo? Ukuba zikhona, kuthiwani? Ngubani obethetha?
- Ingaba ezi ntetho zidibana njani nesiganeko?
- Ingaba inqaku lakho linawo umfanekiso? Ngumfanekiso obonisa ntoni? Chaza okubonayo.
- Uthini umbalo osecaleni komfanekiso



Masifunde

Funda isiqendu sokuqala seli nqaku uze uphendule le mibuzo.

Uyaya odlala isigingci



Umlonjikazi wesiNtu womculo wesiNdebele

Ndakhe ndeva ngomntu wasetyhini owayecula ngemini yokubhiyozela Inkululeko eKippies, indawo yokujuxuza yaseRhawutini. Unxiba iimpahla zesiNdebele, aze adlale isiginci sombane "soze, ayinakuba yinyani leyo!" ndatsho. Kodwa ndandithe nta iindlebe. Ndandifuna ukuzibonela ngokwam. Ngoko ke ndaya eKippies, ndaze ndamfumana khona uNothembi.

Ndandingawakholelwa amehlo am akuqabela eqongeni uNothembi. Wayekhangeleka emkhulu. Izacholo ezimibalabala ezihonjiswe ngamaso zazibhijele iingalo kunye nemilenze yakhe. Wayenengubo eqaqambileyo ehonjiswe ngamaso eyayigqume amagxa akhe kwaye entlokweni yakhe wayenxibe umnqwazi omkhulu wesintu.

UNothembi waphakamisa iingalo zakhe ebulisa inginginya yabantu. Wathatha isiginci sakhe sombane. Esinjani sona isiginci! Sasihonjiswe ngeempawu zesiNdebele saza sapeyintwa ngayo yonke imibala yomnyama.

UNothembi waqalisa ukudlala, wasenza isigingci sakhe sathetha, sacula, satswina, sancwina futhi sabhonga.

Umhla:





Masibhale

Ngubani othethayo kumhlathi wokuqala?
Ucinga ukuba nguNothembi okanye ngumbhali? Nika isizathu.

Ucinga ukuba le ntetho “Ndandingawakholelwa amehlo am” ithetha ukuthini?

UNothembi usebenzise eyiphi imibala ukuhombisa isigingci sakhe?

Umbhali usebenzisa isimntwiso xa echaza indlela uNothembi adlala ngayo isigcingci sakhe. Uthi isiginci siyathetha, siyacula, siyancwina, siyatswina kwaye siyabhonga. Ezi zizinto ezenziwa ngabantu. Usebenzisa nexesha langoku.

Isimntwiso yintetho apho into, imbono okanye isilwanyana zinikwa impawu zomntu.

Jonga isicatshulwa kwakhona. Krwela umgca obomvu phantsi kwezibizo, ozuba phantsi kweziphawuli uze urhangqele izimelabizo ngoluhlaza.

Sebenzisa izenzi ezithathu ezisuka kweli nqaku uze ubhale izivakalisi ezizezakho kwixesha eladlulayo.



Masibhale

Khetha izalathandawo kwezi zilandelayo ugqibezele ezi zivakalisi zingezantsi.

ngaphaya phezulu ngasemva ephambili

UNothembi ucula eKippies, indawo yokujuxuza _____ kwaseRhawutini.

Xa ecula utsiba aye _____ eqongeni.

UPhiri uthi uyimvumi _____ yabasetyhini.

UNothembi uthi kaloku yena akaqhwayeli _____ akayonkuku.

Okunye ngoNothembi



Masibhale

Masiqale ukubhala ngokusebenzisa izihlanganisi sidibanise ezi zivakalisi.

Sebenzisa ezi zihlanganisi ugqibezele izivakalisi.

kodwa	nangona	kuba	ngoko ke	waze

Ndinqwenela ukukubona ngomso, Nothembi, _____ ndisazi nje kuba uxakekile.

Ndiyakuthanda ukutya, _____ uNothembi kufuneka aqaphele izinto azityayo.

Ngela xesha uNothembi wayesafunda, wayefunda iiyure ezininzi _____ wayenethemba lokuphumelela iimviwo zakhe.

UNothembi waqala wanxiba iimpahla zakhe, _____ walungiswa iinwele.

Uyakuthanda ukunceda ezinye iimvumi, _____ akasoloko enalo ixesha lokuya kutya isidlo sasemini.



Masibhale

Sebenzisa ezi zihlanganisi zilandelayo uzakhele ezakho izivakalisi.

Izihlanganisi zisetyenziselwa ukudibanisa izivakalisi nezimvo. Ukuba uzisebenzisa ngendlela echanekileyo, kuza kuba lula ukuqonda okubhalileyo.

ukuze

kuba

nangona

Umhla:



Masibhale

Bhala izivakalisi ezithathu ezichaza uNothembi. Ungazithatha ebalini okanye uzibhalele ezakho izivakalisi.

Jonga umfanekiso. Bhala malunga neempahla zikaNothembi kunye nezihombo zamaso. Yitsho ukuba zibukeka njani, ziyimibala enjani nokuba ungakuthanda na ukunxiba njengaye.



Masibhale

Jonga la magama athathwe kumhlathi wokugqibela wenqaku likaNothembi.

wasebenza | unethamsanqa | kwafuneka axhase | uyacula

Bhala phantsi amagama athetha ngezinto ezenzeka kudala nezenzeka ngoku kudala kwikholamu echanekileyo.

KUDALA	NGOKU

Ezinye iindaba malunga noNothembi





Masifunde

Funda isiqendu sokugqibela senqaku likaNothembi.

Uyaya odlala isigingci



UNothembi uyacula nokucula. Iingoma zakhe zimalunga neelali: imilambo nobomi basefama abukhumbulayo ngexesha esakhula. Kwakukho umculo yonke indawo. “Umalume wam wandifundisa ukudlala isigingci ndiselula kakhulu,” utshilo uNothembi. “Ndandidla ngokucula emingcwabeni nasemitshatweni. Ngonyaka ka-1993 ndaziqalela elam iqela eMamelodi. Babengabaninzanga abantu basetyhini abadlala isigingci sombane ngoko. Abantu babendibona ndingaqhelekanga. Kodwa mna ndandingaziboni ndingaqhelekanga. Ndiyawuthanda umculo nokudlala isigingci. Ndiziva ndinomahluko xa ndicula. Ndiziva ndinamandla.”

Uthi unethamsanqa ngoku. “Ndifumana imali yokuziphilisa ngokucula. Ngeminyaka ye-1980, ndandingumsebenzi wasemakhitshini kuba kwakufuneka ndondle abantwana bam.”



Masibhale

UNothembi uliqale nini iqela lakhe?

UNothembi uthi abantu babeyibona ingaqhelekanga into yokuba edlala isigingci sombane kuba engowasetyhini. Ingaba zikhona ezinye izinto abantu abazibona zingaqhelekanga xa zisenziwa libhinqa? Bhala izinto ezimbini ozicingayo.

UNothembi uthi uziva enamandla xa edlala isingcinci sakhe. Ucinga ukuba kutheni eziva njalo?

Ukuba uziva enamandla xa edlala isigingci ucinga ukuba uziva njani xa engasidlali? Xela isizathu.

Ingaba ubomi bakhe busafana nobomi awayebuphila ngowe-1980? Xela isizathu.

Umhla:

Izichasi ngamagama anentsingiselo echaseneyo negama elo
(umz. okubi - okuhle)



Masibhale

Bhala izichasi zala magama athathwe kulo mhlathi.

ezilalini	
uselula	
ubuntwana	
yahlukile	
kudala	



Masibhale

Guqula ezi zivakalisi zibe kwixesha elizayo.
Khumbula ukuba kuza kufuneka usebenzise isakhi **u-za** ze isenzi sihlonyelwe u-**ku** ngaphambili.

UNothembi ucula eKippies.

UNothembi udlala iingoma zasebutsheni bakhe.

Iimvumi zixhomekeke kuNothembi.

Umbhali weli nqaku umamela umculo kaNothembi.

UNothembi unxiba iimpahla ezintle xa ecula.



lindaba ezingonoNothembi



Funda oku kulandelayo uze uphendule imibuzo. Phinda ujonge kwakhona inqaku likaNothembi sele lilonke ukuze ufumane iimpendulo.

Izihloko zamanqaku amaphepha-ndaba zidla ngokuba namagama amane okanye amahlanu kuphela. Zilinga ukutsala umdla wabafundi ngokubaxelela ukuba ibali lingantoni na, ngamagama amafutshane anika umdla.

Sithini isihloko seli nqaku?

Mangaphi amagama akwesi sihloko?

Umgca wombhali ukuxelela ukuba ngubani obhale inqaku.

Ngubani obhale inqaku?

Intshayelelo ikuchazela okuza kuqhubeka kwaye ishwankathela imiba ebalulekileyo kwinqaku ngokuthi iphendule imibuzo malunga nokuba ngubani, kwenzeke ntoni, phi, nini.

Eli nqaku limalunga nabani?

Kwenzeke ntoni?

Yenzeke nini?

Yenzeke phi?

Umxholo wenqaku uphendula imibuzo ethi njani kwaye kuba kutheni.

Yeyiphi enye into oyaziyo ngoNothembi?

Ngamanye amaxesha amanqaku aquka okuthethwe ngumntu (njengomntu obonileyo okanye ingcaphephe)

Ingaba eli nqaku lineentetho ezicatshuliweyo? Ukuba kunjalo.

Bezisithini ezo ntetho?

Ngubani owenze loo ntetho

Inqaku linomfanekiso nesihloko somfanekiso.

Chaza umfanekiso uze ubhale phantsi ukuba umbalo osecaleni komfanekiso uthini na.

Umhla:



Masibhale

Yiba ngathi wafundiswa ukudlala isiginci nguNothembi kwaze emva kweminyaka emininzi naba ngabahlobo. Ucelwe ukuba ubhale inqaku ngaye kwiphepha-ndaba lesikolo sakho.

- Nika inqaku lakho isihloko.
- Kumhlathi wakho wokuqala qiniseka ukuba uphendula imibuzo emine ethi; ngubani, kwenzeke ntoni, nini, phi.
- Kumhlathi wesibini nowesithathu yongeza ezinye iinkcukacha ngoNothembi. Le mihlathi kufuneka iphendule imibuzo ethi, njani, ngoba.
- Ungalibali ukusebenzisa intetho-ngqo ukuze inqaku lakho libe nomdla
- Okokugqibela, zoba umfanekiso kaNothembi uze ube nesihloko





21 Ubhabha emoyeni



Masithethe Sebenzani kumaqela enu.

Jongani umfanekiso. Ucinga ukuba eli nqaku liza kuthetha ngantoni?

Ucinga ukuba kubalulekile ukuxhasa abantu abatsha abaqhuba kakuhle kwezemidlalo? Xela isizathu.

Ukuba ubuyintatheli, yeyiphi imidlalo ongabhala ngayo? Xela isizathu.



Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

U-Edith Moetsi – ithamba nomonwabisi

NguDani Moeng

Iimethi zidweliswe kuhle zigudle isiphelo segumbi elinezixhobo zokuthamba kwiZiko lezeNkcubeko ePolokwane. Kwelinye icala elisekupheleni komgangatho kukho umvalo ophakamileyo. Iplanga lokutsiba kunye nehashe lokutsiba zime kwelinye icala elisekupheleni. Phezulu phaya esibhakabhakeni, intombazana encinane yenza uqulukubhode emoyeni. Igama layo nguEdith Moetsi.

Le ndawo inezixhobo zokuthamba ibe yinxalenye yobomi bukaEdith ukususela ngo-2001. Utshintshile ekubeni yintombazana eneminyaka eli-11 enamaphupha nengenalo uqeqesho, waba lithamba elenza imimangaliso elithabatha inxaxheba kwiinkuphiswano zehlabathi.

“Ndaluqalisa uqeqesho kwiiveki nje ezimbalwa emva kokuvulwa kweZiko lokuthamba lasePolokwane,” utsho uEdith. “Ndandifuna ukwenza imithambo kuba ndandidikiwe kukuhlala nje, ndingenanto yakwenza.”

Umqeqeshi kaEdith waluqalisa uqeqesho lwakhe ngokumfundisa ukujikeleza njengamavili enqwelo aze atsibe kwitrampolini. Kodwa kungekudala wagqithela kooqulukubhode nasekutsibeni ngephanyazo. UEdith akazange aphose nolunye usuku kuqeqesho lwakhe ngaphandle kokuba ufundela iimviwo.

Namhlanje, uEdith ungenela ukhuphiswano kwihlabathi liphela eHungary, eNew Zealand naseHolland.

U-Edith ukwavunyiwe njengoMgwebi weMithambo kaZwelonke nanjengoMgwebi weMithambo kwabasetyhini kwiPhondo laseLimpopo. Waphumelela imatriki ngo-2008 kwaye uneenjongo zokufunda ezenzululwazi ngokwakha (ukuyila izakhiwo) eyunivesithi. “Kodwa ikamva ekwenzeni imithambo liqaqambe kakhulu kangangokuba ndingakhe ndilinde kancinane phambi kokuba ndiye eyunivesithi,” utshilo.

UEdith ukwanguye nomzobi kunye nemvumikazi ethembisayo. Sele ephumelele iimbasa ngemizobo yakhe kwaye udlalile nakwiqela lomculo lesikolo sakhe. Ukukwazi ukwenza into endiyifunayo kundenza ndizive ndonwabile,” uphefumle watsho. “Andizange ndicinge ukuba ndingaze ndifikelele kule ndawo ndikuyo. Ndaqala ukwenza imithambo kuba indonwabisa. Impumelelo yam inento yokwenza nokusebenza nzima.”

Umhla:



Masibhale



Butshintshe njani ubomi bukaEdith oko wathi wazibandakanya nemithambo?

Kwakutheni ukuze aqalise ukwenza imithambo?



Ngaphandle kokuba lithamba elibalaseleyo, zeziphi ezinye iziphiwo anazo?

Ucinga ukuba sesiphi isizathu esiphambili sempumelelo yakhe?

Kutheni isihloko sibhalwe ngamagama amakhulu angqindilili nje?



Yintoni injongo yombhalo ongqindilili kanye ngezantsi kwesihloko?

Ucinga ukuba kutheni igama likaEdith likhankanywa ekupheleni komhlathi wokuqala, hayi ekuqaleni?

Ngubani obhale eli nqaku?



Ucinga ukuba inqaku elilolu hlobo ungalifumana phi?

1. Kwiphepha-ndaba
2. Kwincwadi yamabali
3. Kwincwadi yemibongo?

Kutheni usitsho njalo nje? Buyela kwinqaku elingo-Edith Moetsi. Krwelela izibizo ngombala obomvu, iziphawuli ngozuba uze urhangqele izimelabizo ngoluhlaza.

22 Okunye ngo-Edith



Masibhale Jonga ibali elingoEdith kwakhona.



Bhala umhlathi ocacisa ukuba uEdith waphuhla njani ukusukela oko waqala imithambo ukuya kwixesha apho waba ngumgwebi khona. Bhala izivakalisi ezithathu.







Masibhale Jonga ezi zihloko uze wenze oku kulandelayo:

Iqakamba

Ibhola ekhatywayo

Ibhola yombhoxo

Ukudada

a. Tshatisa umdlalo nesihloko sephephandaba. Sebenzisa imidlalo esekunene.

b. Yiba nomfanekiso ubhala inqaku lephephandaba kwisihloko ngasinye. Bhala isivakalisi esiyintloko kwinqaku ngalinye. Isivakalisi esingudoqo sikuxelela ukuba inqaku limalunga nantoni. Sinika ezona nkcukacha zibalulekileyo.



Umzekelo

Isihloko: **UMTHEMBU UPHULA IREKHODI LOKUTSIBA**

Umdlalo : Imidlalo ye-Athiletiki

Isivakalisi esiyintloko: Intshatsheli engumgqotsi uSpeedy Mthembu yaphule irekhodi leemitha ezili-100 kwezembaleki eMzantsi Afrika kukhuphiswano lobuNtshatsheli lwaseMzantsi Afrika obelubanjelwe eBhayi kubusuku bayizolo.



Umhla:

IWIKHETHI ZIWA KWAKUSUKU LOKUQALA

Umdlalo:

Isivakalisi esingundoqo:

URACHEL UZIVULELE INDLELA EYA KUMDLALO WAMANQAM EWIMBLEDON

Umdlalo:

Isivakalisi esingundoqo:

INTOMBI YAPHULA IREKHODI KWISIMBO ESIKHETHILEYO

Umdlalo:

Isivakalisi esingundoqo:



Krwela umgca ngaphantsi kwazo zonke izenzi ezikwezi zihloko zingentla.
Ngoku bhala izivakalisi ezahlukeneyo usebenzise ezo zenzi zikwixesha eladlulayo.

Lithuba lakho lokuba yintatheli



Masithethe

Ingaba likhona iphephandaba esikolweni sakho? Ukuba likhona, likhupha amanqaku anjani iphephandaba lesikolo sakho? Ukuba alikho, ucinga ukuba kubalulekile ukuba libe khona? Xoxa neqela lakho.



Masifunde





U-Edith uzakhele udumo ngokwenza uqulukubhode

JJ Menge

UEdith Moetsi olithamba, ebengaziwa kangako phambi komdlalo wakhe owamenza wazuza imbasa yakhe kwimidlalo yeCommonwealth kwinyanga ephelileyo, kwaye ulindeleke ukuba abe ngoyena utsala umdla kwimidlalo yokuthamba yeNdebe yeBumbo Gymnastics yaminyaka le. Olu lolona khuphiswano lukhulu lwemithambo eMzantsi Afrika olubakho rhoqo ngonyaka.

Lo msitho uza kubakho ekuqaleni kwenyanga ezayo, kwaye uMoetsi uza kukhuphisana namanye amathamba aphambili ehlabathini.

UMoetsi, onama-20, wasePolokwane eLimpopo, ubethwe sele ephantse waphuhele kumagqibela kankqoyi kwimidlalo kaqulukubhode yabasetyhini yeCommonwealth.
Nangona kunjalo, indlela aqhube ngayo kule midlalo imnike igama kwezemidlalo yeli loMzantsi Afrika.

UMoetsi wagqiba kwelokuba enze imidlalo yokuthamba eneminyaka eli-11 xa wayebukele Imidlalo ye-Olimpikhi yaseSydney kunyaka ka-2000 kumabonakude. Umqeqeshi wakhe uMarie Slabbert waqaphela isakhono sakhe kwizifundo zokwenza imithambo esikolweni. Wamthatha uMoetsi waphantsi kwakhe kunjalonje usengumqeqeshi wakhe nangoku.

UMoetsi waba yintshatsheli yelizwe kwimidlalo yokuthamba kunyaka ka-2011 eyincutshe kuqulukubhode, apho akwindawo yesithandathu ehlabathini.

Uhlala ePolokwane nomama wakhe, umakhulu, u-anti, abazala bakhe noodade ababini.

"Umakhulu no-anti wam ngabona bantu abangamaqhawe kum, ngabantu endijonge kubo. Bandincedile bandenza ndangulo mntu ndinguye," utshilo.

Uyakuthanda ukuya kubukela ibhanya-bhanya kunye nabahlobo bakhe, kodwa uthi uzinzise ingqondo yakhe kwisakhono sakhe njengethamba, uziqeqesha iiyure eziliqela ngosuku.

Nangona eza kube ekhuphisana kwiinkuphiswano zeentshatsheli kwihlabathi jikelele, eyona nto ingundoqo ngoku kuye kukukhuphisana [illegible]alo ye-Olimpikhi elandelayo.

"Ndiseb[illegible]izima[illegible]midlalo," uts[illegible].



Umhla:



Masibhale

Ingaba uEdith wenze kakuhle kwimidlalo yokuthamba? Xela isizathu.

Ubethwe nje kancinci kumagqibela kankqoyi . Usukaphi kwaye ufumene eyiphi imbasa?

Sesiphi isivakalisi esingudoqo kumhlathi wokuqala? Sibhale phantsi.

Cacisa intsingiselo yesihloko usebenzise awakho amagama.

Ngubani obhale eli nqaku?

Kuthetha ukuthini ukuba liqhawe? Ngoobani abangamaqhawe akhe?

Ngubani ongumzekelo kuwe? Xela isizathu.



Masibhale

Sebenzisa la magama ugqibezele le mibuzo. Ungalibali ukuqala isivakalisi ngasinye ngonobumba omkhulu.

Ingaba uEdith wazalelwa _____?

Ingaba ukhuphisana _____ imidlalo?

Ingaba uziqeqesha _____ yonke imihla?

Ingaba uhlala nabantu _____?

_____ abantu abangamaqhawe akhe?

phi

nini

kweyiphi

ngoobani

abangaphi



Ukubhala



Masibhale

Sebenzani ngamaqela. Yenzani isazobe sokucinga ukuze nicebe inqaku lephephandaba eniza kulibhalela iphephandaba lesikolo senu malunga no-Edith Moetsi.





Masibhale

Xoxani ngeli nqaku kumaqela enu.

Nikani inqaku lenu isihloko.

Qinisekani ukuba umhlathi wokuqala uphendula imibuzo emine, ngubani, yintoni, nini, phi.

Kumhlathi wesibini nowesithathu yongeza ezinye iinkcukacha ngoEdith. Phendula imibuzo ethi kanjani kwaye ngubani. Ningalibali ukusebenzisa intetho-ngqo ukuze inqaku lenu libe nomdla.

Kumhlathi wakho wokugqibela, qukumbela inqaku lakho.

Ukuba uyathanda ungazoba umfanekiso ka-Edith uze unike inkcazo ngawo.



Umhla:

Masibhale

Masikhe senze umsebenzi wolwimi wokuziqhelisa. Sebenzisa amagama akwizibiyeli utshintshe izivakalisi zibe yimibuzo.

U-Edith usuka eLimpopo. (phi)

Ubukela ibhanya-bhanya ukuzonwabisa. (yintoni)

Uziqhelisa yonke imihla. (nini)

Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi usebenzise izimelabizo zokwalatha.

Isimelabizo sokwalatha okanye isikhombisi sisisebenzisa ukwalatha into esithetha ngayo. Umz. ndiyayithanda le ntombi.

yintloko-dolophu yaseLimpopo yiPolokwane.

UNothembi wazalelwa fama.

Xa lisina ndisebenzisa sambrela.

Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi usebenzise la magama angezantsi.

omnye

abanye

abekho

bonke

akukho mntu



abantwana bakhalisa izikhalisi zomculo.

babantwana bakhalisa iziginci.

wabantwana ukhalisa ipiyano.

udlala ixilongo.

Landela intambo ukuze utshatise isiginci nesipikha saso.

25

Imbovane nehobe

Intsomi libali elifutshane elinemfundiso. Abalinganiswa badla ngokuba zizilwanyana. Libali elifutshane kakhulu. Esinye sezi zilwanyana sidla ngokungabi nankathalo okanye sibe nekratshi ze esinye isilwanyana sisibonise ukuba indlela yaso yokuziphatha ayamkelekanga.

Masithethe Sebenzani ningamaqela.

Ingaba ucinga ukuba izilwanyana ziyancedana? Kanjani? Ingaba isilwanyana esincinane singakwazi ukunceda isilwanyana esikhulu? Kanjani? Ingaba umntu omncinane unako ukunceda umntu omkhulu? Kanjani? Ucinga ukuba izilwanyana ziyathetha nezinye izilwanyana? Nika izizathu zempendulo yakho.

Masifunde **Imbovane nehobe**

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.



Ngenye imini eyayishushu kunene, umbovane wayehleli ecaleni komlambo. “Akuz’uba mnandi ngako ukudada,” wacinga. Wafaka umlenze wamnye emlanjeni, waphinda wafaka omnye, waphinda wafaka omnye. Ngephanyazo, wawela ngaphakathi. Amanzi ayebaleka ngamandla kangangokuba akazange akwazi ukuphuma.

“Ncedani!” wakhwaza. “Ndiyarhaxwa!” Kodwa akuzange kubekho mntu umvayo xa ekhwaza. Kwathi xa umbovane eqinisekile ukuba uza kurhaxwa, kwagqitha uhobe ezibhabhela. Uhobe wabona ukuba umbovane usengozini waza wawisa igqabi phakathi emanzini. Laba ngathi liphenyane elincinane waza umbovane wakhwela kulo. “Enkosi hobe. Ngenye imini nam ndiya kukunceda”.



Uhobe wasuka wahleka. “Umncinane kakhulu akunakuze ukwazi ukundinceda, mbovane encinane.” Wabhabha wemka.

Kwadlula iinyanga ezininzi. Kwaze kwathi ngamini ithile, umbovane wabona uhobe ezonwabele ehleli emthini. Wathi engekatsho nokuthi “molo” kwagqitha indoda iphethe isaphetha kunye notolo. Yayiza kudubula uhobe.

Ngokukhawuleza, umbovane wakhwela emlenzeni wale ndoda wayiluma. “Shu!” yakhwaza indoda yaluwisa utolo lwayo. “Enkosi,” wakhwaza watsho uhobe ebhabha esimka. “Umncinane, kodwa ubusindisile ubomi bam.”



Umhla:



Masibhale



Kwakutheni ukuze imbovane ifune ukudada?

Kwaye kwenzeka ntoni kuyo?

Layisindisa njani ihobe?

Imbovane yalisindisa njani ihobe?

Ucinga ukuba eli bali liyinyani. Nika isizathu sempendulo yakho.

Ucinga ukuba eli bali lenzeka ngeliphi ixesha lonyaka?
Khetha elichanekileyo uze ulibiyele ngesangqa.

entlakohlaza	ekwindla	ehlotyeni	ebusika

Kutheni usitsho nje?

Eli bali yintsomi. Yintoni intsomi? Khetha enye yezi mpendulo zilandelayo uze urhangqele inani.

1. Libali elinabalinganiswa abazizilwanyana elinemfundiso
2. Libali lezithixo namaqhawe
3. Yileta emfutshane

Ucinga ukuba le ntsomi isifundisa ntoni?







Masibhale

Tshatisa amagama asekhohlo kunye neentsingiselo zawo ezisekunene.

ukurhaxwa	eziliqela
khwaza	kungalindelekanga
ebaleka	ukufa ngamanzi
ezininzi	thethela phezulu
ngephanyazo	ehamba ngokukhawuleza

Sicinga ngembovane nehobe



Khetha amagama amathathu achaza imbovane uwarhangqele ngesangqa.

inekatshi

iligwala

Isisiphukuphuku

inenkathazo

inenkathalo

ilikroti

ikhaliphile

Ngoku sebenzisa la magama mathathu uwakhethileyo wakhe izivakalisi ezithathu.



Funda intsomi yembovane nehobe kwakhona uze ubhale ezi nkcukacha zilandelayo.



Isihloko sale ntsomi

Indawo eyenzeka kuyo le ntsomi

Abalinganiswa bale ntsomi

Ungquzulwano kule ntsomi

Isisombululo

Imfundiso



Umhla:



Masibhale

Ngoku uza kubhala eyakho intsomi. Ukusuka kwivili loku-1 khetha isilwanyana, kwivili lesi-2 khetha iimpawu zaso (sisilwanyana esinjani) Kwivili lesi-3 khetha imfundiso yentsomi yakho.



siyavimba

siyazicingela

asinamonde

sinekratshi

siyazimisela

siliphakuphaku

siyaqhayisa

silivila



Inkomo enomlomo ayinamasi

Umazi wendlela ngowakha wayihamba.

Bezimuncu kakade.

Akukho mntu uthanda igwala.

Awunako ukuvuyisa wonke umntu

Imbovane iyalithwala inyiki.

Umzingisi akanashwa.

Igugu lingaba likhulu umbombo uyaqhosha.

INTSAYINO: Gama Umhla

Imbovane esebenzayo



Masithethe

Sebenzani ngokwamaqela.

Ingaba iimbovane zisebenza nganye-nganye okanye zisebenza zingamaqela?
Ucinga ukuba yintoni elungileyo ngokusebenzisana?
Ingaba zikhona iimbovane edlwini yakho? Zifuna ntoni?
Kwenzeka ntoni xa uzama ukunqanda iimbovane endleleni yazo ukuze zingayi ekutyeni?



Masifunde

Imbovane embovaneni

Ingaba iimbovane zinxibelelana njani? Azikwazi ukuthetha kodwa kufuneka zixelelene okwenzekayo. Zikwenza njani oku? Zikhupha ivumba elithile.

Utya isonka esimnandi. Imvuthuluka yesonka iwa phantsi. Hayi wethu, akunamsebenzi. Akukho zimbovane apha! Kodwa khawume kancinane! Zikhona iimbovane ezimbini ukuya kwezintathu ezihlola-hlola imvuthuluka. Hayi wethu, akukho ngxaki. Iimbovane ezimbalwa azikhe zihluphe mntu. Kodwa khawukhe uqwalasele. Ezi zidwala zincinane ziwangawangisa iimpondo zazo emoyeni.



Ngephanyazo, enye yazo iyabaleka inqumle umgangatho ize iphele emehlweni. Intlola ifumene ukutya, ngoku iyahamba iya kuxelela ibutho leembovane. Kodwa kufuneka iyikhumbule indlela ebuyela ekutyeni. Imbovane ayishiyi mizila yeenyawo. Ishiya umzila wevumba.

Yakufika intlola endlwaneni ixelela ezinye iimbovane ngevumba layo ukuba ifumene ukutya. Kubakho uvuyo olukhulu. Kwakamsinya ziyasuka, zibaleke emva kwentlola zilandele umzila wevumba ebeliwushiye ngasemva. Ngephanyazo, kubakho umkrozo weembovane emgangathweni. Eziya mvuthuluka zisendleleni eya endlwaneni.



Umhla:



Masibhale “Zithetha” njani iimbovane?

Ziyifumana njani indlela ebuyela kwindlwana yazo?

Ucinga ukuba iimbovane ezi zizidalwa ezinococeko okanye ezimdaka? Nika izizathu zempendulo yakho.

Ingaba eli bali leembovane lohluke njani kwintsomi?



Masibhale

Tshatisa amagama angasekhohlo nentsingiselo echanekileyo engasekunene.

nxibelelana	othunyiweyo ukuba ayokufuna ulwazi
limpondo	iqela leembovane ezininzi ehlala kunye
Ibutho leembovane	ukuthetha nabanye
intlola	izinto ezikhula kwintloko yesinambuzane



Masibhale

Sebenzisa isimelabizo ugqibezele ezi zivakalisi.

Izimelabizo zisetyenziswa endaweni yesibizo.

thina

zona

yona

wena

mna

limbovane azikwazi ukuthetha. _____ zisebenzisa iimpondo ukuze zinxibelelane.

Xa _____ uwisa imvuthuluka yokutya, iimbovane ziyayichola.

_____ ziza kuyitya. Imbovane eyikumkanikazi ishiyeka endlwaneni. _____

iyahlonitshwa zezinye iimbovane. Ndiyayilumkela _____ imbovane kuba iyaluma.

Ingaba _____ siyafana neembovane?



Masibhale

Ezi zihlomelo nezi zichazi zithathwe kwintsomi yembovane nehobe. Krwela umgca obomvu phantsi kwezihlomelo uze urhangqe izichazi ngesangqa esiluhlaza. Wakugqiba zisebenzise kwizivakalisi zakho.

thandekayo	
ngamandla	
Ngephanyazo	
ncinci	
shushu	

Ukuhlela ibali



Masibhale

Iintsomi zisebenzisa izilwanyana neempawu zezilwanya ukuveza iimpawu zabantu.



Buya umva ujonge ivili lezilwanyana kwiphepa lomsebenzi lama- 26. Khetha esinye sezilwanyana ocinga ukuba sibufana nawe uze ubhale phantsi uzichaze ngokungathi useso silwanyana usikhethileyo. Umzekelo, ukuba ucinga ukuba unjengembovane, ungabhala ngendlela osebenza nzima ngayo nonentsebenzisweno ngayo nabanye.





Masibhale

Injongo yentsomi kukunika imfundiso. Xoxani ngoku kumaqela enu. Thethani malunga nokuba kuthetha ukuthini ukucebisa. Xoxani ngale mibuzo ilandelayo nize nibhale phantsi iimpendulo zenu.



Ungakufuna xa kutheni ukucetyiswa ngomnye umntu?

Xa ungakufuni ukucetyiswa ngomnye umntu sukube kutheni?

Ungathini xa ufuna ukucebisa umhlobo wakho kodwa yena abe engafuni kucetyiswa?

Balisela umhlobo ibali olaziyo elinemfundiso okanye elicebisayo.
Bhala isishwankathelo selo bali.



Umhla:



Masibhale

Dibanisa ezi zivakalisi. Sebenzisa izihlanganisi ezingezantsi.

kuba | kodwa | kwaye/ kunye

Umzekelo

Ihobe lawisela igqabi emanzini. Lalifuna ukunceda imbovane.

Ihobe lawisela igqabi emanzini kuba lalifuna ukunceda imbovane.

Imbovane yayisifa bubushushu. Yayifuna ukudada.

Le ndoda yayinesaphetha netolo. Yayifuna ukudubula ihobe.

Ihobe lahleka. Lalingacingi ukuba imbovane ingalinceda.

Imbovane ifuna ukungena emanzini. Ayikwazi ukudada.



Masibhale

Lungisa ezi zivakalisi ukuze zenze umhlathi oyondeleleneyo.

Emva kwethuba elide umbovane wayecinga ukuba uza kufa waze wakhwaza ecela uncedo.

Ngenye imini eyayishushu kunene umbovane wagqiba kwelokuba azipholise emlanjeni.

"Ungaxhalabi," wakhwaza watsho uhobe. "Ndiza kukunceda."

Ngelishwa, wabambelela kude kakhulu waze wawela ngaphakathi.

Enkosi. Ubusindisile ubomi bam," wakhwaza watsho umbovane.

"Ngenye imini nam ndakukuceda."

Wawisela igqabi phakathi emlanjeni.

Umbovane wasebenzisa igqabi njengephenyane.

Ingonyama nempuku



Masithethe Xoxani ngale mibuzo kumaqela enu.

- Ucinga ukuba isilwanyana esincinane sinako ukunceda esikhulu? Singasinceda ngeyiphi indlela?
- Ingaba likhona ibali olaziyo apho umntu omncinane woyisa umntu omkhulu?
- Ucinga ukuba ubungakanani bento busoloko bubalulekile? Nika izizathu zempendulo yakho.
- Ingaba ukhona umntu okanye isilwanyana owakhe wasinceda?
- Xelela iklasi ukuba wakhe wanceda bani nokuba wamnceda njani lo mntu okanye eso silwanyana.

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na. • Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.





Masifunde

Ngenye imini, iimpukwana ezincinane ezimbini ezingwevu zazibukele ingonyama enkulu neyoyikekayo ilele igcakamele ilanga. “Khawubaleke phaya phezu kwempumlo yakhe,” yatsho enye. “Ukhangele ukuba uza kuvuka na!”

Ngoko nangoko impukwana egezayo yabaleka phezu kwempumlo yengonyama. Kwaye kwenzeka ntoni? Kakade, ingonyama yavuka yayibamba impuku ngelo thuphakazi layo likhulu.

Loo ngonyama inkulu yavutha ngumsindo kwaye yayiza kuyitya nqwam nqwam impukwana encinane engwevu. “Owu hayi torho, nceda musa ukunditya, ngonyama,” yadomboza impukwana sele igubha, “Ngenye imini ndiya kukunceda!”

Yasuka yahleka ingonyama. “Wena? Umncinane kakhulu ukuba unganceda nabani na, mpukwana ndini! Akunako tu ukundinceda!” Kwathi, kuba yayingalambanga, ingonyama yayiyeka impukwana yahamba.

Kancinci nje emva koko, ingonyama yayibaleka ethafeni. Ngephanyazo, yaya kungena emgibeni owawenziwe ngamadoda elungiselela ukubamba impunzi. Yayingumnatha omkhulu kwaye wawuyibambe nkqi ingonyama. Yayingakwazi nokushukuma, kodwa yayikwazi kona ukugquma.



“Ncedani! Ncedani! Ncedani!” yagquma. “Ndisindiseni kulo mgibe.” Kwagqitha impunzi. “Andisoze ndikuncede,” yatsho impunzi. “Kule veki iphelileyo utye umntakwethu.”

Kwagqitha umvundla utsiba-tsiba. “Andisoze ndikuncede,” watsho umvundla. “Kule veki iphelileyo utye umama.” Emva koko, yafika impukwana encinane engwevu. “Awukhange unditye kule veki iphelileyo,” yatsho. “Ndiza kukunceda.” Impukwana engwevu yawugrenya umnatha. Yagrenya yagrenya yagrenya. Lathi litshona ilanga kwabe sele

kuvuleke umngxuma omkhulu ngokwaneleyo ukuba ingonyama ingaphuma.

"Enkosi, mhlobo wam omncinane. Ngoku ndiyazi ukuba nezilwanyana ezincinane zinako ukunceda izilwanyana ezikhulu ezifana nam," yatsho ingonyama.





Masibhale Xoxani ke ngoku kumaqela enu nize nibhale phantsi iimpendulo.

Ingaba nicinga ukuba eli bali lingayinyani? Nika izizathu zempendulo yakho.

Ucinga ukuba eli bali linemfundiso? Ithini loo mfundiso?

Ungalinika esiphi isihloko eli bali?

Intsomi libali elinemfundiso. Ucinga ukuba ibali lengonyama nempuku linento elisifundisa yona? Ucinga ukuba yeyiphi lo mfundiso?

Qwalasela la maqhalo uze utsho ukuba leliphi elihambelana neli bali. Beka uphawu ecaleni kwalo.

	Esihleliyo sidl'ukuhlala, esiphilayo sesithwethwayo.
	Isandla sihlamba esinye.

	Kungafa intaka endala amaqonda abola.
	Inkqayi ingena ngentlontlo.

Kwakutheni ukuze impukwana iphazamise ingonyama?

Kwakutheni ingonyama ize igqibe ekubeni ingayityi impukwana?

30 Sicinga ngengonyama nempuku



Tshatisa isiqingatha sokuqala sesivakalisi kunye nesesibini. Wakugqiba bhala izivakalisi ezichanekileyo kwisithuba esingezantsi.

Ingonyama enkulu	ukuba ubomi bayo busindiswe.
Impuku encinane yacenga yacenga	amazinyo ayo abukhali ngokwenene.
Ingonyama yangena emgibeni kuba ngokuzingca kwayo okukhulu.	yayizingqengqele kamnandi elangeni.
Impukwana yayinayo into eluncedo:	yekratshi elikhulu.
Ingonyama kwakufuneka icele uxolo ngenxa	yayikhawuleza kakhulu.



Funda ngoku khawuleza intsomi yembovane nehobe. Wakugqiba yenza oku kulandelayo.

- Krwelela igama elithetha **ukucaphuka**.
- Biyela ngesangqa igama elithetha **ukungcangcazela**.
- Faka umbala kwigama elithetha **ukuhlafuna amathamo amancinane ngexesha.**
- Bhala u-X ecaleni kwegama elithetha **umhlaba omkhulu ovulekileyo.**
- Phawula igama elithetha **ukubongoza**.







Umhla:



Masibhale

Jonga iphepha lomsebenzi lama- 26 kwakhona, uze usebenzise isilwanyana, iimpawu zaso kunye nemfundiso oyibhale phantsi.



Isihloko sentsomi

Ukuziphatha nezimbo

Indawo apho elenzela kuyo ibali

Iziganeko

1.
2.
3.
4.
5.

Imfundiso yokuziphatha









31 UMegan uphengulula intsomi



Masifunde

INgonyama neMpuku ngokubhalwe
nguJerry Pinkney
Liphengululwa nguMegan Cox



Imifanekiso emihle kule ntsomi ibhalwe ngokutsha ibangele ukuba uJerry Pinkney azuze imbasa yeCaldecott ka-2009 njengeyona ncwadi yemifanekiso ekhethekileyo eMelika.

Ibali *leNgonyama neMpuku* libuyisa ibali lakudala le rhamncwa elasindisa impuku lize emva koko, libambeke emgibeni womnatha. Lithi ke libuyekezwe ngokuthi impukwana igrenye iintambo zomnatha ukukhulula irhamncwa elo. Eli bali liphantse lingabi nawo amagama elibhalwe ngokutsha liqhubeka kumathafa eSerengeti, indawo esendle ezaliswe ziintaka, izilwanyana kunye nezinambuzane ezizotywe ngocoselelo. Siyabona ukuba apha ingonyama yincutshe engaphikiswayo kwizinto; njengokuba ihamba-hamba okwekumkani iphinyela phakathi kwengca egolide, iindlulamthi neendlovu zijika nayo ziyibukele. Kwathi kanti ingozi iyayichwechwela kwakufika abazingeli. La madoda abeka umgibe wawo, saze sabona iintupha ezinkulu ezimbini zinyathela zinqumla kumnatha ofihliweyo. Ithi ingonyama yakugquma kalusizi “Grrr-rrr . . .” loo ngxolo ifikelele ezindlebeni zempuku, ibaleke iye kuyihlangula iqalise “yagrenya, yagrenya” ekudibaneni kweentambo zomnatha ngeli xesha ibanjwa elibotshwe iizandla neenyawo libukele.

Abantawana abaphakathi kweminyaka emi-6 neli-11 ubudala baza kulonwabela ifuthe lasekhaya elifakwe kweli bali liqhelekileyo nguMnu Pinkney othandwayo. Kuthe kanti ingonyama nempukwana zineentsapho eziselula. Amakhasi okugqibela abonisa ungonyama ehamba nemazi yengonyama kunye namathole, abe emqolo etyathe isizwe sonke seempukwana.



Masithethe



- Ngubani obhale le ncwadi wazoba nemifanekiso?
- Yintoni eyenze le ncwadi izuze imbasa?
- Ingaba le ncwadi ibhalelwe abantwana abangakanani?
- Ingaba eli bali lenzeka phi?
- Ingaba ezi zilwanyana zazijongane neyiphi ingozi?
- Yintoni eyenza le ntsomi yeNgonyama neMpuku yahluke kuleya yokuqala ubukhe wayifunda?
- Yeyiphi eyona nguqulelo yeli bali oyithandayo? Xela isizathu.

Umhla:

Zoba umfanekiso oza kuhamba kunye nengxelo yophenqululo lwale ncwadi.



Masibhale

Krwela umgca utshatise isiqingatha sokuqala sesaci nesiqingatha saso sokugqibela.

inja	asa esihogweni
kuhla	idubula ingethi
amangomso	idla ngamabala
evuka mva	ngamqala mnye
ingwe	ikholwa zizagweba
akukho nkanga	ayimlumi umniniyo

Masibhale Ngoku bhala ezakho izaci ezibini.

Masibhale Khetha isenzi esichanekileyo uze usikrwelele umgca ngaphantsi.



Umkhenkethi osebhasini ufuna/bafuna isibonakude ukuze abukele iingonyama.

UCici noMoses akayi/abayi kwikhaya leengonyama.

Namhlanje abafundi bafunda/ufunda ngeengonyama.

Intsomi yokuphetha zonke iintsomi



Masibhale

Jonga kwiphepha lomsebenzi lama-29. Jonga umfanekiso wempuku ihlangula ingonyama emgibeni.

Bhala phantsi kwiqamza amazwi ocinga ukuba bayawathetha.





Masibhale

Sebenzisa itshathi yakho ekwiphepha lomsebenzi lama-30 ukuze wenze isicwangciso sentsomi oza kuyibhala, malunga nokuba impukwana yayinceda njani ingonyama. Bhala phantsi izihloko zesicwangciso sakho kwizithuba ozinikiweyo ngezantsi.

Isihloko

Intshayelelo, nokuba ibali lakho liza kuqhubela phi na

Umxholo, apho ubalisa khona ibali lakho
(Qinisekisa ukuba ingonyama nempukwana ziyathetha.)

Isiphelo, apho uthetha ngokuba ingxaki iye yasonjululwa njani

Umhla:



Masibhale Bhala ke ngoku eyakho intsomi.

Zihlole

Ndiyakwazi		
Ukufunda inqaku lephephandaba		
Ukuphendula imibuzo esekelwe kwiphephandaba		
Ukuchaza intsingiselo yamagama		
Ukusebenzisa izalathandawo		
Ukusebenzisa izihlanganisi		
Ukubhala izivakalisi ezichazayo		
Ukuthetha ngemifanekiso		
Ukubhala kwixesha langoku, eladlulayo nelizayo		
Ukunika uluvo lwam		
Ukuchaza izichasi		
Ukubona isivakalisi esingundoqo		
Ukubhala inqaku		
Ukubhala umhlathi		
Ukucwangcisa inqaku		
Ukujika iintetho zibe yimibuzo		
Ukusebenzisa izalathisi		
Ukugqibezela izivakalisi ndisebenzisa izalathisi		
Ukuxoxa ngeempawu zentsomi		
Ukufunda intsomi		
Ukuphendula imibuzo malunga nentsomi		
Ukuchaza umahluko phakathi kwebali eliyinyaniso nebali elingumfanekiso ngqondweni		
Ukunika uluvo lwam		
Ukutshatisa amagama neentsingiselo zawo		
Ukubhala inkcazelo		
Ukuchaza iimpawu zentsomi		
Ukusebenzisa izimelabizo		
Ukubhala izivakalisi ndisebenzisa iziphawuli nezihlomelo		
Ukusebenzisa izihlanganisi		
Ukuhlela ulwazi		
Ukusebenza ngezaci namaqhalo		
Ukufunda ingxelo yophenqululo lwencwadi		
Ukufunda ngokukhawuleza		
Ukwenza isicwangciso ndize ndibhale intsomi		
Ukusebenzisa isinye nesininzi		
Ukusebenzisa intetho-ngqo		



Umhla:

Izi qulatho

Umxholo 3: Iinkcukacha ezisebenzayo



Unika imiyalelo aze ayilandele
Ikota yesi-2: liveki 1 - 2

33 Ukufunda iileyibheli 70
Usebenza kwiqela.
Uthetha malunga neendidi ezahlukeneyo zeeleyibheli.
Uxoxa ngokubaluleka kokufunda imiyalelo ngononophelo.
Ufunda ileyibheli yesongezo sezempilo.
Uphendula imibuzo esekelwe kwileyibheli.
Utshatisa amagama kunye neentsingiselo zawo.

34 Okunye malunga nokwenza oku 72
Utshatisa iinkcukacha.
Uphawula uhlobo lokuyalela.
Usebenzisa uhlobo lokuyalela kwizivakalisi ezilula.
Usebenzisa iziphumlisi ngokuchanekileyo.
Usebenzisa isihlomelo sexesha, sobunjani, esendawo neqondo.

35 Ukwenza into etyiwayo 74
Ufunda iresiphi.
Ulandela imiyalelo yokwenza i-smoothie.
Uphendula imibuzo malunga neresiphi.
Ucacisa amanyathelo ekufuneka ewathathile xa esenza isiselo esinqumbululu esebenzisa amagama ahlanganisayo anjengala: kuqala, uze, okulandelayo kunye ekugqibeleni.
Udibanisa izivakalisi ezilula ekwenzeni ulwakhiwo lwezivakalisi ezintsokothileyo esebenzisa kuba, emva, nangona, oko kunye nini.

36 Okunye malunga nokutya 76
Unika imiyalelo esebenzisa amagama ayalelayo: hamba, fumana, yenza.
Ulandela imiyalelo ekwi-imeyile yokwenza iibhisikithi ezinobuso obuhlekisayo.
Uthumela i-sms esebenzisa amagama afinyeziweyo.
Ubhala kwakhona izifinyezo: l, ml, T, t, g, kg.

37 Imbiza yesophu 78
Uxoxa ngomfanekiso.
Ufunda ibali elithi iSophu yamaTye.
Uphendula imibuzo malunga nebali.
Unika izizathu.
Uphawula amanyathelo asetyenzisiweyo ekwenzeni isophu.
Uphawula isiphumo.

38 Isophu, isophu, isophu enambithekayo 80
Ukhetha isidlo sesophu esityiwa ekhaya.
Ubhala phantsi uluhlu lokusetyenzisiweyo (izithako) ekwenzeni isophu.
Ubhala iindlela zokwenza oku esebenzisa amagama ayalelayo anjengala xuba, nqunqa, xobula, yongeza.
Ubhala idrafti yokusetyenzisiweyo kunye neendlela zokwenza.
Uqonda injongo yokusebenzisa uphawu lokushiywa kwamagama ekupheleni kwesivakalisi (i-elipsisi).
Ubhala umhlathi oqukumbelayo webali leSophu yamaTye.
Basebenza ngokwamaqela ekuveliseni uyilo lomdlalo weqonga.
Ubhala uyilo lomdlalo weqonga esebenzisa izihloko ezinikeziweyo: itayitile, umboniso, abadlali kunye noyilo (iplothi).

39 Umfuniselo ngemibala 82
Bathetha kumaqela abo malunga nomnyama kunye nemibala yomnyama.
Uvavanya intetho eyenziwe liqela.
Ufunda umfuniselo wokuvelisa kwakhona imibala.
Ukhetha isihloko somfuniselo.
Uphawula izenzi eziyalelayo.
Ugcwalisa uhlobo oluthile lwetshathi.
Utshatisa amagama kunye neentsingiselo zawo.
Ukhuphela amagama kwisichazi-magama.
Uyachaza aze asebenzise izalathandawo: phantsi, phezulu.
Ufakela iziphawuli ezichanekileyo ezichaza umnyama aze asebenzise iziphawuli kwezakhe izivakalisi.

40 Hlela izinto 84
Landela indlela.
Ulandela imiyalelo yokuzoba ikhostyum.

Udliwano-ndlebe
Ikota yesi-2: liveki 3 - 4

41 Yifeshini ngenene 86
Uxoxa ngolwazi kwiqela.
Uxoxa ngohlobo lwemibuzo eza kusetyenziswa kudliwano-ndlebe.
Uxoxa ngokuba loluphi na ulwazi olongeziweyo umntu ekufuneka elufumene.
Ufunda udliwano-ndlebe.
Uphendula imibuzo eyodwa.
Umisa injongo yodliwano-ndlebe.
Ubhala imibuzo emithathu.
Usebenzisa iimpawu zombuzo.
Ubhala iinkcukacha ngokwengxelo egqithisiweyo.

42 Okunye malunga nezikipha 88
Uphawula izihloko aza kubhala ngazo.
Umisa ukuba ngoobani na ekufuneka bebambe udliwano-ndlebe ukuze babhale inqaku.
Ubhala imibuzo evulekileyo nevalekileyo.
Ufunda igrafu esekelwe kulwazi.
Uphendula imibuzo kwigrafu: uluvo oluphambili kwakunye neenkcukacha ezizodwa.
Utolika aze ahlahlele iinkcukacha zegrafu.
Unika izizathu zeenkcukacha.
Ushwankathela iinkcukacha ezifunyenwe kuvavanyo.

43 Ukufunda ngevolibholi 90
Uxoxa ngemithetho yokusebenzisa isixando sokwenza.
Ufunda amagama anezihloko ezimalunga nevolibholi.
Uphawula imvelaphi yegama.
Unika izizathu zeempendulo.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Ubhala amagama kwisichazi-magama sakhe.
Ufaka iinkcukacha kwintetho-ngqo esebenzisa iimpawu ezifanelekileyo zocaphulo.
Usebenzisa izihlanganisi adibanise izivakalisi ezikumhlathi aze asebenzise izimelabizo ezifanelekileyo.

44 Okunye malunga nemidlalo 92
Ubhala isiphelo.
Ugqibezela itheyibhile.
Usebenzisa umfanekiso ukugqibezela itheyibhile.
Ugqibezela udliwano-ndlebe esebenzisa amagama abuzayo angala: ngubani, yintoni, phi, nini.
Ushwankathela iinkcukacha.
Usebenzisa ixesha eladlulayo eliqhubekekayo.
Usebenzisa ixesha elizayo eliqhubekekayo.

45 Inyosi edanisayo 94
Uxoxa ngokubaluleka kokusebenza kwiqela.
Ufunda amagama.
Uphendula imibuzo kumagama.
Umisa imvelaphi yamagama.
Uphawula iintsingiselo zamagama.
Ubhala amagama kwisichazi-magama sakhe.
Udibanisa izivakalisi.
Usebenzisa isixando sokwenziwa.

46 Ukucinga ngeenyosi nobusi 96
Ulungisa iinkcukacha ngokulandelelana kwazo.
Uphawula umzobo.
Ubhala umhlathi oyinene.
Ubhala isivakalisi esiyintloko kunye nezivakalisi ezixhasayo.
Ubhala kwakhona ingxelo phantsi kwezihloko ezizodwa.
Uphawula iziphawuli, izimelabizo, izenzi kunye namagama abuzayo.

47 Ikhangaru emangalisayo 98
Uxoxa ngomfanekiso.
Ufunda amagama afundisayo malunga nekhangaru.
Uphendula imibuzo eyodwa kumagama.
Utshatisa amagama kunye neentsingiselo zawo.
Utshintsha iingxelo zibe yimibuzo esebenzisa amagama abuzayo.

48 Ukucinga ngeekhangaru 100
Usebenzisa iinkcukacha ezikumagama ukubhala umhlathi wenene.
Ugqibezela amagama esebenzisa intetho ethe ngqo.
Ubhala ingxelo malunga ngaye esebenzisa izihloko.
Usebenzisa iimpawu zezikhuzo.

Ukufunda iileyibheli



Masithethe Sebenzani kumaqela enu.

- Thetha malunga neendidi ezahlukeneyo zeeleyibheli ozifumanayo: iileyibheli zokutya, iileyibheli zempahla.
- Kutheni kubalulekile nje ukufunda imiyalelo ekwiileyibheli?
- Ucinga ukuba kungenzeka ntoni ukuba ufunda iindawo ezithile zemiyalelo kuphela kwileyibheli?
- Ukuba ubusela amayeza, kufuneka uwagcine phi?
- Kutheni kubalulekile nje ukufunda imiyalelo ekwileyibheli yamayeza ngokufanelekileyo?
- Kutheni kubalulekile ukuba usele amayeza akho xa kukho umntu omdala kuphela?



Masifunde

Iinkcukacha zenene

Isithako esisebenzayo (kwipakethe nganye) Actigo

Injongo **Ikhupha ukungcola**

Imisebenzi

Kukunika ukomelela okongezelekileyo, amandla nokunyusa ukusebenza kwamajoni omzimba

Iinkcukacha ezongeziweyo

- I-Act-Yu-go sisongezelelo esimnandi kakhulu.
- Ikunika izondlo ezikhethwe ngobunono ukuze ugcine amazinga amandla akho ephezulu.
- Igcina iiseli ziphilile.

Xa usebenzisa le mveliso

- Uya kuziva unamandla ongezelelekileyo ukuba uyisela yonke imihla

Iindlela zokuyisebenzisa:

Abantu abadala nabantwana abaneminyaka eli-10 nangaphezulu
Galela ipakethe yonke kwi-3/4 yeglasi yamanzi.
Zamisa uze uyilinde iphume amaqampu ngaphambi kokuba uyisele
Ungasebenzisi ngaphezulu kwepakethe e-1 kwiiyure ezingama-24.

Abantwana abangaphantsi kweminyaka eli-10
Galela i-1/2 yepakethe kwi-3/4 yeglasi yamanzi.
Zamisa uze uyilinde iyeke ukuhlwahlwaza ngaphambi kokuba uyisele.
Ungasebenzisi ngaphezulu kwesi-1/2 sepakethe kwiiyure ezingama-24.

Iinkcukacha ezizezinye
Yigcine kwindawo eyomileyo ngaphantsi kwama-25°C nalapho iintsana zingenako ukufikelela khona
Kukho iipakethe ezaneleyo zenyanga iyonke.

Izithako ezingasebenziyo: liVithamini B1, B6, B12, C.
Ayinaso isitatshi, iswekile yobisi, iswekile okanye izigcinakaliso.



Umhla:



Masibhale Xoxani ngemibuzo kumaqela enu nize nibhale phantsi iimpendulo.

Kuthetha ntoni ukuthi **iinkcukacha zenene**

Yintoni isiselo sempilo?

Ucinga ukuba kutheni isihloko esiphambili kwileyibheli sisikhulu kunezihloko zamacandelo?

Mangaphi amacandelo akhoyo kwileyibheli?

Ngokusekelwe kubungakanani bombhalo, zeziphi izihloko zecandelo ezizezona zibalulekileyo? Zibhale phantsi.

Zeziphi izihloko zecandelo ezizezona zingabalulekanga? Zibhale phantsi.

Abantwana abangaphantsi kweminyaka eli-10 bangasela kangakanani?

Kutheni kufuneka usebenzise i-Act-Yu-go nje?

Ungaziva njani emva kokusela i-Act-Yu-go?



Masibhale Tshatisa amagama neentsingiselo zawo. Krwela umgca osuka kwigama ngalinye elisekhohlo uye kwintsingiselo yalo engasekunene.

okusebenzayo	enye encedisayo
isithako	okuthile; okukodwa
okungaphakathi	ukutya
isongezo	inxalenye, okukhoyo, okuqulathiweyo
isondlo	okuthabathekisayo
okukhethiweyo	izinto ezisetyenzisiweyo



Okunye malunga nokwenza oku



Masibhale Jonga le miyalelo yokuthatha isiselo sempilo.

Tshatisa iinkcukacha ezikwikholam engakwisandla sasekunene kunye noluvo oluphambili kwikholam engakwisandla sasekhohlo.

Funda uze ulandele imiyalelo yeleyibheli **ngalo lonke ixesha**.	Musa ukuthenga okanye usebenzise isiselo sempilo esisuka kwipakethe ebonakalisa ukusikwa nokukrazuka.
Yazi ukuba kufuneka umphe iyeza elingakanani na xesha liphi na	Gcina zonke iziselo zempilo kude nabantwana abancinci. Ezi ziselo zikholisa ukunambitheka kwaye abantwana bangacinga ukuba basela isiselo esiqhelekileyo.
Ungaze uzenze ugqirha.	Ukuba ileyibheli ithi ungabaniki abantwana abakwiminyaka ethile okanye ubunzima, musa ukubanika.
Landela iingcebiso ezimalunga nobudala nobunzima bomzimba	Ungaze unike okanye usele ngaphezulu kwendlela echaziweyo kuba ucinga ukuba siya kusebenza ngcono okanye ngokukhawuleza okukhulu.
Landela isilumkiso esithi "GCINA KUDE INGAFIKELELEKI LULA".	Funda uze ulandele ileyibheli. Zazi izifinyezo **zecephe** (tbsp.), **itisipuni** (tsp.) ne- milligram (mg.).
Jongisisa rhoqo ipakethe kunye noqobo lwesiselo ukuba asikhange sivulwe na.	Yiqwalasele ngokukodwa imiyalelo yendlela yokusebenzisa nasiphina isiselo sempilo.



Masibhale Uyabona ukuba sisebenzisa izenzi ezinjengo: **funda**, **yazi** kunye no-**landela** xa sinika imiyalelo? Ezi zenzi zikuhlobo lokuyalela.

Ngoku krwela umgca phantsi kwezenzi ezikuhlobo lokuyalela (izenzi ezikuxelela ukuba kufuneka wenze ntoni) kwesi sicatshulwa.

Isiselo samandla esenziwa ekhaya

I-Sage Pomegranate Green Tea Cooler

Iindlela zokuyenza: Faka isingxobo esi-1 seti eluhlaza kangangomzuzu omnye ukuya kwemi-3 kwikomityi enye yamanzi ashushu. Khupha isingxobo seti. Galela icephe eli-1 lomxube we-pomegranate. Sebenzisa ubusi ukuze ivakale iswiti. Zamisela icephe eli-1 le-sage. Yilinde itsale kangangemizuzu eli-15. Galela ikomityi ye-ayisi. Zamisa ide ibande uze uyonwabele.

Umhla: _____

UHLOBO LOKUYALELA

Sisebenzisa iziyaleli xa sinika umyalelo ongqingqwa, isilumkiso, isibheno, iingcebiso, icebo okanye umyalelo jikelele. Useka iziyaleli ngokusebenzisa isiqu sesenzi ngaphandle kuka-"uku". Isenzi esiyalelayo siye sibekwe ekuqaleni kwesivakalisi.

Sela iyeza lakho.
Hlala phantsi!
Lumka!



Masibhale

La magama alandelayo ziziyaleli. Kumaqela enu, xoxani ngeendidi zezivakalisi onokuzenza ngala magama, nize nizibhale kule migca ingasezantsi. Sebenzisa izivakalisi ezilula uze uqinisekise ukuba igama lokuqala liqala ngonobumba omkhulu nokuba isivakalisi sinesingxi ekupheleni kwaso.

thatha _____

nika _____

funda _____

vala _____

tshixa _____



Masibhale

IZIHLOMELO ZE ...

Izihlomelo zexesha zikuxelela ngexesha nokuba kangaphi: ngoku, namhlanje, soze.
Izihlomelo zobunjani zikuxelela ngobunjani: kakuhle, ngenceba, kakubi, cacileyo.
Izihlomelo zendawo zikuxelela ukuba phi: ngasentla, ngezantsi, apha, apho, ngaphakathi.
Izihlomelo zeqondo zikuxelela ngobukhulu okanye ngobuncinci bento ethile: kakhulu, kwanele, phantse.

Sebenzani ngokwamaqela. Jongani emva kwiinkcukacha zenene ezikwiphepha lama-70 nize nikrwele umgca phantsi kwesihlomelo sexesha **esinye**, izihlomelo zobungakanani **ezibini**, isihlomelo sobunjani **esinye** nesihlomelo sendaw **esinye**.



Masibhale

Bhala izivakalisi ezizezakho usebenzise la magama. Cela umhlobo wakho ajonge izivakalisi wakugqiba ukubhala.

namhlanje _____

ngaphaya _____

kakhulu _____

kakubi _____

rhoqo _____



Zenzele isiselo esinqumbululu

Kusemva kwemini yangoMgqibelo kwaye ligqats' ubhobhoyi. UThami usekhaya, ugqiba ukwenza umsebenzi wakhe wesikolo. Umnakwabo omncinci nodade wabo baye ezivenkileni nomama kunye notata wakhe. Uyazi ukuba baza kufika betshe kakhulu lilanga. Angenza ntoni ukubanceda? Uye ekhitshini waze wafumana iresiphi emangalisayo yokwenza isiselo esinqumbululu esinambithekayo esibandayo. Ufunde iresiphi ngokukhawuleza waze wagqiba ekubeni avuyise abantakwabo ngesi siselo xa befika ekhaya ngentsimbi yesi-5.











Izithako

- 1/2 yekomityi yeepesika, amapayina, amaqunube, iimengo okanye iiplamsi
- 3/4 yekomityi yeyogathi
- 1/2 yekomityi yeebhanana ezicujiweyo
- 1 ikomityi yobisi
- 1 icephe leswekile

Indlela yokusenza

1. Chuba iziqhamo
2. Nqunqa iziqhamo zibe ngamasuntswana amancinci
3. Galela zonke izithako ejagini.
4. Xuba zonke izithako zibe sisiselo esinqumbululu.
5. Galela eglasini.
6. Sigcine sibanda efrijini.







Kuqala thetha malunga neempendulo zale mibuzo kwiqela lakho, nize nizibhale phantsi.



Kufuneka uzenze njani iziqhamo?

Ingaba kufuneka ubisi oluninzi okanye iswekile eninzi?

Kufuneka ube neebhanana ezingaphi?

Umhla: _____



Masibhale

Gqibezela ezi zivakalisi ukuze ucacise amanyathelo alandelwe nguThami ekwenzeni isiselo sakhe esinqumbululu.



Kuqala kufuneka u ... _____

Uze u ... _____

Uphinde u ... _____

Ekuggibeleni u ... _____

UThami uza kubanika njani isiselo esinqumbululu?

_____

Ucinga ukuba umnakwabo nodadewabo bazive njani xa befika ekhaya? Kuba kutheni?

_____



Masibhale

Dibanisa ezi zivakalisi zilula wenze izivakalisi ezimbaxa. Sebenzisa amagama akwizibiyeli.

UThami uchuba iziqhamo. UThami ufuna ukwenza isiselo esinqumbululu. **(kuba)**

_____

_____

UThami ugalela iswekile. UThami uxube iziqhamo. **(emva)**

_____

_____

UThami uhleli ekhaya ukuze enze umsebenzi wakhe wesikolo. Wayefuna ukuya ezivenkileni. **(nangona)**

_____

UThami wenze isiselo esinqumbululu. Bekutshisa. **(kuba)**

_____

UThami ukhupha isiselo esinqumbululu efrijini. Besilungele ukuselwa. **(ngexa)**

_____

Isivakalisi esilula siba nentloko nesenzi kwaye sivakalisa uluvo olupheleleyo. *UThami wenza isiselo esinqumbululu.* Isivakalisi esimbaxa sinegatya elizimeleyo elidibene nelinye igatya elixhomekeke kulo. Usebenzisa amagama anjengo: *kuba, njengoko, emva, nangona, ngexa, oko, ngubani okanye eyiphi* ukudibanisa amagatya amabini.

UThami ugalele umxube eglasini emva kokuba ewuxubile.

Okunye malunga nokutya



Zibone ngathi unika uThami imiyalelo malunga nokufuneka ekwenzile phambi kokuba enze isiselo esinqumbululu. Umyalelo wokuqala sele uwenzelwe.

Okokuqala yiya ... ekhitshini.

Uze ufune ...

Uphinde ...

Ekuggibeleni yenza ...



UKalim ebefuna ukwenza iibhisikithi ezinobuso obuhlekisayo. Ubhalele utitshala wakhe i-imeyile ecela imiyalelo. Funda i-imeyile utitshala wakhe amthumelele yona uze uzobe ubuso kwindawo oyenzelweyo.

Iya: 'Thuli Ngoma' tn@lehobo.co.za

Isuka: Kalim@newtownkzn.com 3 Matshi 2014 14:22

Isihloko: Imiyalelo yokuhombisa

Kalim othandekayo

Nazi **izithako** ezifunekayo kunye **namanyathelo** ekufuneka uwalandele ekwenzeni ubuso bakho.

Ziqhelise ukuzoba ubuso ngaphambi kokuba wenze umhombiso wakho.

Izithako

- 2 iikomityi zeswekile yokuhombisa
- 2 amacephe amanzi
- Isitshintshi-mbala sokutya esimthubi
- 1 ipakethe yeebhisikithi iimarie
- Ibhokisi encinci ye-smarties
- 3 amaqhekeza ee-liquorice
- Ipakethe yee-jelly beans
- Izifafazi zetshokholethi

Indlela

1. Sefa amacephe ali-10 eswekile yokuhombisa esityeni; galela amanzi awoneleyo ukuze wenze intlama eyaneleyo yokuqaba.
2. Faka amaqabaza ambalwa esitshintshi-mbala sokutya amthubi, abomvu okanye azuba ukuze ube nombala wobuso obuhlekisayo obuchanekileyo.
3. Sasaza malunga necephe leswekile yokuhombisa kwibhisikithi uze uyiqabe ngemela.
4. Sebenzisa ilekese yesmarties enye enombala ontsundu nenye enombala ozuba wenze amehlo ngazo.
5. Sika intwana ye-liquorice uze uyenze imile okomlomo.
6. Sebenzisa ichaphaza leswekile yokuhombisa eluhlaza ekwenzeni impumlo.
7. Sebenzisa izifafazi zetshokholethi ukwenza iinwele, intshebe namashiyi.
8. Musa ukulibala ukubuzoba kuqala uze ufakele umbala ngaphambi kokuba ubenze!

Ndikunqwenela impumelelo

Nksk. Ngoma

Thumela

Umhla:

Masibhale

Zibone ngathi unguKalim, uze ugqibe ekubeni uthumelele utitshala wakho i-sms umbulele ngoncedo lwakhe.
Sebenzisa la magama kwi-sms yakho.





Masibhale

Umhlobo wakho ukuthumelela izithako zeresiphi ethile. Usebenzise izifinyezo. Bhala ngokutsha izifinyezo ukuze umzala wakho omncinci akwazi ukulandela iresiphi.



Imbiza yesophu



Masithethe

Jonga emfanekisweni uze uphendule imibuzo.

- Ucinga ukuba ungayenza njani isophu yamatye?
- Ucinga ukuba iza kuvakala injani?
- Ubona ntoni kulo mfanekiso enokunika ufifi? malunga nokuba kudityaniswa ntoni na esophini?



Masifunde

Funda isicatshulwa esithathwe kwincwadi ethi *iSophu yamaTye* uze uphendule imibuzo.



Amajoni amathathu ayebuyela ekhaya esuka emfazweni. Ayengatyanga kangangeentsuku ezintathu futhi ayelambe kakhulu. Afika kwingingqi ethile encinci kodwa abantu abahlala kule ndawo abazange bafune ukwabelana nawo ngokutya kwabo baze bafihla yonke inyama yabo, ubisi, iminqatha, ikhaphetshu, ibhali okanye irhasi kunye neetapile.

Xa amajoni ecela ukutya ebantwini bale ndawo, umzi ngamnye waphosisa waze wabanika isizathu sokuba bangabinako ukutya abanokuwapha kona. Amajoni kwafuneka ukuba acinge icebo ukuze abantu bale ngingqi babaphe ukutya.

Ijoni lokuqala lathi, "Bantu abalungileyo!" Abahlali basondela kufutshane.

"Singamajoni amathathu alambileyo kwindawo esingayaziyo. Sinicele ukutya kodwa aninako ukutya. Ngoko ke, kuya kunyanzeleka ukuba senze isophu yamatye."

Isophu yamatye? Oko kungayinto ekufuneka siyazile.

"Okokuqala, sidinga imbiza enkulu kakhulu, amanzi okugalela kunye nomlilo wokubilisa," litsho njalo ijoni.

"Ngoku, ukuba ninganceda ngamatye amathathu angqukuva." Oku bekulula kakhulu ukukufumana.

Amehlo abahlali akhula angqukuva ngexa bebukele amajoni efaka amatye embizeni.

"Nayiphina isophu idinga ityuwa kunye nepepile," atsho njalo amajoni ngexa eqalisa ukuzamisa. Abantwana babaleka ukuya kulanda ityuwa nepepile.

"Amatye anje aye enze isophu emnandi. Kodwa, ukuba bekukho iminqatha, ibiza kuba bhetele kakhulu." UFrancois ubalekile wayolanda iminqatha phantsi kwengubo.

"Isophu emnandi yamatye kufuneka ibe nekhaphetshu," atshilo amajoni esika iminqatha eyifaka embizeni. "Kodwa akuncedi nto ukufuna into ongenayo." UMarie wabaleka ukuya kulanda amagaqa amathathu ekhaphetshu phantsi kwebhedi.

Umhla:

"Ukuba besinenyamana nje encinci yenkomo kunye neetapile ezimbalwa, le sophu ibiza kufaneleka kakhulu etafileni yendoda esisityebi." Abahlali bakhumbula iitapile zabo kunye namasuntswana enyama yenkomo axhonywe kwiisela zabo. Babaleka ukuya kuzilanda.

Isophu yendoda esisityebi – konke oku kusuka ematyeni nje ambalwa. Oku kubonakala ngathi bubugqi!

"Ah," aphefumlela phezulu amajoni ngexa ezamisela ngaphakathi inyama yenkomo neetapile, "ukuba besinebhali nje encinci kunye nekomityi yobisi! Kodwa – akuncedi nto ukufuna into ongenayo."

Abahlali beza nebhali yabo esuka eshedini kunye nobisi lwabo olusuka emaqueleni. Amajoni azamisela ibhali nobisi emhluzini obilayo ngexa abahlali bebukele.

Ekugqibeleni isophu yayilungile. "Xa ninonke niza kuyiva," atsho amajoni.

Kusuku olulandelayo, amajoni ahamba kwaze …

I-elipsis:
Amachokoza amathathu (…) asetyenziselwe ukubonisa ukuba amagama athile okanye iinkcukacha zishiyiwe, azibhalwanga.



Xoxa ngale mibuzo kwiqela lakho uze ubhale phantsi iimpendulo zakho.

Yintoni eyenza isophu ukuba ibe mnandi kangaka? Ingaba yayingamatye?

Kutheni ucinga ukuba amajoni akwazi ukuqhatha abahlali?

Ucinga ukuba okulandelayo amajoni ayaphi?

Sasiyintoni **isizathu** sokuba amajoni acele amatye kunye nezinye izithako?

Zeziphi **izithako** abazisebenzisileyo?

Ngawaphi **amanyathelo** abawalandeleyo ekwenzeni isophu?

Saba yintoni **isiphumo**?

Isophu, isophu, isophu enambithekayo



Masibhale

Khetha uhlobo lwesophu oyenza ekhaya.
Bhala phantsi uluhlu **lwezithako**.
Qinisekisa ukuba awusayi kushiya nanye into.

Bhala phantsi iindlela zokuyenza kwiphetshana usebenzise izivakalisi eziyalelayo ezinjengo- **xuba** izithako kakuhle, nqunqa itswele, **dibanisa** izithako ezimanzi kwizithako ezomileyo. Qiniseka ukuba unika imiyalelo ecacileyo.
Musa ukushiya naliphi na inyathelo.

Fundela iqela lakho le resiphi.
Qinisekisa ukuba wonke umntu uyawazi amanyathelo owathathayo ekwenzeni isophu.

Emva koko, bhala ilinge lokuqala lezithako nendlela yokwenza.
Cela omnye eqeleni lakho ukuba akujongele.



Izithako zesophu yam endiyithandayo



Masibhale

Jonga kwisivakalisi sokugqibela sebali elimalunga nesophu yamatye. Aliphelelanga. Ingaba uyawabona amachaphaza ekupheleni komgca? La machaphaza athetha ukuba ibali aligqitywanga. Bhala umhlathi oqukumbela ibali.

Umhla:



Masithethe

Sebenzisa ibali lesophu yamatye wenze umdlalo weqonga.

- Sebenzani ngokwamaqela enu. Kufuneka kubekho aba badlali balandelayo kumdlalo wakho: amajoni ama-3, abahlali aba-6.
- Ijoni elinye malinike imiyalelo malunga nokufunwa ngamajoni ukuze enze isophu.
- Elinye ijoni malinike imiyalelo malunga nendlela yokwenza isophu.
- Ijoni lesithathu malenze isophu uze uqinisekise ukuba uyayilandela imiyalelo ngokufanelekileyo.
- Qinisekisa ukuba umlinganiswa ngamnye unento ekufuneka eyithethile kwaye bathatha inxaxheba bebonke ekwenzeni isophu.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ucwangcise isincoko sakho
- Bhala ilinge lokuqala
- Cela umhlobo wakho alihlele
- Bhala isincoko sakho ulungise iimpazamo
- Wakugqiba bhala isincoko sakho ngononophelo encwadini yakho.



Masibhale

Bhala phantsi uyilo lomdlalo wakho weqonga.
Sebenzisa ezi zihloko.

Isihloko

Umboniso

Chaza ukuba umboniso uphi futhi unini.

Abalinganiswa

Chaza ukuba ngabaphi abalinganiswa abakhoyo kumboniso ekuqaleni. Nika inkcazelo engephi malunga nabo. Oku ingayiminyaka yabo, umsebenzi abawenzayo okanye unxulumano oluphakathi kwabalinganiswa.

Isakhiwo sebali (iplothi)

Umfuniselo ngemibala



Masithethe

- Yintoni umnyama?
- Uwubona nini umnyama esibhakabhakeni?
- Yeyiphi imibala yomnyama?
- Yenziwa yintoni iminyama?





Masifunde Funda esi sicatshulwa nize nixoxe ngaso kwiqela lenu.

Uyakholelwa ukuba yonke imibala esibhakabhakeni yenziwa ziindlela ezahlukeneyo oluthi uthuli olusemoyeni lubengezele kwaye lufunxe ngazo ilanga? Ukuba wenza lo mfuziselo ulula, uya kukwazi ukuzibonela ukuba oku kuyinyani na okanye akunjalo.

Iziphumo akuhlali kulula ukuzibona ngoko ke kufuneka lo mfuniselo uwenzele etafileni kwigumbi elimnyama thsu.

Gcwalisa iglasi ngamanzi uze ugalele i-½ t yobisi emanzini. Bamba ithotshi kufutshane neglasi. Khanyisa ithotshi eglasini kwii-engile ezahlukeneyo uze ubukele indlela umbala wamanzi anobisi otshintsha ngawo kancinane.

Galela enye i-½ t yobisi uze ujonge ukuba kwenzeka ntoni na.

Okokugqibela, galela enye i-1 t yobisi. Yehlisa usonyusa ithotshi. Khanyisa ithotshi kwiinkalo ezahlukeneyo ezininzi. Jonga ukuba kwenzeka ntoni na.



Masibhale Khetha esona sihloko sifanelekileyo sesi sicatshulwa uze uchaze ukuba kutheni ucinga ukuba sesona sifanelekileyo.

Imibala eyahlukeneyo esibhakabhakeni | Umfuniselo wemibala | Indalo yethu iyonke

- Krwela umgca phantsi kwawo onke amagama ayalelayo (iziyaleli) ngombala obomvu.
- Bhala amagama akwitshathi engezantsi ngendlela efanelekileyo.

Umhla: _____



Tshatisa amagama akwisicatshulwa angasekhohlo kunye neentsingiselo zawo ezingasekunene.

Bhala amagama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

Amagama	Intsingiselo
amasuntswana	uluhlu
bengezela	sebenza
funxa	hayi kakhulu
kancinci	tsala
qhuba	menyezela
iindidi	amaqhekeza amancinane





Biyela ngesangqa esibomvu isihlomelo sendawo esikwisicatshulwa. Ngoku bhala izivakalisi ezizezakho usebenzise izihlomelo zendawo.

Imibala esesibhakabhakeni yenziwa kukubengezela kwelanga kuthuli olusemoyeni. _____

Kufuneka wenzele umfuniselo wakho etafileni. _____

Zivalele egumbini elimnyama thsu. _____

Galela itisipuni yobisi emanzini. _____

Bamba ithotshi kufutshane negilasi. _____



Fakela umbala kulo mnyama. Wakugqiba fakela iziphawuli ezichanekileyo kuwo ngesiphawuli esichanekileyo kumnyama.

bomvu	zuba okwesibhakabhaka	bomvu	mthendevu	orenji
mthubi	luhlaza	mnyama	ntsundu	zuba
orenji	mnyama	mhlophe	ngwevu	msobo

Bhala izivakalisi ezizezakho usebenzise iziphawuli zemibala ezithathu ongakhange uzisebenzise kumnyama.

_____

_____

_____

Hlela izinto



Sebenza nomhlobo. Omnye wenu kufuneka anike imiyalelo aze omnye alandele. Jonga ukuze ubone ukuba umhlobo wakho uyilandele ngokufanelekileyo na imiyalelo. Sebenzisa iphetshana elikwiphepha elilandelayo.

1. Bhala igama lakho lokuqala kumgca wokugqibela wephepha kwimajini engakwisandla sasekhohlo.
2. Kumgca wokuqala wephepha, bhala amanani uqale ku-1 uye kwi-9. Qala ngasekhohlo uze ubhale amanani. Shiya isithuba phakathi kwenani ngalinye.
3. Biyela ngesangqa inani 6.
4. Zoba inkwenkwezi phezulu kwikona esekhohlo yephepha.
5. Songa iphepha lakho ehafini ngokobude balo.
6. Vula iphepha lakho, uze ulisonge linqumleze embindini.
7. Sebenzisa incam yepenisile yakho ugqobhoze umngxuma embindini wephepha (apho kudibana khona ukusongwa okubini).
8. Zoba intliziyo ijikeleze umngxuma owenzileyo ephepheni lakho.
9. Bhala unobumba wokuqala wefani yakho kwikona ephezulu engasekunene yephepha.
10. Kumgca wokugqibela wephepha, bhala igama elithi *ndigqibile* kufutshane nemajini.



Ukumdlalo weqonga owaziwayo othi *Isidalwa Somnyama*. Umama wakho kufuneka enze impahla yalo mdlalo. Landela imiyalelo ekwiphepha elilandelayo ukuze uzobe le mpahla, fakela umbala uze uyiphawule ukuze ukwazi ukuyinika umama wakho.

Umhla:

- ihempe enombala oqaqambileyo obomvu
- oothayithi abanombala oluhlaza oqaqambileyo
- umnqwazi o-orenji oxande oneentsiba ezimbini ezifakwe kumphezulu wawo
- izihlangu ezitsolo ezimthubi ezinemitya eluhlaza
- iindlebe ezitsolo ezi-indigo ngombala
- ibhanti elimfusa-bubomvu

Yifeshini ngenene



Masithethe

Wakhe wabamba udliwano-ndlebe nomnye umntu?
Ukuba wakhe walubamba, xelela iqela lakho ukuba walubamba nabani, xa kwakutheni. Ukuba akunjalo, xelela iqela ukuba ungathanda ukubamba udliwano-ndlebe nabani, kuba kutheni.
Yeyiphi imibuzo onokuyibuza umntu owayengumyili wefeshini?
Ngaphandle kodliwano-ndlebe, ngabaphi abanye oovimba onokubasebenzisa ukuze wazi banzi ngomyili wefeshini?



Masifunde

Funda olu dliwano-ndlebe olwenziwe nguXoli Mtshali osuka kwimagazini i-*Seventeen* kunye no-Henry Holland, umyili osuka eLondon osebenzela iivenkile zakwa-Mr Print.

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

XM: Waqala njani ukusebenza no-Mr Print?

HH: Kukho umntu oweza kum eLondon. Zange ndeva nto ngo-Mr Print kodwa ndathi ndakuqalisa ukwenza uphando, ndaze ndabona ukuba bangakanani na abemi boMzantsi Afrika abaluthandayo uhlobo lwebrendi, ndacinga ukuba iya kuba yindlela elungileyo yam ukuba ndingene kolu rhwebo.



XM: Sesiphi isikipa sakwa-Mr Print osithanda kakhulu?

HH: Owu, amalaphu anezilwanyana ndiwathanda kakhulu!

XM: Uyaziwa ngokuyila izikipa ezimangalisayo. Ungacebisa uthini ngokwenza isikipa sibonakale sinomahluko kwezinye.

HH: Kuninzi kakhulu ongakhetha kuko. Zinxibe namaso anqabileyo okanye izihombiso. Nam ndicinga ukuba kuhle kakhulu ukunxiba isikipa kunye nento engalindelekanga enjengesiketi esineentsiba.



XM: Ucinga ntoni ngesimbo saseMzantsi Afrika?

HH: Ndiyayithanda indlela uMzantsi Afrika oyamkela ngayo imibala namalaphu. Kuyonwabisa oko kakhulu. Maninzi kakhulu amazwe apho abantu boyikayo ukunxiba izinto ezimibala-bala.

XM: Uyakuthanda ukufunda?

HH: Ndityelela kwiindawo ezininzi kakhulu futhi ndiyazithanda iimagazini. Zinika umfanekiso wezinto eziphambili efeshinini nangeliphi na ixesha.



XM: Waqala njengentatheli waze waya kuyilo lwezikipa. Ngoku ungumyili wefeshini owaziwayo. Ingaba unazo iingcebiso kubayili abasakhasayo?

HH: Ndicinga ukuba ulutsha kufuneka lwenze uphando kushishino lwefeshini luze lujonge iindlela ezahlukeneyo zokusebenza kolu shishino. Ungangumyili okanye umazisi wefeshini okanye umthengi!



XM: Gqibezela oku kulandelayo: Xa ndandineminyaka eli-14 …

HH: Ndandingazi ukuba ndiza kwenza ntoni na. Kodwa ndandisoloko ndinomdla kwifeshini!

Umhla:



Masibhale

Xoxani ngemibuzo kumaqela enu nize nibhale phantsi iimpendulo.



UXoli Mtshali usebenzela bani?

Ubambe udliwano-ndlebe nabani?

Ucinga ukuba ngubani oya kuba nomdla ekufundeni olu dliwano-ndlebe?

Ibiyintoni injongo yodliwano-ndlebe?

Yeyiphi into yokunxiba abathetha ngayo?



Masibhale

Cinga imibuzo emithathu ongathanda ukuyibuza uHenry Holland. Ungalibali ukuqala imibuzo yakho ngonobumba omkhulu uze uyiphethe ngophawu lombuzo.







Masibhale

Bhala ezi zivakalisi zibe kwintetho-ngqo.

UHenry Holland uthi wakuthanda ukusebenza nabayili baseMzantsi Afrika.

UHenry Holland uthi, “

UXoli Mtshali uthi uHenry Holland ngumyili odumileyo wefeshini.

UXoli Mtshali uthi, “

Okunye malunga nezikipha

UHenry Holland no-Mr Print badibanise iitalente zabo zobugcisa noshishino ekuyileni ileyibheli entsha yezikipa. Izikipa zibe yimpumelelo enkulu kakhulu. Inxenye yempumelelo yabo ibangelwe kukusebenzisa kwabo abayili abasakhulayo uFlora noTina be-Floral Designs. U-Mr Print ufuna babhale inqaku malunga nefeshini yolutsha.





Bhala phantsi izihloko ezithathu zefeshini abanokubhala ngazo bebhalela abantu abaneminyaka eli-11 ne-12 ubudala.



Ugqiba ekubeni ubhale inqaku elithi, *Ukuthiya okanye ukungathiyi*. Ukuze ukwazi ukubhala eli nqaku kufuneka ube nodliwano-ndlebe nabantu abathile uze usebenzise oovimba.
Ucinga ukuba ungalubamba nabani udliwano-ndlebe? Bhala phantsi imithombo yolwazi emibini eyahlukeneyo, njengabantwana, iivenkile okanye abayili. Nika isizathu sokuba ukhethe le mithombo yolwazi uyibhalileyo.

Iindidi ezimbini zemibuzo

umbuzo: ngolindela impendulo engu-ewe okanye hayi.

umbuzo ovuliweyo: impendulo ifuna ukucinga okuzikisayo kwaye iya kunika izimvo neemvakalelo.



Ubamba udliwano-ndlebe nabantwana abaneminyaka eli-12 kuba ufuna ukwazi ukuba yintoni ebalulekileyo kubo xa bethenga iimpahla. Ingaba ixabiso libalulekile? Ingaba ivenkile abathenga kuyo iimpahla zabo ibalulekile? Kokuphi okubaluleke kakhulu, ukuba sefeshinini okanye ukuziva ukhululekile? Ingaba kubalulekile ukuthenga into ethile eyaziwa kakhulu? Ingaba bafuna iimpahla eziza kuhlala ixesha elide okanye ixesha elithile kuphela? Ngubani owenza isigqibo sokuba kufuneka bathenge ntoni – ngabo okanye ngoomama babo?

Bhala imibuzo yakho apha. Bhala imibuzo emibini evalekileyo nemibuzo emibini evulekileyo.

Umhla:



Masibhale

Emva kokubamba udliwano-ndlebe neqela elineminyaka eli-12 ubudala, uthatha iinkcukacha zophando lwakho uze uzobe igrafu esekelwe kuzo.





Uqaphela ntoni ngezikipha ezingahonjiswanga nezineepateni ezithengiswa eNtwasahlobo naseBusika?

Zingaphi izikipa eziphuma kwamanye amazwe ezithengisiweyo zizonke?
Zingapi izikipha zengingqi ezithengisiweyo? Yintoni umahluko?

Ucinga ukuba kutheni izikipa eziphuma kwamanye amazwe zithandwa kakhulu nje eNtwasahlobo?

Ingaba ucinga ukuba abantwana bakhetha izikipa ezineleyibheli okanye izikipha ezinophawu oluthile? Nika isizathu sempendulo yakho.

Bangaphi abantwana abakhethe izikipa eziphuma kwamanye amazwe kunezo zenziwa ekhaya? ___

Bangaphi abantwana abathenge izikipa ezingahonjiswanga eNtwasahlobo?

Bangaphi abantwana abathenge izikipa ezingahonjiswanga eBusika?

Kutheni kunjalo? _____

Bhala imigca embalwa echaza ukuba yintoni engenye oyifumanisileyo kuphando lwakho.



Ukufunda ngevolibholi



Masithethe

Xelela iqela lakho ukuba udlala owuphi umdlalo. Baxelele ukuba ithini na imithetho yomdlalo. Sebenzisa isixando sokwenza.



Isixando sokwenza: Intloko yesivakalisi yenza isenzo esichazwa sisenzi.
Umzekelo: Intombazana ibetha ibhola.



Masifunde

Ibala levolibholi eHout Bay liphilile futhi linamakhwenkwe namantombazana adlala khona. Yintoni ebazisa kulo mdlalo?

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Isaziso ephepheni

Malunga neminyaka emibini eyadlulayo, amapolisa aseHout Bay ayekhathazekile yimiguvela eyayigqugqisa kulo mmandla kwaye babekholelwa ekubeni ukuba banokwenza ulutsha lube nomdla kwimidlalo oko kunganciphisa amathuba okuzibandakanya nemigulukudu. Ke ngoko bakhupha isaziso kwiphephandaba becela abantu abanomdla wokuqeqesha ulutsha kwimidlalo ukuba baqhagamshelane nawo.

UAmanda Coetzee wasibona eso saziso waze wafowuna. "Ndingu-anti omhlophe owayedlala ivolibholi," wawaxelela amapolisa. "Kulungile," batsho njalo. "Masiqalise." Waqalisa njalo ke uAmanda njengomqeqeshi wevolibholi.

Saphela isithukuthezi kwayivolibholi

Ngosuku lokuqala kwiholo yesikolo, amakhwenkwe anyubelezayo akhangeleka edikiwe. Kodwa amanye ayenomdla aze axelela amanye ukuba baze kudlala. UAmanda wafumana iinkampani eziza kumxhasa ngemali yokuthenga izixhobo. Ekugqibeleni kwabakho amaqela amabini aze aqalisa ukudlala namaqela asuka eMuizenberg, kwi-Cape Flats naseKhayelitsha.

Kwavela imbalasane

UAmanda uthi eyona mbalasane ibe nempumelelo neselula nguThandi Nkomo. Uneminyaka eli-11 ubudala kwaye wayedlalele iphondo kwiqela labangaphantsi kwe-14. Eli qela ladlala nakwimidlalo kamagqibela kankqoyi yephondo kodwa labethwa liqela lase-Algoa Bay.



Iyakhawuleza, iyonwabisa futhi imnandi

UThandi wayeka ukudlala ihoki waqalisa ivolibholi. Uthi, "Ivolibholi iyakhawuleza futhi iyonwabisa kakhulu. Imnandi."

Amaqela aseHout Bay azilolonga kabini okanye kathathu ngeveki. Kodwa uThandi wayezilolonga rhoqo de kutshone ilanga. Wayekwenza oku kuba ewuthanda lo mdlalo futhi enezicwangciso ezikhulu ngekamva lakhe.

Umhla:



Masibhale

Kwakuthemi ukuze kuqale ivolibholi eHoutbay? _____

Ingaba amaqela akhe aphumelela? _____

Banexesha elingakanani bedlala ivolibholi? _____

Ucinga ukuba esi sicathshulwa sisuka phi?
Khetha enye kwezi zilandelayo uze unike izizathu zempendulo yakho.
1. Ibali 2. Umdlalo weqonga 3. Iphepha-ndaba

_____

Nika esi sicatshulwa isihloko. _____



Masibhale

Funda okuthethwa nguAmanda malunga nevolibholi nemidlalo.
Bhala intetho yakhe njengengxelo-ntetho.

"Ndidlale kakhulu ivolibholi ndisakhula."

Wathi _____

"Kufuneka senze ulutsha lube nomdla kwezemidlalo ukuze bomelele kwaye baphile qete."

Wathi _____

Masibhale

Sebenzisa izihlanganisi ukuze uhlanganise ezi zivakalisi. Qinisekisa ukuba, xa kuyimfuneko, usebenzisa izimelabizo ezifanelekileyo.

ukuze kwayelaze kodwa

UThandi unezicwangciso ezikhulu zexesha elizayo. UThandi unethemba lokugqiba isikolo eneziphumo ezihle zematriki. UThandi uyincutshe kwivolibholi. UThandi ufuna ukudlalela uMzantsi Afrika. UThandi uzilolonga ngokuzimisela. UThandi akayivumeli ivolibholi ukuba iphazamise umsebenzi wakhe wesikolo. UThandi mde. Amanye amalungu eqela ayazama ukunika uThandi ibhola ukuze afake inqaku.

_____

_____

_____

Okunye malunga nemidlalo



Masibhale Gqibezela umhlathi wokugqibela webali elimalunga noThandi, uchaze ukuba zeziphi izicwangciso ocinga ukuba unazo. Bhala izivakalisi ezithathu ubuncinane.



Masibhale Gqibezela itheyibhile engezantsi
Bhala malunga nezemidlalo. Ungakhetha nawuphina umdlalo owuthandayo.

Igama lomdlalo	
Inani labantu abafunekayo kulo mdlalo	
Izixhobo ezifunekayo	
Umgangatho wobunzima: lula, nzima, nzima kakhulu	
Umthetho omnye wezemidlalo	



Masibhale Zibone ngathi ubambe udliwano-ndlebe noThandi usenzela imagazini yesikolo sakho. Gqibezela udliwano-ndlebe. Sebenzisa la magama alandelayo emibuzo: ngubani, yintoni, phi, nini.

Intatheli

Ndiyakholelwa ekubeni ungomnye weembalasane zeqela lakho levolibholi. Liyintoni iihlebo lempumelelo yakho?

UThandi

Intatheli

Zithini izicwangciso zakho zexesha elizayo?

UThandi

Intatheli

UThandi

Umhla:



Funda kwakhona isicatshulwa esimalunga noThandi. Le ngcaciso ibhalwe phantsi kwezihloko ezahlukeneyo nezidweliswe ngezantsi. Ecaleni kwesihloko ngasinye, shwankathela ulwazi olufumana kwisihloko ngesivakalisi esinye.

Isaziso ephepheni	
Ukusuka kwisithukuthezi ukuya kwivolibholi	
Imbalasane	
Iyakhawuleza, iyonwabisa futhi imnandi	



Ixesha eladlulayo nelizayo.

Ixesha **eladlulayo** lakhiwa ngokufakela isakhi sexesha eladlulayo u - a phambi kwesiqu sesenzi

Ixesha **elizayo lakhiwa** ngokusebenzisa intsiza-senzi u- ya okanye u-za.



Jonga kulo mfanekiso wabantu owufote epakini. Ngosuku olulandelayo esikolweni, ubonisa umhlobo wakho lo mfanekiso uze umxelele ukuba abantu bebesenza ntoni na. Sebenzisa ixesha eladlulayo. Bhala phantsi okuxelele umhlobo wakho.

Umzekelo Amakhwenkwe ayekhwele iibhayisekile zawo.

Yenza ngathi izenzo ezisemfanekisweni ziza kwenzeka ngosuku olulandelayo. Bhala ezi zivakalisi kwixesha elizayo.

Umzekelo Amakhwenkwe aza kukhwela iibhayisekile zawo.

Inyosi edanisayo



Masithethe

Jonga imifanekiso nize nithethe ngayo.
Ingaba iinyosi zisebenza zodwa okanye zisebenza kunye nezinye iinyosi?
Kutheni ucinga ukuba oko kunjalo?
Zeziphi izinto eziyinzuzo ekusebenzisaneni kwakho nabanye?
Ingaba uyakuthanda ukusebenza kunye nabanye abantu okanye uthanda ukusebenza wedwa? Chaza ukuba kutheni.



Masifunde **Iinyosi ezidanisayo**

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Yiba nomfanekiso wemini efudumeleyo yehlobo. Uhleli phandle elangeni, umana urhabula isiselo esibandayo. Yonke into izolile ngaphandle kwengxolwana ebhubhuzayo etsholo phantsi. Ukubhubhuza kuyaphela. Wolula isandla sakho ukuze uthathe isiselo sakho esibandayo suka uyibone; isinambuzane esimdaka esinoboyana sikhotha udini olu lweglasi. Yinyosi! Phofu yinyosi eyintlola, umsebenzi wayo kukukhangelela ezinye iinyosi ezikwindlu yeenyosi ukutya.

Into yokuqala eyenzayo xa ibuyela kwindlu yeenyosi kukuvuselela ezinye iinyosi. Ikwenza oku ngokubaleka isenza izangqa ezincinci.





Xa inyosi isenza umdaniso wayo, ingashukumisa nomzimba wayo. Zonke iinyosi ziyangungelana zijoje ijusi ekwinyosi eyintlola ngeempondo zazo.

Ukuba iinyosi ziyayithanda incasa kunye nevumba lesiselo sakho zibek' iindlebe kwinyosi eyintlola. Inyosi eyintlola iyaqhuba ithethe nazo ngokuzidanisela inyakazisa umzimba. Ukuba ikhawulezisa kakhulu ukushukumisa umzimba wayo, ukutya kukude kakhulu.

Umhla: _____



Ucinga ukuba esi sicatshulwa sivela phi? Phawula impendulo yakho.

	Kwiphepha-ndaba		Incwadi yamabali		*Kwi-National Geographic for Children*

Kutheni inyosi ifike yangcamla isiselo esibandayo sentombazana? _____

Kutheni le nyosi ibuyela endlwini yayo nje? _____

Zenza ntoni ezinye iinyosi ukubonisa ukuba ziyakuthanda okufunyenwe yinyosi eyintlola?

_____

Athetha ukuthini amagama athi, "ukuqwalasela kakhulu"? Phawula ibe nye kwezi zilandelayo.

	ukujonga ngononophelo olukhulu		ukuba kufutshane kangangoko kunye nenyosi		ukugxalathelana kufutshane nenyosi

Zenza ntoni iinyosi ukubonisa ukuba ukutya kukude kakhulu okanye kukufutshane?

_____



Kumqolo ngamnye, tshatisa igama lokuqala kunye negama elithetha into efanayo. Amanye ala magama kulo mqolo athetha phantse into enye. Khetha elona lingcono. Bhala amagama angqindilili kunye namagama ahambelana nawo kwisichazi-magama sakho.

udini	fumana	isakhelo	umphetho	umda
uvimba	unobangela	intwasahlobo	isisele	nikezela
Inyosi eyintlola	umzingeli	Isilwanyana esiphila ngenyama ebolileyo (iskavenja)	umfumani	umfuni



Ezi zivakalisi zahlulwe zangamabinzana axubeneyo. Tshatisa amabinzana ahambelanayo.

linyosi	uza kubukela	endlwini yazo.
Umfundi	uza kutya	isonka sakhe sobusi
Abanye abantwana	bebezama	ukuphakula ubusi endlwini yeenyosi.
Utitshala wam	bezibhubhuza	inkqubo ebalisa ngeenyosi kumabonakude.



Bhala ezi zivakalisi zibe kwisixando sokwenziwa.

linyosi zilume intombazana.

_____

linyosi zenze ubusi.

_____

Isixando sokwenza nesokwenziwa
Isivakalisi sibhalwa **kwisixando sokwenza** xa intloko yesivakalisi isenza isenzo kwisivakalisi, umz. *intombazana ibetha inja.*

Isixando sokwenziwa sisetyenziswa xa kugxininiswa injongosenzi ze ibesekuqaleni kwesivakalisi. Sakhiwa ngokufakela isimamva u-wa kwisenzi. Umz. Inja ibethwa yintombazana.

Ukucinga ngeenyosi nobusi



Lungisa ezi zivakalisi zilandelelane ngendlela efanelekileyo. Faka iinombolo uqale ku-1 uye kwisi-6.



	Masenze isonka esimnandi sobusi
	Sika isonka ehafini.
	Sitye ngokukhawuleza.
	Thontsiza intwana yobusi kwisilayi esiqatyiweyo sesonka.
	Beka isilayi esingaqatywanga ngaphezu kwesinye.
	Qaba isilayi esinye sesonka ngemela yokuqaba.
	Thatha izilayi ezibini zesonka.



Ingaba uyazibona iibhokisi ezingenanto kulo mfanekiso wenyosi? Zilungiselelwe ukuphawula umfanekiso ngokubhala igama elichanekileyo kwibhokisi nganye.

1. **ulwimi olungathi yityhubhu**
2. **iphiko**
3. **intloko**
4. **iliso**
5. **imilenze**
6. **iimpondo**

Phawula umfanekiso ngamagama adwelisiweyo.

Inyosi yobusi





Sebenzisa amagama asebhokisini ubhale umhlathi ngamalungu enyosi. Qinisekisa ukuba umhlathi wakho unesivakalisi esiyintloko kunye nezivakalisi ezixhasayo, nokuba usebenzisa izihlanganisi ukudibanisa izivakalisi.

Umhla:



Masibhale

UJimmy unomdla ezinyosini futhi uye wacelwa ukuba abhale ingxelo malunga nazo. Kodwa ke, kukhona okungahambanga ngendlela kwaye iinkcukacha ezikwingxelo yakhe azimanga ngendlela efanelekileyo. Bhala le ngxelo kwakhona uze uqinisekise ukuba inezi nkcukacha zilandelayo:

- Isihloko
- Intshayelelo
- Inkcazelo engenkangeleko yenyosi
- Iinkcukacha malunga nalapho ihlala khona
- Iinkcukacha malunga nekwenzayo
- Isiphelo esishwankathela ingxelo

Emva kokuba uyilungise ngokutsha ingxelo, yenza oku kulandelayo:

- Krwela umgca ozuba phantsi kweziphawuli ezichazayo.
- Fakela isangqa kwizimelabizo.
- Krwela umgca obomvu phantsi kwezenzi.
- Krwela umgca oluhlaza phantsi kwamagama achaza inkangeleko yeenyosi.

Ezi nyosi ziqokelela incindi yobusi. Zidanisa kumakhaphela obusi ngendlela yokubonisa ezinye iinyosi apho zikhoyo ezona ntyatyambo zilungele ubusi. Iinyosi zobusi zingabhabha umgama ongama- 20 000 km ukuya kuqokelela incindi eyaneleyo yama-500 g obusi.

Inyosi yobusi inombala oqaqambileyo omthubi na-orenji. Inobude obuli-12 mm nemilenze emithandathu. Inyosi yobusi inamalungu amathathu ahlukeneyo emzimbeni wayo.

Inyosi yobusi

Esi sinambuzane sihlala kuzo zonke iindawo zaseMzantsi Afrika. Inyosi yobusi sisinambuzane.

Abantu abaninzi bayabuthanda ubusi iinyosi ezibusebenzela nzima kangaka.

Ikhangaru emangalisayo



Iikhangaru zihlala kuphela e-Australia. Ingaba uyasazi isilwanyana esihlala eMzantsi Afrika kuphela? Chaza isilwanyana eso kwiqela lakho.
Ingaba ikhona into oyaziyo malunga neekhangaru? Ukuba kunjalo, yintoni?
Jonga emifanekisweni yeekhangaru nize nithethe ngazo.



Dibana nekhangaru – umama ongummangaliso nomngcilezi ohamba ngesantya esiphezulu kakhulu

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ukuba ubani ebenokukucela ukuba ukhe uphuphe ngesona silwanyana sinembonakalo efana yodwa, mhlawumbi ubuya kufumana ubunzima ukucinga ngesilwanyana esingaqhelekanga nesinika umdla ngaphezu kwekhangaru.

Iikhangaru zihlala e-Australia. Zitya ingca kwaye zihamba-hamba ngokungcileza. Zikhawuleza kakhulu kwaye zingahamba iikhilomitha ezingama-60 ngeyure (zibaleka ngaphezu kwehashe). Zingatsiba kangangeemitha ezintathu ukuya phezulu.

Ikhangaru isebenzisa amazinyo ayo amabini angaphambili xa ihlafuna. Xa la mazinyo ephelelwe, ayawa. Kuphuma amanye amazinyo amabini kweziya ndawo zalawa madala. Ithi ikhangaru ifikelela kwiminyaka engama-20 ubudala, ibe sele isebenzisa amazinyo ayo okugqibela.

Ikhangaru eyimazi inesingxobo. Ithwala umntwana wayo, nowaziwa ngokuba yi-"joey", ngesi singxobo ade abe uyakwazi ukuzikhathalela.

Indlela ekhula ngayo i-joey.

Emva kweentsuku ezingamashumi amathathu anesithathu zokukhula ngaphakathi kwisibeleko sikamama wayo, usana luyazalwa. Eli thole liyi-joey liba malunga neesentimitha ezintathu ubude. Kuxa imilenze yangasemva iqalayo ukukhula.



Imilenze yangaphambili, nemincinci kakhulu, yomelele ngokwaneleyo ekuyincedeni ukuba igwencele kwisingxobo sikamama wayo. Ihlala kweso singxobo ngaphezu kweenyanga ezintandathu, incanca ubisi kumama wayo. Ngeli xesha, ikhula ukusuka kwintshulube engaboniyo epinki ide ibe yikhangaru encinci enoboya. Imilenze yangaphambili neyangasemva ikhula yomelele. Iindlebe, amehlo nempumlo nazo zikhula ngokugqibeleleyo.



Ngummangaliso womama kambe ikhangaru.

Umhla: _____



Masibhale

Ingaba ucinga ukuba ikhangaru sisilwanyana esikhangeleka sihlekisa? Kuba kutheni?

_____

Ingaba kutheni amazinyo ekhangaru ohlukile kwawakho amazinyo?

_____

Ihamba njani ikhangaru?

_____

Ucinga ukuba iikhangaru zingoomama abalungileyo? Ngoba kutheni?

_____

Ibaleka ngesantya esingakanani ikhangaru?

_____

Umntwana wekhangaru ubizwa ngokuba yintoni?

_____

Kutheni umama enesingxobo nje?

_____

Ingaba uhlala ixesha elingakanani umntwana wekhangaru kwisingxoba sikamama wakhe?

_____



Masibhale

Khetha igama kumgca ngamnye elinentsingiselo esondeleyo negama elibhalwe ngqindilili. Bhala la magama angqindilili kwisichazi-magama.

mangalisa	hlekisa	ayiqhelekanga	ngaphandle	hlekisa
iphawutshi	ibhegi	ipesi	ingxowana	ipokotho
iyathabathekisa	entle	umdla	intle	funxa
ukuphuhlisa	khula	yandisa	yandisa	yenza banzi



Masibhale

Tshintsha ezi zivakalisi zibe yimibuzo. Qalisa umbuzo ngamnye ngegama elikwizibiyeli. Musa ukululibala uphawu lombuzo.

Umzekelo likhangaru zihlala eAustralia kuphela. (**ingaba**) *Ingaba likhangaru zihlala eAustralia kuphela?*

likhangaru zitya ingca, amaqunube namandongomane. (ntoni)

_____

likhangaru zixhuma kangangemitha ezintathu ukuya phezulu. (njani)

_____

Ukucinga ngeekhangaru



Masibhale

Sebenzisa iinkcukacha ezisebhokisini ubhale umhlathi malunga nekhangaru.

Igama:	khangaru
Ubude:	0,6-1,5 m
Ubunzima:	18-95 kg
Isantya esiphezulu:	55 km/h
Ziphila ixesha elingakanani:	9-20 iminyaka
Umbala:	mthubi-bomvu, mdaka, ngwevu
Ukutya ezikuthandayo	ingca



- Sebenzisa isazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni isincoko sakho
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.



Masibhale

Umama wekhangaru ukhathazekile malunga nosana lwakhe. Uyalubiza luze lungcileze ukuza kuye. Gcwalisa okushiyekileyo. Sebenzisa iimpawu zezikhuzo.

IKHANGARU: Ndikuxelele ukuba kufuneka ubuyele esingxobeni sam ngecala emva kwentsimbi yesihlanu. Uyazi ukuba kuba mnyama msinyane ebusika kwaye akukhuselekanga ukuba ngaphandle ebusuku!

USANA: _____

IKHANGARU: _____

USANA: Owu Mama, bendisazonwabisa. Singatya isidlo sangokuhlwa ngoku?

IKHANGARU: _____

USANA: _____

IKHANGARU: _____

USANA: Ulale kamnandi. Ndiyakuthanda!

Umhla:

Ingxelo engam!



Masibhale **Ingaba uzazi kangakanani?**

Yenza ngathi uyintatheli yemagazini. Ungayibhala ingxelo emalunga nawe? Ungathini? Nantsi indlela yokuzazi.
Phantsi kwesihloko ngasinye kwezi zingezantsi, dwelisa izinto onomdla wazo, iimpawu, izinto okwaziyo ukuzenza nokuxabiseka.

Izinto endinomdla kuzo

Imizekelo: ukudlala ivolibholi, ukuzoba, ukupheka



Izinto endikwaziyo ukuzenza neetalente zam

Imizekelo: iphiko elibalaseleyo, ndiyakwazi kakhulu ukubalisa izinto ezihlekisayo, ukufunda ngeekhompiyutha.



Iimpawu zam

Imizekelo: inkathalelo, ukuthanda ukuhamba, ukuthula, ukuphaphama



Ukuxabiseka kwam

Imizekelo: ukunyaniseka, ukuthembeka, ukusebenza nzima



Zihlole



Ndiyakwazi		
ukusebenza neqela ndiphawule izizathu zokusebenza nabanye		
ukuthatha inxaxheba kudliwano-ndlebe		
ukufunda amagama anengcaciso		
ukuphendula imibuzo esekelwe kumagama anengcaciso		
ukuqokelela ulwazi ndize ndiseke imibuzo		
ukusebenzisa iimpawu ezifanelekileyo zeziphumlisi		
ukuhlahlela iinkcukacha ezikwigrafu		
ukubhala kwingxelo-ntetho ndisebenzisa iimpawu zocaphulo		
ukubhala imibuzo evulekileyo nevalekileyo		
ukuseka uluvo futhi ndinike izizathu		
ukushwankathela iinkcukacha ezikwigrafu		
ukusebenzisa isixando sokwenza nesixando sokwenziwa		
ukufunda ingxelo, ukuxela isihloko sengxelo nokubhala ingxelo		
ukutshatisa amagama neentsingiselo zawo		
ukusebenzisa izihlanganisi ukudibanisa izivakalisi futhi ndisebenzise izimelabizo ezichanekileyo		
ukubhala umhlathi ukugqibezela amagama		
ukugcwalisa itheyibhile		
ukusebenzisa imifanekiso ekubhaleni amagama		
ukugqiba udliwano-ndlebe ndisebenzisa amagama ayimibuzo efanelekileyo		
ukushwankathela ulwazi		
ukusebenzisa ixesha eladlulayo nelizayo		
ukuphawula imvelaphi yamagama		
ukutshatisa amalungu esivakalisi		
ukubhala izivakalisi ndisebenzisa isixando sokwenziwa		
ukulungelelanisa iinkcukacha		
ukuphawula umfanekiso		
ukubhala umhlathi wenene ndiqinisekisa ukuba kukho isivakalisi esiyintloko nezivakalisi ezixhasayo		
ukuphawula iziphawuli, izimelabizo, izenzi namagama abuzayo		
ukutshintsha iingxelo zibe yimibuzo		

Umhla:

Izi qu lath o

Umxholo 4: Okuyinyani nokuyingqikelelo



Ukucinga ngehlabathi
Ikota yesi-2: liveki 5-6

49 Masenze isingqisho 104
Uthatha inxaxheba kwiingxoxo zeqela.
Ufunda iilimerikhi.
Uchaza ukwakhiwa kombongo oyilimerikhi.
Uvakalisa uluvo lwakhe.
Uphendula imibuzo ethile.
Ufunda umbongo ngokukhawuleza.

50 Imvano-siphelo 107
Uchaza amagama anemvano-siphelo
Ubhala izivakalisi ezinemvano-siphelo.
Usebenzisa izifaniso kwizivakalisi.
Uchaza iipatheni zemvano-siphelo.
Ubhala eyakhe ilimerikhi.
Uchaza izingqisho zamalungu amagama.

51 Eminye imibongo 108
Uthetha ngexesha lonyaka alithandayo.
Ufunda umbongo ongokwindla.
Uphendula imibuzo ethile ngombongo.
Uchaza iintsingiselo zamabinzana.
Utshatisa amagama neentsingiselo zawo.
Uchaza isimntwiso.
Ubhala umbongo wakhe asebenzise isimntwiso.

52 Sisebenza ngamagama 110
Uchonga amagama anemvano-siphelo embongweni.
Ubhala amagama achaza ihlobo.
Ubhala umbongo wakhe ongehlobo onemvano-siphelo.
Ubhala izivakalisi ezinxulumene nomfanekiso esebenzisa ixesha langoku elimiyo.
Ukrwela umgca ngaphantsi kwezenzi kwizivakalisi.
Ubhala umhlathi asebenzise iziphawuli.

53 Wowu! Onje umbongo 112
Ufunda umbongo.
Wenza umbongo njengomdlalo phambi kweqela lakhe.
Unika umbongo isihloko.
Uphendula imibuzo ethile ngombongo.
Ubhala amagama achazayo.
Uchaza iintsingiselo zamagama.
Unika isizathu sokuwuthanda okanye sokungawuthandi umbongo.
Uchaza iimpawu zezikhuzo.

54 Masiyile 114
Ukhangela amagama kwisichazi-magama.
Ukhangela iintsingiselo zamagama kwisichazi-magama ukuze afumane ingcambu nentsingiselo.
Ubhala umbongo wakhe ngokusebenzisa isicwangciso esithile semvano-siphelo.
Uchaza umzobo.
Uzoba umfanekiso ukuze awutshatise nombongo.
Uchaza imfanozandi ezikumbongo.
Uthiya izilwanyana amagama ngokusebenzisa imfanozandi.
Ubhala umbongo asebenzise imfanozandi

55 Ndingubani mna? 116
Uthetha nomhlobo ngesiqu sakhe okanye ngomntu anqwenela ukuba nguye.
Uyazichaza.
Ufunda umbongo.
Unika umbongo isihloko.
Uchaza isithethi esikulo mbongo.
Uphendula imibuzo ethile ngombongo.
Uyaxela ukuba uthanda isihobe esinemvano-siphelo na okanye esingenamvano-siphelo.
Ubiyela izibizo ezingabambekiyo ngesangqa.
Ubhala izibizo ezingabambekiyo ezizezakhe.
Ubhala isivakalisi asebenzise isibizo sento esingabambekiyo.

56 Ndisenokungabambeki? 118
Ubhala umhlathi ochazayo asebenzise izibizo ezingabambekiyo.
Ubhala umbongo ngaye ubuqu asebenzise isakhiwo esithile.
Ufunda umbongo osebenzisa isibizo esingabambekiyo.
Uchaza izikweko ezifumaneka kumbongo.
Uguqula isikweko sibe sisifaniso.

Imiyalelo
Ikota yesi-2: liveki 7-8

57 Intsomi yokudalwa kwamaSan 120
Uxoxa ngendalo neqela lakhe.
Ufunda ibali lokudalwa kwabaThwa.
Uphendula imibuzo ethile ngebali elisabuntsomi
Uchaza intsingiselo yegama elithi San.
Ubhala umhlathi.
Ufuna amagama kwisiqendu aze awatshatise neentsingiselo zawo.

58 Ukucinga ngoMntanezulu 122
Ulandelelanisa izivakalisi ukuze zenze umhlathi obumbeneyo.
Usebenzisa iziphumlisi.
Ubhala umhlathi ochazayo.
Usebenzisa amagama ahlanganisayo.
Ugqibezela itheyibhile ngokusebenzisa iziphawuli zothelekiso.
Uguqula iingxelo zibe yimibuzo ngokusebenzisa amagama athile abuzayo.
Usebenzisa uphawu lombuzo ngendlela efanelekileyo.

59 Ipikoko ifumana umvuzo 124
Uxoxa ngomfanekiso wepikoko.
Ufunda intsomi engepikoko.
Uphendula imibuzo ethile ngepikoko.
Ukhetha isihloko sebali.
Uchaza isizathu sokuba ibali lepikoko libe yintsomi edumileyo.
Unika uluvo olukhatshwa sisizathu.
Uchaza iintsingiselo zezaci.

60 Okunye ngepikoko 126
Uchonga isivakalisi esiyintloko nezivakalisi ezinika inkxaso ezikumbongo.
Uphinda abhale umbongo eshiyelela iinkcukacha ezingabalulekanga.
Ugqibezela itheyibhile echaza abalinganiswa, imontlalo, iziganeko ezikhokelela kungquzulwano, usukuzwano, iziganeko ezenziwe lungquzulwano nemfundiso yebali.
Utshatisa amagama neenkcazo zawo.
Usebenzisa amagama ukuchaza ipikoko phambi nasemva kwenguquko.
Uguqula izivakalisi ezikwintetho-ngqo zibe kwingxelo-ntetho.

61 UAnansi isigcawu esinyolukileyo nofudo lolwandle 128
Ufumanisa intsingiselo yentsomi edumileyo ngokusebenzisa imifanekiso.
Uqikelela indlela eza kuphela ngayo intsomi yodumo.
Ufunda aze aphendule imibuzo ethile ngentsomi yodumo.
Uchaza ingxam yebali, isakhiwo sebali, isimo sentlalo nabalinganiswa.
Uchaza imfundiso yebali.
Ufunda ngokukhawuleza incwadi yokusebenzela efuna ulwazi.
Wakha amagama amatsha ngezimaphambili.

62 Okunye ngo-Anansi 130
Wenza isicwangciso sebali.
Uchaza ingxam, isakhiwo sebali, isimo sentlalo nabalinganiswa.
Uchaza iziphawuli nezibaluli ezichaza u-Anansi isigcawu.
Ubhala izivakalisi ngokusebenzisa amagama achazayo.
Ubalisela iqela lakhe ngomntu amaziyo, asebenzise izichazi.
Ubhala iziganeko ngokulandelelana asebenzise izihlanganisi.
Ugqibezela izivakalisi ngokusebenzisa izikhankanyi.
Ufaka iziphumlisi kwisivakalisi ngokusebenzisa oonobumba abakhulu, izingxi, iikoma, iimpawu zemibuzo nezocaphulo.

63 Indlela iqhwarha elafumana ngayo imigca yalo 132
Uchaza ukuba libali elinjani intsomi.
Ubalisa intsomi.
Uthetha ngoqweqwe lwencwadi aze achaze igcisa, ulwazi oluseqweqweni aze aqikelele okuza kwenzeka ebalini.
Ufunda ibali.
Uphendula imibuzo ethile ngebali.
Uchaza iiyantlukwano phakathi kwebali eliyinyani nentsomi.
Usebenzisa izihlanganisi ukudibanisa izivakalisi.

64 Yila eyakho intsomi 134
Uchaza iintsingiselo zezifaniso nezikweko.
Ubhala isivakalisi esebenzisa isifaniso.
Uguqula izivakalisi ezikwisinye zibe kwisininzi.
Ubhala intsomi.
Uludwe oluqwalaselwayo



Masenze isingqisho



Masithethe

Wakhe waba sengxakini ngenxa yokukhaba ibhola eyaphula into ethile? Xelela iqela lakho ngento eyenzekayo.

Ngaba iFerrari yimoto yexabiso elikhulu? Xela isizathu sokuba ucinge ngolo hlobo.

Ngaba ukhona umntu omaziyo onemoto entle kakhulu?



Masifunde Funda le mibongo.

Kudala-dala kwakukho inkwenkwezi eyayingummangaliso

Yazibona isiya phezulu kangako kude kangako

Suka yawa bhu phantsi

Suka yafana nomhlekisi

Yayisazi ayinakuya kude kangako.

NguKaitlyn Guenther

Kwakukho indoda eyayineFerrari

Yangxama ukunqumla iKalahari

Isiya kuthenga iincwadi

Ezingobu buhle bungummangaliso

Okungako ukungxama ngummangaliso.

NguY. Ganie





Olu hlobo lombongo kuthiwa sisihlekiso semigca emihlanu.



Kwakukho ixhego lasePeru

Elaphupha lisitya isihlangu salo.

Lavuka ebusuku njalo,

Linkwantya ngokwenene,

Kanti kunjalo ngenene.

Akukho gama lamntu





Masibhale

Ngowuphi umbongo ocinga ukuba ngowona uhlekisayo? Xela ukuba kutheni.

Guqula umyalelo. Qwalasela imibongo ehlekisayo uze uxele ukuba ngaba okulandelayo yinyaniso na okanye asiyonyaniso. Phawula u-ewe omele “u-yinyaniso” no hayi omele “u-asiyonyaniso”.

Ilimerikhi inemiqolo emihlanu	EWE	HAYI
Ilimerikhi ngumbongo oxhalisayo	EWE	HAYI
Imiqolo yelimerikhi inemvano-siphelo.	EWE	HAYI



Umhla:



Ucinga ukuba indoda eyayikwiFerrari nenenekazi elaliyinkwenkwezi babezidla? Xela ukuba kutheni.

Ibizama ukwenza ntoni indoda yeFerrari?

Kwenzeka ntoni kwixhego elaphupha ngesihlangu salo?

Ucinga ukuba umbongo wesihlangu uyahlekisa? Xela ukuba kutheni.



Xa ubalekisa amehlo kulo mbongo, ufumanisa isigqisho sawo. Oku kulula kakhulu. Zifundele umbongo kodwa ukhwaze, umamele amalungu amagama owagxininisayo. Amanye amalungu siyawagxininisa, kodwa asenzi njalo kwamanye. Nanku umzekelo, siphawule khona amalungu agxininiswayo ngo- ✓ kanti amalungu angagxininiswayo aphawulwe ngo ×.

Umzekelo: ✓ × × × × ✓ × × × × ✓ × × × Babuyile kumdyarho wamahashe

Ngoku zama ukufunda ngokukhawuleza. Sebenza nomhlobo wakho. Qalani ngokuwafunda kunye amagama, nize niphawule amalungu agxininiswayo nangagxininiswayo.

ULovane luguqula umbala walo;
Unokubonakala njengomthi okanye njengodonga;
Uziyekelele kwaye uneentloni akakufuni nokujongwa,
Yiloo nto asuka ahlale phantsi engceni ajike abe luhlaza,
Azenze ngathi akayonto kwaphela.



Ukwenza imvano-siphelo



Bhala igama elinemvano-siphelo efana nelinye igama malunga nawo onke amagama alandelayo:

umhlaba	ulwazi	ibhoma	izulu	imilambo



Ngoku sebenzisa amagama amabini ubhale izivakalisi ezinemvano-siphelo:



Umzekelo:

Izichotho zasebusika zizalise imilambo

Angumkhenkce ogaqambisa amathambo



Phinda ujonge umbongo omalunga nelovane kwakhona. Imbongi ithi liyakwazi ukuba njengomthi okanye njengodonga.

Imbongi isebenzisa isifaniso. Ucinga ukuba imbongi ithetha ukuthini xa isithi ulovane lunjengomthi?

Isifaniso
Isifaniso sisebenzisa izimaphambili ezinjengezi "njenge" okanye "okwe/okwa/oko" ukuze kuthelekiswe into okanye uluvo nolunye.
Umzekelo: Uguguzela okwembovane.

Yenza izifaniso ezithathu ezizezakho uxele ukuba zithetha ntoni. Sebenzisa ezi zibini zamagama kwizifaniso zakho.

cula no intaka

luhlaza no ingca

mde no ingxangxosi

Umhla: _____



Eminye imibongo inemvano-siphelo, kodwa eminye ayinayo. Imibongo enemvano-siphelo ineepatheni zemiqolo enemvano-siphelo. Kukho indlela eyodwa yokubonisa ukuba yeyiphi imiqolo enemvano-siphelo embongweni.

Beka u-**A** ecaleni komqolo wokuqala. Ukuba igama elisekupheleni komqolo olandelayo linemvano-siphelo negama elisekugqibeleni kumqolo wokuqala phinda ubhale u-**A** kwakhona. Xa ufika egameni elingenamvano-siphelo, beka u-**B**. Funda lo mbongo uhlekisayo uze uphendule imibuzo:

Kwakukho intombi kwindawo yaseNeel	(**A**)
Eyayichitha ukutya phantsi qho xa isitya isidlo.	
Ngesimilo esibi kangako	
Yayimphambanisa unina,	
Yena uyise wayesithi egxwala abe etswina.	

Lo mbongo uhlekisayo unemiqolo emingaphi?

_____

Ngawaphi amagama anemvano-siphelo? Bonisa ipatheni yemvano-siphelo. Sikuqalele ipatheni.



Ngoku bhala umbongo ongowakho ohlekisayo, oqala ngolu hlobo:

Kwakukho inkwenkwe eyayilichule lokucula

_____

_____

_____

_____

_____



Qhwabani izandla nibonise amalungu ala magama. Khumbula, ilungu elinye legama lingumngqisho omnye. Emva koko yahlukanisani amagama ngokwamalungu awo.

Umzekelo: ikonisathi i/ko/ni/sa/thi

abadlali bevolibholi

uWillie Wonka nomzi-mveliso weTshokolethi



51 Okunye ngemihobe



Masithethe

Sebenzani ngokwamaqela enu.

- Leliphi ixesha lonyaka olithanda kakhulu? Xela ukuba kutheni.
- Leliphi ixesha lonyaka ongalithandi kakhulu? Xela ukuba kutheni.



Masifunde

Imisetyenzana yoKwindla

Ihlobo liyozela ngoku;
Kungekudala liza kulala;
Iintyatyambo ziqubuda iintloko zazo,
Eli xesha lonyaka liyasongwa.

Ukwindla selusemnyango,
Alusenamonde lungxamile,
Lunomsebenzi omninzi ekufuneka luwenzile,
Phambi kwexesha lokuwa kwekhephu.

“Kufuneka ndipeyinte amagqabi,” utshilo,
“Ngemibala ebomvurha nesabugolide,
Ndithumele iintaka kwiindawo ezikude
Kungekabandi kakhulu

Iimini zelanga ziza kuba mfutshane ngoku;
Ndiza kuzisa umsinga opholileyo, obandayo;
Kubekho isiqabu kule ngqatsini yehlobo,
Andinalusini nazicengo.

Inye nje into ekusafuneka ndiyenze;
Umsebenzi wam sowuza kuqukunjelwa;
Ndiza kuguqula amagqabi abe ziimfumba ezikrwabakrwaba,
Abantwana baza kulonwabela ukwindla!”

NguJoanna Fuchs





Masibhale

Xoxa ngemibuzo nomhlobo wakho uze ubhale iimpendulo.

Lo mbongo umalunga neliphi ixesha lonyaka? Phawula impendulo echanekileyo.

Intwasahlobo	
Ihlobo	
Ukwindla	
Ubusika	



Umhla:



Yintoni eza kwenzeka ehlotyeni?

Ajika abe njani amagqabi phambi kokuwa emithini?

Ukwindla luza kuwenza ntoni amagqabi ukuze onwabise abantwana?

Chaza intsingiselo yala mabinzana amagama:

kuba semnyango

ixesha lonyaka liyavala



Masibhale

Tshatisa amagama asekhohlo namagama asekunene.
Bhala la magama angqindilili kwisichazi-magama sakho.

lisozela	umsebenzi
akunamonde	ukuphumla
obandayo	ukuphumla
isiqabu	kungxamile
akrwabakrwaba	linobuthongo
isinyanzelo	opholileyo

Isikweko: Isikweko sithelekisa ngokunika umfanekiso-ntelekelelo.
Isifaniso sifanisa ngokuthi ufana nento ethile (**unwabu lunjengomthi**); isikweko siyangqalisa sona – sithi uyinto ethile (**unwabu ngumthi**).
Isimntwiso luhlobo lwesikweko apho iimpawu zomntu zinikwa into engengomntu.
Umzekelo: Ulwandle lucaphukile



Masibhale

Krwela umgca ngaphantsi kwemizekelo
emine yesimntwiso kulo mbongo.



Masibhale

Ngoku funda esi sicengcelezo sesikolo sabaqalayo. Uyayibona indlela inkomo, inja, nesitya ezinikwe iimpawu zomntu ngayo?

Qamba owakho umbongo apho usebenzisa isimntwiso khona.

Umlambo
Mna ndingumntwanana
Wesibhakabhaka.
Ikhaya likwelaa zulu liluhlaza.
Ndihambahamba
Ngenqwelo yomoya,
Ndinxib' ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa.
Ndizolile cwaka;
Ndinyathela kuhle
Kwiindawo ezintle ezibuthafa.
Ndiyacamngca, wena,
Ndibulel' uMdali
Ngendalo ebunzwan' ejikeleyo qho.



Ukusebenza ngamagama



Masithethe

- Funda nomhlobo wakho umbongo othi Imisetyenzana yoKwindla nikhwaze.
- Uqaphele ukuba amanye amagama anemvano-siphelo?
- Uwafumene kweyiphi imiqolo amagama anemvano-siphelo?



Masibhale

Uza kubhala owakho umbongo onemvano-siphelo.

Funda imiqolo engezantsi. Yimiqolo yokuqala embalwa yombongo malunga nobusika. Amagama asekupheleni kwesibini ngasinye somqolo aba nemvano-siphelo.



NgoMvulo kune iimvula eqhaqhazelisayo kwangumbono wamanz' abalekayo.

Iqabaka yangoLwesibini ibiluma iindlebe zatsho zabomv' izidlele.



Ngoku bhala umbongo ofana nalo ungasentla ngeveki ethile yehlobo.

Qala ngokubhala onke amagama onokuwacinga uchaze imozulu yehlobo. Jonga ukuba akhona na anemvano-siphelo. Bhala phantsi amanye amagama onokuwasebenzisa anemvano-siphelo namagama osowunawo. Ngoku unako ukusebenzisa la magama ubhale umbongo wakho.

Khumbula ukusebenzisa amagama anemvano-siphelo ekupheleni kwesibini semiqolo.
Qala ivesi nganye ngesimaphambili esithi "ngo". Umzekelo: NgoMvulo, ilanga kwizibhakabhaka
Bhala umbongo wakho onemvano-siphelo apha.

Umhlathi liqela lemiqolo eyenza umbongo. Eminye imibongo inomhlathi omnye kuphela, eminye inemihlathi emininzi. Umbongo othi "Imisetyenzana yoKwindla" unemihlathi emihlanu.

Umhla:

Masibhale

Xelela iqela lakho ngezinto ezenziwa ngaba bantu. Sebenzisa ixesha langoku elimiyo. Ngoku bhala phantsi izivakalisi zakho uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesenzi ngasinye.

Sisebenzisa ixesha langoku elimiyo xa sithetha ngenyathelo elenziwa ngoku.
Senza ixesha ngokusebenzisa isimaphambili u-ya kwimo ende no-a ekugqibeleni kwegama okanye u-a yedwa kwimo emfutshane ekupheleni kwegama.
Umzekelo: Umama u**ya**pheka okanye umama upheka isidlo sasebusuku.



Umzekelo: Iintombi ziyayidlala ibhola ekhatywayo...

Masibhale

Phinda ujonge umbongo othi Imisetyenzana yoKwindla kwakhona. Imbongi isebenzisa iziphawuli ezichazayo ukuchaza uKwindla. Endaweni yokuthetha ngomoya ithetha ngomsinga opholileyo; obandayo; kanti endaweni yokuthetha ngeemfumba zamagqabi, ithetha ngeemfumba ezikrwabakrwaba.

Bhala umhlathi wemigca emine ngexesha lonyaka. Sebenzisa iziphawuli ezichazayo ukuze umbongo wakho ube nomdla.

Wowu! Umbongo ongaqhelekanga kangaka!



Masithethe

Funda lo mbongo uze wenze umdlalo ngomhlathi wesibini, wesithathu nowesine phambi kweqela yakho.



Ngongcwalazi emasimini avuniweyo
Amadiza edidizelis'intsalela:
Zonke izikhondo zimi ngokukhondoza
Kuba ukutya sekufuquziwe.

"Balumkele ooDyabulosi, nyana wam!
Imihlathi isebenza ngeentlafuno, iintupha zinqakule!
Lumkela iimfene namaxhalanga, phepha!
Baxhwiphula bedyuduzela begravuza, Gosh!"
Ngokonga ixesha kusetyenzwa ngerhengqa:
Yimfazwe yokutyhuthula ngexesha lokwindla –
Ukuze kusale ifusi elichumileyo lililolo,
Kuba intsalela yesivuno idibana neyezilwanyana.
Kunyamfuzela kodwa konke kuyafuneka
Phuf! Mabathathe bagqibe abasafun'amadiza,
UJaloyi noSeyibhokhwe bayadywidisha nabo,
Umetyiso uyahlohlwa kuba kungxanyiwe!
Kanye, kabini! Kanye, kabini! Kuphunyezwe
Iingobozi nazo beziphuphuma zithe ntli!
Ngoosenza, ngumbona, neembotyi
Ubusika buya kufika amasimi eze!

Akaxelwanga umbhali



Masibhale

Nika isihloko sombongo ongasentla.

Imbongi isebenzise amagama angaqhelekanga nazicingele wona angesosiXhosa. Ucinga ukuba ukwenzele ntoni oku? Phawula impendulo ocinga ukuba ichanekile.

	Ibifuna ukwenza umbongo ungaqondeki lula.
	Ibifuna ukuba abafundi basebenzise ingqikelelo yabo xa befunda umbongo.
	Ibisonqena kakhulu ukusebenzisa amagama esiqhelo.
	Ibingafuni ukuba abafundi bayiqonde intsingiselo yombongo.

Umhla: _____

Inxenye yombongo niyenze njengomdlalo. Ucinga ukuba uthetha ngantoni umbongo?

Xa unokudibana neemfene ebusuku ungothuka? Xela ukuba kutheni.

Xela izinto ezintathu ezichaza indlela ezitya ngayo iimfene namaxhalanga.

Nika inkcazo yakho yentsingiselo yala magama:

sekufuquziwe _____

ngokukhondoza _____

ukutyhuthula _____

kunyamfuzela _____

ifusi _____

bayadywidisha _____

Uyawuthanda lo mbongo? Xela ukuba kutheni. _____



Isihloko seli cwecwe lokusebenzela esithi Wowu! Umbongo ongaqhelekanga kangaka! Sineempawu ezimbini zezikhuzo. Olokuqala uphawu lusemva kwesikhuzi kwaye lubonisa ukumangaliswa; olwesibini sisikhuzi.

Krwela umgca ngaphantsi kwezikhuzo uze ubiyele iimpawu zezikhuzo kumbongo omfutshane olandelayo.

Yhu! Uthimle wamongoza uVuyo,
Akalibazisanga ugqirha wakhomba esibhedlele.
Esibhedlele kunyangwe umkhuhlane
Ngesitofu esinye qwaba
Wabe uVuyo engayeki ukukhuza.
Heyi! Engaka yona!
Shu! Ebuhlungu kangaka!
Hayi bo! Ayilunganga le nto uyenzayo!

Izikhuzo ngamagama asetyenziselwa ukubonisa uvakalelo olunamandla okanye lwesiquphe.

Ziyaqukwa kwisivakalisi – zikholisa ukuba sekuqaleni –zibonise ukumangaliswa, ukudana, uvuyo, uchulumanco okanye uthakazelelo.

Olu phawu lwesikhuzo (!) lusetyenziselwa ukubonisa uvakalelo oluze ngamandla.

Masiyile



Khangela igama elithi kufuquziwe negama elithi ukudywidisha kwisichazi-magama sakho. Uwafumene? Hayi! Kungokuba akakho amagama anjalo.

Ngoku khangela elithi ukukhondoza. Uya kufumanisa ukuba libhekiselele ebantwini. Umbhali ulisebenzisele ukwenza isimntwiso. Lithetha ukuthini igama elithi "phepha" elisetyenziswe yimbongi? Ukuba ubuyimbongi ubuya kusebenzisa esiphi isikhuzi endaweni ka'Gosh'?

Sebenza neqela lakho.

Khangelani la magama nijonge ukuba akhiwe kwawaphi amagama:

kunyamfuzela

edidizelisa | intsalela | iintlafuno | bayadywidisha | eze | umetyiso | udyabulosi



Bhala umhlathi usebenzise amagama ozicingele wona. Umhlathi wakho mawube nemiqolo emine ubude. Chonga imvano-siphelo oyibona nakweyiphi imiqolo yombongo.



Jonga umfanekiso osecaleni kombongo.
Wuchaze.

Ngaba uyayifumana intsingiselo yombongo kulo mfanekiso? Xela ukuba kutheni.

Ukuba ubufanele ukwenza umzobo ngalo mbongo wasemasimini ubuya kuwuzoba njani? Xela ukuba kutheni.

Umhla:

Masibhale

Xa sibhala umbongo siwabhala ngeendlela ezingaqhelekanga amagama. Enye yezo ndlela sithi luphinda-phindo.

Funda lo mbongo uze ubiyele ngesangqa yonke imizekelo yophinda-phindo.

Uphinda-phindo lwenzeka xa amagama asondeleleneyo esebenzisa isandi esinye. Khumbula, akuthethwa ngonobumba omnye kodwa isandi esinye. Umzekelo: iintlafuno zemihlathi zintlantlatha isintlankantlakiso side sicoleke.

Umdlalo webhola ekhatywayo

Thutshu ithintelwe yathubeleza noko
Bamkhwaza eyikhaba abakhuzi bekhuthazekile.
Phambili phakathi emnatheni yangena,
Ukungxama nokugxalathelana akwanceda!
Ibhola yeenyawo luyolo olonwabisayo.
Masiye estediyam, mna nawe kuphela



Masibhale

Khawunike amagama ezilwanyana usebenzise uphinda-phindo.

Umzekelo: Nyanga Ngonyama, Nkaniza Nkawu

	ikati		inja
	intlanzi		ingwe

Masibhale

Yandisa lo mgca ube ngumbongo webali. Yonwaba!

Ibhabhathane elimbetshembetshe lihle (A)

_____ (B)

_____ (A)

_____ (B)



Ndingubani mna?



Masithethe

Thetha nomhlobo wakho ngale mibuzo.

- Uyamthanda umntu onguye okanye unqwenela ukuba ngomnye umntu? Xela ukuba kutheni.
- Xelela umhlobo wakho ngomntu okwaziyo ukuba wena ungubani.
- Zichaze kumhlobo wakho. Unako ukuthetha ngendlela obukeka ngayo nokuba ungumntu onjani.
- Ngoku chaza oyena mhlobo wakho mkhulu. Ucinga ukuba angavumelana nawe ngenkcazo yakho? Xela ukuba kutheni.
- Khawucingele xa ubufuna ukuba ngomnye umntu. Ufuna ukuba ngubani? Xela ukuba kutheni.



Masifunde Funda lo mbongo.

Kukho abantu abacinga ukuba bayandazi
Abanye bacinga ukuba bandazi
Ngaphezu kwabanye
Kodwa ndicinga ukuba bayaphazama.
Ngamanye amaxesha ndimde
Ngamanye amaxesha ndimfutshane
Ngamanye amaxesha ndityebile
Ngamanye amaxesha ndibhityile.
Kodwa basathi bayandazi
Kodwa akunjalo
Kuba andichazi mna
Ndichaza isithunzi sam.

NguJoe Mhlontlo





Masibhale Nika isihloko sombongo.

Ngubani othethayo kulo mbongo?

Abantu bakholisa ukubhala umbongo xa kukho into ebakhuthazileyo okanye xa kukho into ebakhumbuza enye. Ucinga ukuba le mbongi ikhuthazwe yintoni ukuze ibhale lo mbongo?

Umhla:

Chaza ukuba sityetyiswa yintoni isithunzi somntu okanye sibhitya, sibe side okanye siba sifutshane xa kutheni.

Lo mbongo awunamvano-siphelo. Funda inguqulelo yawo enemvano-siphelo. Ucinga ukuba lo mbongo uvakala phucukileyo? Xela ukuba kutheni.

Kukho abantu abacinga ukuba bayandazi
Abanye bacinga ukuba bandazi
Ngaphezu kwabanye
Kodwa ndicinga ukuba bayaphazama.



Masibhale

Biyela izibizo zezinto ezingabambekiyo kwizivakalisi ezingezantsi.

Umhlobo wam undicele ukuba ndicinge ngokubaluleka kobuhlobo.

Uthando lukamama ngomntwana wakhe luyacaca.

Umntwana ujonge imfumba yeelekese ngamehlo abawayo.

Amehlo akhe ebezele ukurhala xa ebejonge iilekese.

Uqhwabe izandla zakhe ngovuyo xa isikolo besiphumelela kwitumente yebhola ekhatywayo.

Izibizo zezinto ezingabambekiyo zizimvo, ziimvakalelo okanye yimiqondiso efana nothando, uloyiko, umsindo, inkuthazo, uvuyo, ubuhle nesizungu. Azibonwa ngamehlo kwaye azibambeki.

Masibhale

Cinga ngezibizo zakho zezinto ezingabambekiyo. Zibhale ngezantsi.

Bhala isivakalisi usebenzise esinye sezibizo zakho ezingabambekiyo.

Ndisenokungabambeki?



Bhala umhlathi wemiqolo emihlanu uzichaze. Zama ukusebenzisa izibizo ezibini zezinto ezingabambekiyo kwinkcazo yakho.



Bhala umbongo ngawe.

Sebenzisa esi sishwankathelo.

Umgca woku-1: _____ (Igama lakho)

Umgca wesi-2: _____, _____, _____

(iimpawu zoqobo lwakho ezi-3 okanye ezomzimba)

Umgca wesi-3: Ungumntakwabo okanye udadewabo okanye unyana/intombi ka _____

Umgca wesi-4: Othanda _____, _____ kunye _____ (abantu aba-3, izinto, izimvo)

Umgca wesi-5: Oziva _____ (Uvakalelo olu-1 into-1)

Umgca wesi-6: Ofuna _____, _____ kunye _____ (izinto ezi-3 ozifunayo)

Umgca wesi-7: Onikela _____, _____ kunye _____ (izinto ezi-3 owabelana ngazo)

Umgca wesi-8: Owoyika _____, _____ kunye _____ (izinto ezi-3)

Umgca wesi-9: Othanda ukubona, _____ (indawo-1 okanye umntu)

Umgca we-10: Onephupha _____

(eli-1 okanye uluvo)

Umgca we-11: Umfundi _____

(isikolo sakho okanye igama likatitshala)

Umgca we-12: _____

(Igama lesiqhulo okanye phinda igama lakho lokuqala)

Umhla: _____



Funda lo mbongo osebenzisa ‘uvuyo’ njengesibizo sento engabambekiyo uze uqambe owakho umbongo ngesibizo esingabambekiyo.

Funda umbongo eklasini.



UVUYO

Uvuyo luyi-orenji

Uvuyo lunuka okwentsimi yeentyatyambo

Incasa yeyeayisi-khrim yetshokolethi

Isandi salo sesentsimbi yokuphuma kwesikolo

Lutofotofo njengoboya bekati yam

Luhlala endlwini yam amaxesha amaninzi







Funda lo mbongo.

Langandini elishushu,
Ngqatsini ebilisayo,
Ngubonkulu yamahlwempu,
Nozala wamaxesh’ onyaka,
Sibane sesibhakabhaka,
Mlilo ekothiwa kuwo,
Usenjenjalo nje,
Ungomomisi wendalo.

Bhala ngokutsha enye yeevesi uguqule isikweko sibe sisifaniso.



Yahlula la magama ngokwamalungu awo.

Faka iqhagamshela emva kwelungu ngalinye umzekelo i-ce-bi-so, the-ngi-sa, u-m-se-be-nzi.

Ungalahluli igama elinelungu elinye.

ukuchaza

amaxesha

impazamo

isithunzi

tyhini



Intsomi yokudalwa kwamaSan

- Iqela ngalinye linamabali alo eliwathandayo aqhele ukubaliswa ngabantu.
- La mabali abizwa ngokuba ziintsomi.



Masithethe

- Ucinga ukuba lithetha ntoni igama elithi ukudala?
- Ikhona into owakhe wayidala?
- Ucinga ukuba ihlabathi ladalwa ngubani?
- Ucinga ukuba wena wadalwa ngubani?



Masifunde

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Intsomi yokudalwa kwamaSan (abaThwa)



UMntanezulu wayekho kwasekuqalekeni kwehlabathi. Inyosi ethile yamthwala yamweza ngaphaya kwezantyalantyala zamanzi awayegubungele umhlaba omtsha. Le nyosi yaziva igodola kwaye idiniwe. Yakhangela umhlaba oqinileyo apho yayinako ukothula lo mthwalo. Yaye icotha ngokucotha ukubhabha oku, yaye isondela ngokusondela emanzini.

Ekugqibeleni, kwavela intyatyambo enkulu emhlophe idada phezu kwamanzi, ithiwe nyi nje ukuvulwa oku.



Yambeka uMntanezulu embindini wentyatyambo yaza yatyala kuye imbewu yomntu wokuqala. Le mbewu yayikhuselekile emoyeni nasemanzini. Yaye yafa loo nyosi emva koko. UMntanezulu waye wavukela kwelo langa lentsasa kwaza kwadaleka umntu wokuqala ongumSan.

UMntanezulu sisithixo sokuqala samaSan esathi sadala saza sazithiya amagama zonke izinto. UMntanezulu othandazayo uthumela imvula aze enze nokuzingela kube kokulungileyo. Ukhusela abantu kwizigulo nasezingozini.

Kodwa amaSan awanquli uMntanezulu. Anqula ilanga, inyanga kunye neenkwenkwezi, kodwa hayi kuMntanezulu.





Masibhale

Wakha wambona umntanezulu othandazayo?

Ngawaphi amagama onokuwasebenzisa xa uchaza umntanezulu othandazayo?

Zeziphi izinto ezintle umntanezulu othandazayo azenzela abantu abangabaThwa?

Umhla: _____



Ngaba kubalulekile ukwenzela abanye izinto ezilungileyo?

Thetha ngezinto ezimbini ezintle ozenzileyo.

Isikweko sisafobe esichaza into njengento engeyiyo ekuthethwa ngayo, umzekelo.

Leliphi elinye igama labantu abangabaThwa? Khetha kula magama:

amaSan | amaXhosa | amaZulu | amaTsonga

Inyosi nomntanezulu othandazayo baqinisekisa ukuba kuzalwa umntwana wokuqala womThwa. Ucinga ukuba kwakutheni ukuze inyosi ikhethelwe ukwenza lo msebenzi? Khetha elona gama lifanelekileyo lokugqibezela esi sivakalisi:

Umbhali ukhethe inyosi kuba ikwazi _____ ezinye izinambuzane ezizama ukuyinqanda.

ukukhaba | ukuhlaba | ukuluma | ukwenzakalisa

UMntanezulu ubakhusela entweni abaThwa?

AbaThwa banqula ntoni?

Cingela xa unokubona umntanezulu othandazayo egqabini. Ungenza ntoni?

Ubuya kwenza into eyahlukileyo ukuba ubumncinane, mhlawumbi ulingana nesinambuzane? Xela ukuba kutheni.



Masibhale

Funa amagama kwesi siqendu anezi ntsingiselo uze uwabhale kwizithuba ezichanekileyo. Bhala amagama akho kwisichazi-magama sakho.

	Imvula ena ngamandla
	into enzima
	ukunqandela
	olukhuni
	ukukhonza

Ukucinga ngoMntanezulu



Masibhale

Bhala ezi zivakalisi zilandelelane wakhe umhlathi. Ungalibali ukuqala izivakalisi zakho ngonobumba omkhulu zize ziphele ngesingxi.

UMntanezulu wavuka ukuphuma kwelanga lokuqala kuzelwe umntu wokuqala ngumThwa.
Yaza yasweleka inyosi
Ekugqibeleni, yabona intyatyambo enkulu emhlophe emanzini ivuleke ngokungaphelelanga
Yabeka uMntanezulu esizikithini sentyantyambo yaza yatyala kuyo imbewu yomntu wokuqala.
UMntanezulu wayekhona ekuqaleni kwehlabathi
Inyosi yambeleka imdlulisa emanzini ezichotho ezimnyama ezazigqume ihlabathi elitsha
UMntanezulu othandazayo sisithixo sabaThwa esadala zonke izinto saze sazithiya.
UMntanezulu uza nemvula nokuzingela okulungileyo



Masibhale



Sebenzisa la magama ubhale umhlathi ochaza umntanezulu othandazayo.

Sebenzisa amagama achazayo nala magama angezantsi ukuze uhlanganise izivakalisi:

yena | xa | kwaye | yakhe | okanye

Intloko ijike kangange-180°; amehlo azingela ixhoba; uhleli, ulindele ixhoba; ubhityile, umzimba uluhlaza; iingalo ezinde zingasongwa phambi komzimba wayo; imiqolo yameva abukhali kwimilenze engaphambili; uyabetha;



Umhla:

Masibhale

Gqibezela itheyibhile usebenzise iziphawuli zothelekiso.

Umzekelo: inde	Indana	Inde kakhulu
inzima		
ibanzi		
imbi		
incinci		
inkulu		



Masibhale

Guqula ezi zivakalisi zibe yimibuzo. Sebenzisa igama elibiyelweyo. Ungalibali ukufaka uphawu lombuzo.

Umzekelo

Abathwa banqula ilanga, inyanga neenkwenkwezi. (bani) AbaThwa banqula bani?

Ekuqaleni kwehlabathi uMntanezulu wayekhona.
(Phi)

Inyosi yambeleka imdlulisa elwandle. (Ngubani/yintoni)

Inyosi yayigodola kwaye idiniwe. (Njani)

Yakhangela umhlaba olukhuni. (Ntoni)

Inyosi yafa emva kokufumanela uMntanezulu indawo ekhuselekileyo. (Nini)

Ipikoko ifumana ibhaso



Masithethe

- Jonga umfanekiso wepikoko. Thetha ngeentsiba, ngomsila wayo, ngeenyawo zayo, ngendlela emi ngayo.
- Ucinga ukuba yintaka entle?
- Yintoni entle kuyo?
- Phanda ukuba imazi yepikoko kuthiwa yintoni.



Masifunde

Phambi kokuba ufunde

- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.



Kudala-dala, ipikoko yayikade iyintaka engentlanga. Iintsiba kunye nesisila sayo zazimdaka ngebala futhi zingacocekanga, kwaye yayinamanqina ashwabeneyo angaqhelekanga. Ngenye imini, xa uPikoko wayexakekile exhola ukutya emhlabeni, u-Indra, isithixo sesibhakabhaka, wadlula kufutshane naye ebaleka.

"Uyaphi ungxame kangaka?" wabuza uPikoko.

"Ndileqwa sisikhohlakali sekumkani uRavana uzama ukundibamba. Nangona ndisisithixo nje ndikwazi nokusebenzisa umbane ukwenzakalisa abantu, yena uRavana ayikho into enokumchukumisa. Into endinokuyenza ukusindisa ubomi bam kukuzimela kuphela. Kodwa ayikho indawo endinokuzimela kuyo apha." "Yiza khawuleza. Ndiza kuphakamisa isisila sam uze ke wena uzimele emva kwaso."

URavana akazange ambone u-Indra koko wasuka wamgqitha waya kungena esizikithini sehlathi.

"Enkosi, enkosi," watsho u-Indra. "Umbi kakhulu kodwa ukhaliphile. Ukukunika umvuzo ngokukhalipha kwakho, ndiza kukwenza ube yeyona ntaka intle kwihlabathi liphela." Uthe ukuba atsho, yajika ipikoko. Iintsiba zayo zaba nguluhlaza wesibhakabhaka oqaqambileyo saza isisila sayo sona saba sisiphozisi esihle esiluhlaza esinamehlo abugolide. UPikoko wazijonga emanzini wayibona indlela awayemhle ngayo.

Wasuka wazidla kakhulu emana ehamba-hamba ejikeleza ethe qhiwu intloko. Rhoqo xa ebona imazi yepikoko, eyayiseneentsiba ezimdaka ngebala yona, wayesinweba isisila sakhe ukuyibonisa indlela awayemhle ngayo.

Kodwa yintoni engazange itshintshe? Amanqina akhe! Qho xa uPikoko ejonga amanqina akhe ebona indlela amabi ngayo, wayedla ngokusiwisa isisila sakhe aze enze isikhalo esikrakra! Kwi-Indiya yakudala kwakudla ngokuthiwa rhoqo xa uPikoko esenza isikhalo ngelizwi elihlabayo, loo nto yayithetha ukuba kuza kubakho iindudumo, imibane kunye nemvula. U-Indra, isithixo seendudumo kunye nemibane, wamenza uPikoko wasisithunywa sakhe.

Umhla:



Masibhale Yayinjani ipikoko phambi kokuba itshintshwe?

Yaba njani yakuguquka?

Yaziphatha njani emva kokuziqonda ukube intle?

Ukhona umntu omaziyo ozicingela ukuba mhle kakhulu?

Uziphatha njani?



Khetha esona sihloko sifanele eli bali:

	U-Indra usaba isithixo esingqingqwa
	Indlela ipikoko eyazifumana ngayo iintsiba zayo
	Ipikoko nemazi yepikoko

Ucinga ukuba ibali lepikoko yintsomi? Xela ukuba kutheni.

Kwakutheni ukuze u-Indra aguqule iintsiba nesisila sepikoko?

Ucinga ukuba uPikoko wayenobubele phambi kokuguquka abe yintaka entle okanye emva koko? Nika izizathu zempendulo yakho.

Intsomi libali elikholisa ukuba nabalinganiswa abazizilwanyana, kwaye limalunga neziganeko ezingeyonyaniso. Linemfundiso.



Masibhale Ufunde ibali ngepikoko eyayimbi yaze yantle. Ucinga ukuba kuthetha ntoni ukuthi “uzidla njengepikoko”?

Xoxa ngento ocinga ukuba yintsingiselo yezi ntetho kwiqela lakho uze uyibhale.

Ukungalibali ngathi yimfene		Kuse nasebukhweni bezinja	
Ukuba lunwabu		Ukuhlinza impuku	

Okunye ngePikoko



Masibhale

Jonga isihloko nesivakalisi sokuqala sombongo ongezantsi. Zikuxelela ngokuba umalunga nantoni. Ezinye izivakalisi zizivakalisi ezinika inkxaso. Zikuxelela banzi ngesivakalisi esingundoqo. Nangona kunjalo, ezinye izivakalisi asizozalo mbongo. Ezi zivakalisi azisiniki lwazi ngoluvo olungundoqo. Bhala umbongo ngokutsha uze ushiye ezo zivakalisi.

IPikoko

Pikoko, pikoko, imibala yakho mihle,
Unondlwane owonwabileyo omncinane
Uzuba okolwandle, akwaba ubungowam.
Iipatheni zakho zintle okomnyama,
Ngaloo mibala imangalisayo iluhlaza, izuba namthubi.
Utsibela phaya, uphinde uthi gxada phaya.
Unyathela kakuhle, ngondiliseko nangeqhayiya,
Isandi sesikhalo sakho singxola kakhulu.
Amehlo akho anomlingo, aluhlaza ngokumangalisayo.
Kwee! Kwee! Ubiza abahlobo bakho.
Ungumbono ofanele ukubukwa ngenene.





Masibhale

Gqibezela itheyibhile engezantsi. Kwikholamu yokuqala, bhala abalinganiswa abasentsomini uze uchaze isimo sentlalo. Kwikholamu yesibini, bhala iziganeko ezikhokelele kwingxaki okanye kungquzulwano. Kwikholamu yesithathu chaza ungquzulwano okanye ingxaki, uze ubhale okwenzeke ngenxa yongquzulwano. Okokugqibela, bhala phantsi umyalezo okanye imfundiso yentsomi.

Abalinganiswa nemontlalo	Iziganeko ezikhokelele kungquzulwano	Ungquzulwano ebalini	Iziganeko ezibangelwe lungquzulwano	Imfundiso

Umhla: _____

mbi | ukuzidla | ukukhalipha | isikhalo



Funda inkcazo uze uzalise isikhewu ngelona gama lifanelekileyo elikuludwe.

ukutswina	
kungekho buhle kwaphela	
ukuba neqhayiya ngenkangeleko yakho	
okwaziyo ukuqubisana nengozi	



Sebenzisa amagama asebhokisini uze uchaze ukuba yayinjani ipikoko phambi kokuba ntle nasemva kokufumana ubuhle.

ayiqhelekanga | intle | ishwabene | oluhlaza | ingentlanga | zuba ogaqambileyo | zintsundu | imdaka | amehlo asabugolide

Ngaphambili	Emva



Guqula ezi zivakalisi zikwintetho-ngqo zibe kwingxelo-ntetho.

"Uyaphi ungxame kangaka?" ubuzile uPikoko.

UPikoko wabuza u-Indra _____

"Ndileqwa sisikhohlakali sekumkani uRavana."

U-Indra uthe _____

"Njengomvuzo wokuba ligorha, ndiza kwenza ube yeyona ntaka intle ehlabathini."

U-Indra wathi _____

61 U-Anansi isigcawu esibawayo nofudo lolwandle



Masithethe

Sebenzani ngokwamaqela.

- Jonga isihloko sentsomi nemifanekiso uze uxelele iqela lakho ngento ocinga ukuba lingayo ibali.
- Ucinga ukuba liza kuphela njani ibali?



Ngenye intshonalanga, u-Anansi isigcawu wahlala phantsi eza kutya isidlo esimnandi sasebusuku. Kanye xa u-Anansi wayeza kuqala ukuluma, weva kunkqonkqozwa emnyango. Wavula. Kwakukho uFudo lolwandle, olwalubonakala ludinwe kakhulu. UFudo lolwandle lwathi, "Anansi, ndicela undivulele. Ndihambe umgama omde namhlanje, ndidiniwe kwaye ndilambile."



Kodwa u-Anansi wayengafuni ukwabelana ngesidlo sakhe nomnye umntu. Ngoko ke wacinga icebo elikhohlakeleyo. Lwathi kanye xa luhlala etafileni uFudo lolwandle luzama ukufikelela ekutyeni, wamkhwaza u-Anansi, "Fudo lolwandle, zimdaka izandla zakho! Akunakutya ngezandla ezimdaka kangaka! Hamba uye kuzihlamba." Izandla zoFudo lolwandle zazimdaka ngenene, ngenxa yokuhamba imini yonke. Ngoko ke uFudo lwakhasa lungangxamanga ukuya emlanjeni lwahlamba izandla zalo, lwaza lwakhasela etafileni kwakhona.

Ngelo xesha u-Anansi wayeseqalile ukutya. Uthe ebuya uFudo kwabe sekuphantse kwaphela ukutya. Uthe xa ehlala phantsi uFudo wakhwaza u-Anansi kwakhona, "Fudo, izandla zakho zisemdaka! Hamba uye kuzihlamba kwakhona!" Kaloku zazimdaka kuba uFudo wayehamba ngazo xa esuka emlanjeni. Kalusizi, uFudo waphakama waya kuhlamba izandla zakhe kwakhona.



Uthe ebuya uFudo ekhasa kwabe sekuphelile ukutya. UFudo wajonga u-Anansi wathi, "Ndiyabulela ngokundimemela kwisidlo sangokuhlwa. Xa kunokwenzeka ube kufuphi nendlu yam ngenye imini, uze uncede ungene uze kutya isidlo sangokuhlwa kunye nam."

Hayi ke, ekuhambeni kwexesha, u-Anansi isigcawu waya wakhumbula isithembiso sikafudo sokumondla. Ngoko ke ngenye imini waya kwaFudo ngexesha lesidlo sasemini, ilanga liphezu komlambo ngqo. UFudo wayesacambalele eliweni egcakamele ilanga, ezifudumeza njengoko esenza amafudo. UFudo uthe akubona uAnansi, "Molo, Anansi! Uzokutya isidlo sangokuhlwa nam?" Waza wathi u-Anansi, "Ewe, kungakuhle kakhulu oko, enkosi." Waya elamba ngokulamba.

UFudo wantywilela emanzini. U-Anansi walinda emaweni elunxwemeni. Wakhawuleza wabuyela emanzini uFudo wathi, "Kulungile Anansi! Sekulungile ngoku. Ungazokutya nam isidlo sangokuhlwa." Wasuka uFudo wantywilela emanzini kwakhona wasuka watya amagqabi aluhlaza njengesidlo sakhe sasebusuku. U-Anansi wazama ukuntywilela ezantsi emlanjeni, kodwa wayesisigcawu, engelofudo, waxakwa kukuntywilela enzulwini. Wamana edadela emva aphinde abuyele phezulu. Wazama ukutsibela phakathi, wazama ukuntywila kwakhona, kodwa akwanceda nto. Zange akwazi ukufikelela ezantsi azokufumana isidlo sangokuhlwa.



Ekugqibeleni u-Anansi wacinga icebo. Wafaka amatye amaninzi epokothweni yedyasi yakhe, yada yanzima ngokwaneleyo ukuze antywilele ezantsi emlanjeni. Wabona itafile yofudo, izele ngamagqabi anamanzi aluhlaza nezinye iintlobo zokutya ezimnandi.

Umhla: _____



Uthe xa u-Anansi ezama ukufikelela koko kutya kumnandi, wamnqanda uFudo. UFudo wathi, “Anansi, ngokuqinisekileyo akunakutya isidlo sasebusuku unxibe idyasi?



Asenzi njalo apha kule ndlu.” U-Anansi wakhulula idyasi. Kodwa ngaphandle kwamatye epokothweni yakhe amtsalela ezantsi, waphinde wadadela phezulu emlanjeni kwakhona, wasuka watakela ngaphandle kwamanzi.

Lithetha ngabani eli bali? _____

Lenzeka phi eli bali? _____

Lithetha ngantoni eli bali? _____

Lifundisa ntoni eli bali? Phawula impendulo echanekileyo.

	Okuqale kakuhle kuphela kakuhle!
	Xa uzama ukuziphakamisa komnye umntu, uya kufumanisa ukuba nguwe othotywayo.
	Musa ukuluma isandla esikondlayo.



Masibhale Funda ngokukhawuleza kwincwadi yemisebenzi uze uphendule le mibuzo.

Ibali lika-Anansi isiGcawu likweliphi iphepha? _____

Ngowuphi umsebenzi wokuqala ofanele ukuwenza? _____

Ngowuphi umsebenzi wokugqibela ofanele ukuwenza? _____

Ufanele ukufunda ngezimaphambili kweyiphi iveki? _____



Masibhale Sebenzisa izimaphambili ukwakha amagama amatsha:

isi | um | aba | ulu

hlaba | thi | ntu

Isimaphambili sisakhi esiphambi kwengcambu yegama. Senziwa liceba nesisekelo kwaye singayitshintsha intsingiselo yegama.

_____

_____

_____

_____

Okunye ngo-Anansi



Masibhale

Yila isigcawu sebali. Zalisa izikhewu ezikwimilenze yesigcawu. Zalisa imilenze yesigcawu sakho: abalinganiswa abaphambili, umxholo, isimo sentlalo nesakhiwo sebali.





Masibhale

Fakela izichazi ezichaza umlinganiswa u-Anansi.

Khetha ezinye kwibhokisi engezantsi.



obawayo

ongalunganga | onobubele | ukhohlakele | ozicingela yedwa | omhle | ncinci

olambileyo | olungileyo | odiniweyo | oselula | onamaqhinga | uhlakaniphile | khulu

Kwisikhewu esingezantsi, bhala izivakalisi ezithathu ezipheleleyo usebenzise amagama akwinkcazo yakho.

Umhla:



Masibhale Cinga ngomntu omaziyo uze umchaze ngokusebenzisa amagama akule theyibhile.

usemtsha okanye mdala	womelele okanye ubuthathaka	mde okanye mfutshane	unomzimba omkhulu okanye unciphile
ulumkile okanye sisiyatha	unobubele okanye unekratshi	uthetha kakhulu okanye uthule	Uyakhathala okanye uzicingela yedwa



Masibhale Bhala iziganeko ezisebalini ngokulandelelana kwazo.

Okokuqala isigcawu siye sahlala phantsi ukuze sitye isidlo esimnandi.
Kwaza
Kwaza
Emva koko
Emva kwexesha uAnansi waya kutyelela ufudo enethemba lokufumana isidlo esimnandi.
Kwaza
Kwaza
Ekugqibeleni

Isikhankanyi sakhiwa ngokufakela u-**uku** kwisiqu sesenzi. Umz. Ndiyakuthanda **uku**tya Sikwasetyenziswa njengesibizo sehlelo 15. Umz. Ukutya



Masibhale Yakha isikhankanyi ngamagama abiyelweyo.

Sakubonana (tshona) kwelanga.

Wamana (lunguza) ngefesitile efuna (bona) iindwendwe.

Authe akugqiba (tya) wazivalela egumbini.

Ndithembise (khathalela) izigcawu kodwa andikwazi (khathalela) izinambuzane.

U-Anansi (thanda) kakhulu (tya).

Besifuna (bona) umboniso wesigawu saze sacela (hamba).

Kuqhelekile (hamba) xa kuzolile kodwa namhlanje ndikhetha (hlala) ekhaya.

"Ungathanda (ncedisa) sipheke isophu yamatye?

Indlela iqhwarha elafumana ngayo imigca yalo



Masithethe

- Eli bali liyakholeleka. Ucinga ukuba libali eli njani?
- Akhona amabali akholelekayo owaziyo? Mhlawumbi umakhulu wakho okanye umama wakho ukhe wakubalisela amanye? Ukuba likhona olaziyo, balisela iqela lakho.
- Kutheni ucinga ukuba elo bali limana ukubaliswa?
- Ngubani umbhali?
- Qikelela into ocinga ukuba iza kwenzeka ebalini





Masifunde

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na. • Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Kudala-dala, imfene eyayinkulu kwaye ineengcwangu yaya kuhlala elunxwemeni lomlambo.

Le mfene yayiziphazamisa kakhulu ezinye izilwanyana ezazihlala ngoxolo kolo nxweme.

Yayisithi yonke indawo engasemlanjeni yeyayo, yaza yabhengeza ukuba akukho mntu unelungelo lokusela amanzi kuloo mlambo.

Ezinye izilwanyana zaba nomsindo ngenxa yonxano kodwa singekho esizithembe ngamandla ngokwaneleyo ukuba singacela umngeni kwisigqibo semfene – ngaphandle kweqhwarha.

Ngelo xesha, iqhwarha lalinesikhumba esimhlophe okobisi lingathi lihashe elimhlophe.

Iqhwarha elikhaliphileyo lafumana imfene iphumle ecaleni komlilo omkhulu, yacela baqubisane balwe.

Kwavunyelwana ukuba owoyisiweyo uza kunyanzeleka ukuba alushiye unxweme lomlambo.

Zalwa ezi zilwanyana zibini, yayinkwa nenkwa imva kwemini yonke lade latshona ilanga.

Iqhwarha labonakala lidinwa yaza imfene yalityhalela emlilweni ngesiquphe.

Kwenzeka into engaqhelekanga.

Iintlungu ezazibangelwa ziinkuni ezivuthayo zilitshisa emqolo, zalinika amandla angummangaliso iqwarha!

Ngenxa yeentlungu nomsindo, iqwarha layikhaba loo mfene yaya kulala ngaphanya komlambo! Yabaleka yemka. Iqwarha lalingxwelerhekile.

Kunanamhla loo dyasi imhlophe isenemigca yokuvutha kweenkuni.

Loo migca isisikhumbuzo sokukhalipha kwalo kumlo walo nemfene.



Umhla: _____



Chaza ukuba imfene yenza ntoni eyaphazamisa ezinye izilwanyana elunxwemeni lomlambo.

Yintoni eyanika iqhwarha amandla awongezelelweyo ngexesha lomlo?

Iqhwarha layifumana njani imigca yalo?

Ucinga ukuba lalikhaliphile iqhwarha? Xela ukuba kutheni usitsho nje.

Ngaba eli bali liyintsomi okanye yinyaniso? Xela ukuba kutheni.



Gqibezela ngokufakela isihlanganisi esichanekileyo kwizivakalisi ezingezantsi. Khetha emagameni asebhokisini.

nangona	kwaye	kuba	kodwa	okanye	xa	ngoko ke/ ngenxa yoko	ukuba	ide

Isifaniso sisafobe apho ukufaniswa kwezinto kuxelwa ngokucacileyo ngokusebenzisa amagama angala: njenge-, ngokwe, okwe, nqwa ne, ngathi.

Umzekelo: o mntu umnyama njengokhozo lomya.

Isilweko sisafobe apho into ethile ibekwa endaweni yenye okanye kuthiwa yenye into: Umzekelo: Niyityuwa yehlabathi nina.

1. Isikolo sasahlukile _____ ndandineminyaka emihlanu.

2. Ndenza umsebenzi wam _____ ndifuna ukuphumelela eluviweni.

3. Masihlale silinde apha _____ ibe nesiqabu imvula.

4. Ndimbone ehamba kwisithuba seyure _____ ezimbini ezidlulileyo.

5. Le ncwadi iyabiza _____ iluncedo kakhulu.

Yila eyakho intsomi



Masibhale Krwela umgca ngaphantsi kwezifaniso nezikweko kwisivakalisi ngasinye.

Khetha intsingiselo echanekileyo yesifaniso nesikweko ngasinye ebhokisini. Emva koko bhala intsingiselo emgceni ezantsi kwesivakalisi ngasinye.

			uyacotha
uhamba ngokuzidla	uyadlisela	unomsindo kakhulu	akananto yakuthetha

Wathwala amaphiko oko waba nemoto entsha.

UMimi usuke wayipikoko.

Uloliwe wasuku wahamba okonwabu ngale mini.

Yhoo! wasuka walugcwabevu.

Ndisuke ndayinkuku esikwe umlomo, andinabhongo.

Bhala isivakalisi esisesakho esisebenzisa isifaniso ukuthelekisa into nenye.



Umhla:

Masibhale

Guqula izibizo zibe kwisininzi. Qiniseka ukuba uyazitshintsha nezenzi zakho.

Ipikoko inyuka isihla engceni.

Intlungu yokutsha emqolo yanika iqhwarha amandla amakhulu ngephanyazo!

Imfene enkulu yayihlala elunxwemeni lomlambo.

Iqwarha lafumana imigca yalo mhla lawela emlilweni.

Masibhale

Bhala intsomi (kwiphepha elilandelayo). Amabali amaninzi aziintsomi azama ukuchaza indlela eyeza ngayo into ethile ehlabathini.

Imizekelo ithi: "Indlela indlovu eyafumana ngayo umboko wayo" okanye "Indlela umnyama owafumana ngayo imibala yayo" okanye "Kutheni inyanga ibonakala ebusuku".



Abalinganiswa bebali elibuntsomirha banokuba ngabantu abangafaniyo nabaqhelekileyo (abantu abanamandla ohlobo olulodwa abafana noSpiderman okanye noSuperman), okanye izilwanyana, okanye abalinganiswa bemimangaliso. Abalinganiswa bamabali abuntsomirha baneemvakalelo zabantu (bayakwazi ukonwaba, ukuba lusizi okanye ukuqumba).

- Bhala imihlathi emithathu – isiqalo, isiqu nesiphelo.
- Bhala ibali elinokumanyelwa ngabantu.

- Sebenzisa isaphe sokucinga sikuncede ekucwangciseni isincoko sakho
- Bhala ilinge lokuqala
- Cela umhlobo alihlele
- Libhale kwakhona ulungise iimpazamo
- Bhala ke ngoku isincoko sakho ngononophelo encwadini yakho.

Bhala isihloko sentsomi yakho:

Umhlathi wokuqala:

Umhlathi wesibini:

Umhlathi wesithathu:



Umhla:

Isichazi-magama sam



A a



B b



C c



D d



E

e



F

f



G

g



H

h



I

i



J

j



K

k



L

l



M m



N n



O o



P p



Q q



R r



S s



T t

Isichazi-magama sam



U u

Y y



V v

Z z



W w



X x



























Cut out this bookmark and fill in the titles of the books you have read so far this year.

book 7:

book 6:

book 5:

book 4:

book 3:

book 2:

book 1:

name:





name:

book 1:

book 2:

book 3:

book 4:

book 5:

book 6:

book 7: